Officials of the Department of Cultural Affairs and Sport fulfil the executive and administrative functions associated with the Heritage Western Cape. Departmental staff that supports the Public Entity includes the Chief Financial Officer, Director: Museums, Heritage and Geographical Names, line function in the aforementioned Directorate as well as a dedicated Financial Management team that supports the Chief Financial Officer. Whilst line function staff and Senior Managers fulfils a dual role, the financial management team is dedicated to the Public Entity. Due to the dual role performed by most of the aforementioned staff, it is difficult to apportion the time spent with the Public Entities. Resultantly, the service in-kind related to their salaries cannot be measured reliably. The recognition therefore relates only to the dedicated finance team who supports the CFO in the execution of her role as CFO to the Public Entity and the Department. The amount disclosed therefore represents the service in-kind provided by the finance team only.

Entertainment:
The variance is due to fewer catering required because meetings were held virtually.

Gifts and awards:
During the 2019/20 year certificates were given to members at the end of their term.

Legal fees:
The variance is due to no litigation and court cases received during the year under review compared to the previous year.

Printing and stationery:
The variance is due to fewer copies printed of the various reports.

Travel and subsistence:
The variance is due to fewer site visits done during the year under review as a result of the impact of COVID-19.

Notes to the Annual Financial Statements

	2021 R '000	2020 R '000
15. Members fees		
Annas, R	-	14
Attwell, M	-	33
Bailey, E	36	19
Baumann, N	22	24
Belter, D	46	15
Buttgens, P	38	35
Black, W	-	8
Carlsen, R	43	11
Collier, M	43	7
De Kock, S De	6	22
Swardt, I De	-	11
Waal, J	-	29
Dumbrell, K	30	53
Fataar, M	32	4
Gribble, J	24	19
Gibbs, D	42	34
Hermansen, S	29	10
Jacobs, G	74	61
Johnston, S	51	14
Knight, J	36	25
Lavin, J	3	7
Leshoro, T	-	12
Makeka, M	4	25
Malan, A	21	42
Martin, R	20	27
Mavumengwana, S	29	53
Mdludlu, M	26	23
Mgijima, B	10	14
Milandri, L	39	12
Moffette, A	-	6
Muller, C	72	83
Mutti, B	-	14
Myakala, V	12	16
Narainne, G	19	9
Ndhlovu, B	-	1
Orton, J	18	16
Pansegrouw, C	-	6
Peters, W	57	11
Redelstorff, R	2	-
Ruiters, R	-	19
Saunders, D	40	42
Scurr, M	47	46
Smart, C	-	13
Smidt, I	-	13
Smith, R	30	3
Snelling, C	-	54
Thomas, G	-	28
Van de Merwe, H	7	40
Van Graan, A	21	24
Vermeulen, F	-	40
Webley, L	29	56
Williams, G	20	-
Winter, S	21	-
Wolters, M	8	4
	1 107	**1 207**

	2021 R '000	2020 R '000

16. Cash (used in) generated from operations

Deficit	(404)	(313)
Changes in working capital:		
Inventories	-	1
Receivables from exchange transactions	13	(15)
Other receivables from non-exchange transactions	-	500
Payables from exchange transactions	(5)	(2)
Unspent conditional grants and receipts	-	241
	(396)	**412**

17. Commitments

Authorised operational expenditure

Approved and Contracted		
Africa Web - Website hosting	15	32
Joline Young Heritage Consultancy	-	40
Eco Africa Environmental Consultants (Pty) Ltd	172	172
Archeo - Adventures: CMP for Early Farmsteads	33	33
Yolk designs	13	13
SSA ADS Pty LTD	114	114
Vidamemoria Heritage Consultancy: Princess Vlei	-	55
Vidamemoria Heritage Consultancy : 5 Provincial Heritage Sites	-	81
Square One Landscape Architects	-	75
Eco Africa Environmental Consultants (Pty) Ltd	465	-
Cedar Tower Services Pty Ltd	76	-
	888	**615**

Total operational commitments		
Approved and contracted	888	615
	888	**615**

This expenditure will be financed from:

Total commitments		
Authorised operational expenditure	888	615

18. Contingent liabilities

MIDNIGHT STORM INVESTMENTS 170 (PTY) LTD v MINISTER OF ARTS AND CULTURE and Others, case 46055/15

This relates to a court case that was lodged at a North Gauteng High Court. The case relates to a decision that was taken by HWC not to approve the planned upmarket housing development, rezoning and subdivision rights to a property which is a Provincial Heritage Site. HWC is cited as a 3rd Defendant and the MEC for Department of Cultural Affairs and Sport of the Western Cape is cited as a 5th Defendant. The owners have issued a summons to recover the costs they have expended on the land as they allege that the declaration limits their property rights and should be seen as a constructive expropriation. The trial was heard in July 2019 and was concluded with the closing arguments in January 2020. The Court ruled in favour of the defendants. Subsequent to the judgment, **Leave to Appeal** to the Supreme Court of Appeal was granted by the Gauteng High Court. If the claim succeeds at the Supreme Court of Appeals, HWC's liability is estimated at R8.2million, unless the department approach the Constitutional Court to make a final pronouncement on the matter.

Notes to the Annual Financial Statements

	2021 R '000	2020 R '000

19. Related parties

Relationships	
Primary Funder	Department of Cultural Affairs and Sport
Strategic Funder	Western Cape Cultural Commission
Strategic Funder	Western Cape Language Committee

The Department of Cultural Affairs and Sport provides accommodation to Heritage Western Cape to execute their administrative and financial operations.

Related party transactions

Income received from related party		
Department of Cultural Affairs and Sport	550	1 844

20. Prior period errors

Receivables was not fully disclosed in terms of GRAP 104 which resulted in an overstatement.

The correction of the error(s) results in adjustments as follows:

Statement of financial position		
Receivables from exchange transactions	-	(89)
Opening Accumulated Surplus	-	(89)

21. Risk management

The entity's activities expose it to a variety of financial risks: market risk (fair value interest rate risk, cash flow interest rate risk), credit risk and liquidity risk.

Liquidity risk

Liquidity risk is the risk that the entity will not be able to meet its financial obligations as they fall due. In terms of its borrowing requirements, the entity ensures that adequate funds are available to meet its expected and unexpected financial commitments. All outstanding accounts payable balances are due within 30 days of the reporting date.

Sensitivity analysis

At 31 March 2021, if the interest rates on variable rate financial instruments had been 1% higher/lower with all other variables held constant, surplus for the year would have been R66 101 higher / lower.

Credit risk

Credit risk refers to the risk that the counterparty will default on its contractual obligations resulting in financial loss to the entity. The entity has adopted a policy of only dealing with creditworthy parties.

Credit risk consists mainly of cash deposits, cash equivalents, derivative financial instruments and trade debtors. The entity only deposits cash with major banks with high quality credit standing and limits exposure to any one counter-party.

No credit limits were exceeded during the reporting period, and management does not expect any losses from non-performance by these counterparties.

Maximum exposure to credit risk

The entity's exposure to credit risk with regards to loans and receivables is limited to the amounts on the balance sheet**.**

21. Risk management (continued)

Market risk

The entity is not exposed to market risk, due to it being required to settle creditors within 30 days of receiving an invoice as required by the treasury regulations and the PFMA.

Interest rate risk

The entity's risk profile consists of fixed and floating rate loans and bank balances which exposes the entity to fair value interest rate risk and cash flow interest rate risk and can be summarized as follows:

Financial assets

Trade and other receivables are at a fixed rate. Management manages interest rate risk by negotiating beneficial rates on floating rate loans and where possible using fixed rate loans.

Management also has a policy balancing the interest on asset loans with the interest payable on liabilities.

Cash flow interest rate risk

Financial instrument	Due in less than one year	Due in one to two years	Due in two to three years	Due in three to four years	Due after five years
Normal credit terms : Cash in current banking institutions	6 610	-	-	-	-
Payables - Extended credit terms	-	-	-	-	-
Net amount	6 610	-	-	-	-
Past due but not provided for	-	-	-	-	-

	2021 R '000	2020 R '000

22. Budget variances

Material variances between budget and actual amounts

Budget Adjustment:
During the 2020/21 financial year the budget was decreased with R377 000, from an original budget of R2,367m to an adjusted budget of R1,990m. This was mainly due to the decrease in the transfer payment from the Department of Cultural Affairs and Sport resulting from the impact of COVID-19.

22.1 - Heritage Application Fees:
The variance is due to less application fees received during the year under review due to the impact of COVID-19 on the construction industry.

22.2 - Other income from non-exchange transactions:
The variance is mainly due to GRAP 23 donation/employee cost adjustment made for service in-kind received from the Department of Cultural Affairs and Sport. Refer to note 14 for detail.

22.3- Transfers and subsidies received:
The variance is due to the decrease in transfer funds received from the Department of Cultural Affairs and Sport due to budget cuts that was imposed resulting from the impact of COVID-19.

22.4 - Members fees:
The variance is due to fewer site visits conducted than planned because of the lockdown restrictions.

22.5 - General Expense:
The variance is mainly due to GRAP 23 donation/employee cost adjustment made for service in-kind received from the Department of Cultural Affairs and Sport. Refer to note 14 for detail.

23. BBBEE Performance

Information on compliance with the B-BBEE Act is included in the annual report under the section titled B-BBEE Compliance Performance Information.

URhulumente weNtshona Koloni
ImiCimbi yeNkcubeko nezemiDlalo

ILifa leMveli leNtshona Koloni
Erfenis Wes-Kaap
Heritage Western Cape

INgxelo yoNyaka
2020/2021

Imifanekiso equlathwe kwiqweqwe laleNgxelo yoNyaka yeLifa leMveli leNtshona Kapa wama-2020/2021:

1. IGenadendal Moravian Mission Station Slave Bell (34°02'S 19°33'E)

2. I-Ofisi eNdala yamaPasi kwaLanga, kwiSixeko saseKapa (33°56'38.9"S 18°31'33.6"E)

3. I-Ofisi eNdala yamaPasi kwaLanga, kwiSixeko saseKapa (33°56'38.9"S 18°31'33.6"E)

4. Incopho yeChapman's Peak, kwiSixeko saseKapa (34.0883° S, 18.3594° E)

Okuqulathiweyo

ICANDELO A: IINKCUKACHA NGOKUBANZI 4

1. IINKCUKACHA NGOKUBANZI ZEQUMRHU LOLUNTU 5

2. ULUHLU LWEZISHUNQULELO/IZIFINYEZO 6

3. IMBULAMBETHE NGUSIHLALO 8

4. ISISHWANKATHELO SEGOSA ELIYINTLOKO 11

5. INGXELO YOXANDUVA NENGQINISEKISO ECHANEKILEYO YALE NGXELO YONYAKA 14

6. ISISHWANKATHELO SESICWANGCISO 15

   6.1. Umbono 15

   6.2. Umnqophiso 15

   6.3. Iimpawu zentsulungeko 15

7. UWISO-MTHETHO NAMANYE AMAGUNYA 15

8. ULWAKHIWO LOMBUTHO 26

ICANDELO B: IINKCUKACHA ZOKUSEBENZA 27

1. INGXELO YOMPHICOTHI ZINCWADI: IINJONGO EZIMISELWEYO 28

2. UHLALUTYO LWESIMO 28

   2.1. Ubume bokuHanjiswa kweeNkonzo 28

   2.2. Ubume Bombutho 35

   2.3. Uphuhliso lomgaqo-nkqubo oluphambili notshintsho kwezomthetho 41

   2.4. Inkqubela-phambili ekufezekiseni iimpembelelo neziphumo zequmrhu ... 42

3. IINKCUKACHA ZENKQUBO YOKUSEBENZA KWEQUMRHU 44

   3.1. Inkqubo/umsebenzi/injongo 44

4. UKUQOKELELWA KWENGENISO 49

   4.1 Utyalo-mali oluKhulu 50

ICANDELO C: URHULUMENTO 51

1. INTSHAYELELO 52

2. IIKOMITI ZEEPOTIFOLIYO (ukuba zikhona) 52

3. IGUNYA LOLAWULO 53

4. IGUNYA ELIPHENDULAYO/IBHODI 53

5. ULAWULO LOMNGCIPHEKO 62

6. ICANDELO LOLAWULO LWANGAPHAKATHI 66

7. UPHICOTHO LWANGAPHAKATHI NOPHICOTHO LWEEKOMITI 66

8. UTHOTYELO LWEMITHETHO NEMIMISELO 68

9. UBUQHOPHOLOLO NORHWAPHILIZO 68

10. UNCITSHISO LOKUNGQUBANA KWEMIDLA 69

11. INDLELA YOKUZIPHATHA 69

12. UKHUSELEKO LWEZEMPILO NEMIBA YOBUME BEZENDALO 70

13. UMABHALANA WENKAMPANI/WEBHODI (UKUBA UKHONA) 70

14. UXANDUVA KULUNTU 70

15. INGXELO YEKOMITI YOPHICOTHO-ZINCWADI 70

16. IINKCUKACHA ZOKUTHOBELA UKUSEBENZA KWE B-BBEE 74

ICANDELO D: ULAWULO LWEZABASEBENZI 75

1. INTSHAYELELO 76

2. IINKCUKACHA-MANANI ZOLONGAMELO LWEZABASEBENZI 76

ICANDELO E: IINKCUKACHA ZEMALI 77

1. INGXELO YOPHICOTHO LWANGAPHANDLE 78

2. IINGXELO-MALI ZONYAKA 85

ICANDELO A: IINKCUKACHA NGOKUBANZI

1. IINKCUKACHA NGOKUBANI ZEQUMRHU LOLUNTU

IGAMA ELIBHALISIWEYO	Ilifa leMveli leNtshona Kapa
IFOMU ESEMTHETHWENI YEQUMRHU	Iqumrhu loLuntu
UHLOBO LOSHISHINO NEMISEBENZI EPHAMBILI	Kukuchonga, ukukhusela, ukulondoloza, ukulawula nokukhuthaza ilifa leMveli kwiNtshona Kapa
INOMBOLO YOBHALISO	AYINGENI
IDILESI YOKUHLALA	3rd Floor, Protea Assurance Building Greenmarket Square Cape Town 8001
IDILESI YEPOSI	P. O. Box 1665 Cape Town 8000
I(II)NOMBOLO ZOMNXEBA	021 483 9598
INOMBOLO YEFEKSI	021 483 9845
IDILESI YEMEYILE	ceoheritage@westerncape.gov.za
IDILESI YEWEBHUSAYITHI	www.hwc.org.za
ABAPHICOTHI BANGAPHANDLE	Umphicothi-zincwadi Jikelel woMzantsi Afrika
IGAMA NEDILESI	19 Park Ln, Milnerton, Cape Town, 7441
IIBHANKI	Nedbank and ABSA
IGAMA NEDILESI	Nedbank - 85 St Georges Mall, Cape Town City Centre, Cape Town, 8001 Absa- Private Bag X9067 Corp Gauteng Cape Town
UMABHALANA WENKAMPANI/WEBHODI	AYINGENI

2. ULUHLU LWEZIFINYEZO/IZISHUNQULELO

AFS	IiNgxelo-mali zoNyaka
AGSA	Umphithothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika
APM	Inzululwazi ngezakudala, iMfundo ngezidalwa zamandulo neKomiti yeeNkwenkwezi eziqaqambileyo
BAR	INgxelo yoVavanyo olusiSiseko
BELCOM	UBume-meko bezoKwakha kunye neKomiti yeMbonakalo-mhlaba
BID	Uxwebhu lweeNkcukacha olusiSiseko
CEO	Igosa eliyiNtloko loLawulo
CFO	Igosa Eliyintloko Lezemali
CMF	Isakhelo soLawulo loLondolozo
CMP	Isicwangciso soLawulo loLondolozo
CoCT	Isixeko saseKapa
DCAS	Isebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo
DERM	ICandelo loLawulo loMngcipheko weShishini, iSebe leNkulumbuso
EE	Ubulungisa kwezeNgqesho
EIA	Uvavanyo lweMpembelelo yeNdalo
EIR	Ingxelo yeMpembelelo yeNdalo
EPWP	INkqubo yeMisebenzi yoLuntu eyaNdisiweyo
ERM	Ulawulo loMngcipheko weShishini
ERMECO	Ulawulo loMngcipheko weShishini neKomiti yokuziPhatha
EXCO	Ikomiti eLawulayo
FCPD	Uphuhliso loMhlaba oMkhulu osiSigxina
GRAP	Imithetho-siseko yokuNika iNgxelo eYamkelekileyo Jikelele
HIA	Uvavanyo lweMpembelelo yeLifa leMveli
HWC	Ilifa leMveli leNtshona Kapa
HOMS	Intlanganiso yamaGosa eLifa leMveli
IACOM	Ikomiti yoVavanyo lweMpembelelo
IGIC	Uluhlu lweeMpahla, iKomiti yokuHlela nokuTolika
MEC	Ilungu (lePhondo) leBhunga loLawulo
MTEF	IsiKhokelo seNkcitho mali sesiQingatha soNyaka
NBRBSA	IMigaqo yoKwakha kaZwelonke kunye noMthetho weMigangatho yoKwakha

NEMA	UMthetho kaZwelonke woLawulo lweNdalo
NHRA	UMthetho kaZwelonke weZixhobo zeLifa leMveli
NID	ISaziso seNjongo yokuPhuhlisa
NPA	IGunya lezoshutshiso likaZwelonke
PAIA	UMthetho wokuKhuthazwa koFikelelo kwiiNkcukacha
PDIA	uLungelelwaniso lweNgxaki eQhutywa luPhindaphindo
SAHRA	I-Arhente yeZixhobo zeLifa leMveli yoMzantsi Afrika
SAHRIS	INkqubo yeeNkcukacha zeZixhobo zeLifa leMveli yoMzantsi

3. IMBULAMBETHE KASIHLALO

Kuluvuyo kum ukuthi thaca iNgxelo yoNyaka yeLifa leMveli leNtshona Kapa kunyaka-mali ophela ngomhla wama-31 kweyoKwindla wama-2021. IBhunga lethu lonyulwe nguMphathiswa wePhondo weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo uMphathiswa oBekekileyo; UNks Anroux Marais malunga nonyaka omnye (1) oneenyanga ezisibhozo (8) ezidlulileyo kwisithuba seminyaka emithathu ukuqala ngomhla woku-1 kweyeNkanga yama-2019 ukuya kowama-31 kweyeDwarha yowama-2022. IBhunga lamiselwa yiNkulumbuso u-Alan Winde kunye noMphathiswa oBekekileyo uMarais ngomhla wama-23 kweyeDwarha yowama-2019.

IBhunga lenze utshintsho olungephi ukusukela ekutyunjweni kwalo okokuqala kwiikomitana zalo xa lalisonyulwa okokuqala ngenxa yorhoxo olwenzekayo kwizikhundla. Olu tshintsho lwenzelwa ukunciphisa ukungahambi kakuhle kunye nokusebenza kakubi kweekomitana. Umsebenzi omninzi weLifa leMveli leNtshona Kapa unikezelwe kwezi komiti nangona izigqibo zokugqibela zithathwa ze kufikelelwe kuzo liBhunga liphela. IBhunga lethu linombulelo ongazenzisiyo kwiingcali zelifa lemveli ezihlala njalo zinikezela ngeenkonzo zazo ngokuzithandela zisebenzela ezi komiti. Inkqubo yokulawula izibonelelo zelifa lemveli kwiphondo elikhula ngokukhawuleza njengeNtshona Kapa inzima kakhulu kwaye ifuna inyameko nezakhono ezizodwa. Oku kubonakala kwinani lamatyala angena kwiiNkundla zamaTyala kunye neenkundla ezandayo ukumiselwa ngoncedo lweLifa leMveli leNtshona Kapa.

Olu phuculo bebungenakwenzeka ngaphandle kokuzinikela kwabasebenzi beSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo abathe noko kukho iimpembelelo ezimbi ezibangelwe ngubhubhane weKhovidi-19 bakwazi ukuhambisa inkonzo ebalaseleyo. IBhunga linoluvo lokuba kufuneka abasebenzi abaninzi ukuze bakwazi ukwenza umsebenzi wabo ngokugqibeleleyo. Into exhalabisayo ikwayimivuzo ehlawulwa abasebenzi abaqeqeshiweyo. Kukho ukunyuka okuphezulu kwabasebenzi ngenxa yemivuzo yabasebenzi abaqeqeshiweyo abangakhuphisani kangako kwimarike. Le yinto ekufuneka ithathelwe ingqalelo ukuqhubeka nokuhambisa inkonzo ekumgangatho ophezulu kubantu beli phondo lethu silithandayo. Oku kubaluleke ngakumbi kuba uninzi lwezicelo ngoku zenziwa ngaphakathi.

Ngeli xesha liphantsi kophononongo, iBhunga liye laqhubeka nokuvavanya amagunya alo ngokusekwe kuluvo lwezomthetho oluqinisekisa ukuba iBhunga leLifa leMveli leNtshona Kapa liGosa eliPhendulayo. IBhunga lethu lixhamle kakhulu kwisikhokelo esinikezelwe liGosa eliyiNtloko lezeMali (i-CFO) kwaye ngoku sele liyiqonda ngcono imisebenzi yalo yokuthembeka. Olunye utshintsho lwenziwe kubathunywa beGosa eliPhendulayo ukwenza

ukuba iBhunga likwazi ukwenza lo msebenzi ubaluleke kangaka. Kwakukho utshintsho olungephi kubathunywa bekomiti. Uluhlu lweeKomiti zeMpahla, ukuGcina nokuTolika zinikwe igunya elibanzi lokuvuma izicelo zokubhaliswa kwemibutho yolondolozo.

ILifa leMveli leNtshona Kapa liziva lithobekile kuba ngeli xesha lophononongo, ezi ziza zilandelayo zabhengezwa njengeziza zeLifa leMveli lePhondo. Isiza esabhengezwa kuqala sasikwi-Ofisi eNdala yamaPasi kwaLanga kwi-Erf 661. UMphathiswa utyhile umbhalo wokuqala osemthethweni ngomhla wama-26 kweyoMdumba wama-2021. Uthe esi siza "sinembali etyebe kakhulu" ngendima yaso nenkqubo yedompas. Isiza sesibini esabhengezwa njengesiza seLifa leMveli lephondo yayiyiFreedom Square eBonteheuwel, ilokishi engekude kuyaphi kwilokishi yakwaLanga. Le yayiyindawo ekwakuhlanganwa kuyo apho ababesilwa inkqubo yengcinezelo nababesilwela inkululeko babeya kungungelana khona ukuze bacwangcise kwaye bacebe.

Ibhunga leLifa leMveli laseNtshona Kapa likhathazekile ngenkqubela ecothayo eyenziwe ngoomasipala ekufundeni ukubakho kolwazi malunga noMthetho weZixhobo zeLifa likaZwelonke, ongunombolo wama-25 we-1999 (i-NHRA). Ngelishwa, ibhunga alizange lenze miboniso yoluntu njengoko kwakucwangcisiwe ngenxa kabhubhane okhoyo njengoko kwakumiselwe ngaphambili kuzo zonke izithili zeli zephondo ukwenza ukuba oomasipala balwazi uxanduva lwabo nokubakhuthaza ukuba benze isicelo sobuchule. Ndingathanda ukugxininisa ukuba ezi zicwangciso ziphazanyiswe yiKhovidi-19. Le yinto iBhunga ethembisa ngokuyenza nje ukuba kukhuseleke, kusebenze kwaye kube kunokwenzeka.

Ndingathanda ukubulela obe enguSihlalo weBhunga, uMnu Bongani Mgijima kunye nebhunga langoku ngokuthatha inxaxheba kwabo enkulu ekuqhubeni ngobunono imisebenzi yeBhunga. Siyaluqonda uxanduva olukhulu olubekwa emagxeni ethu kwaye siziva sithobekile kukuphawula eli lungelo lilapha phezu kwethu ukuba sikhonze abantu bephondo lethu esilithandayo. Amazwi ombulelo kwakhona aya kubo bobabini, iGosa ebelisaya kuba leloLawulo eliyiNtloko, uGqr Mxolisi Dlamuka kunye nobesaya kuba liGosa loLawulo eliyiNtloko eliBambeleyo leLifa leMveli leNtshona Kapa kunye nakubasebenzi babo ngokwenza wonke umsebenzi onzima ukwenza umsebenzi wethu njengeBhunga ubelula kakhulu. Kananjalo singathanda ukudlulisa umbulelo wethu kuCFO, uNks Brenda Rutgers, nakwicandelo lakhe ekusincedeni sikwazi ukulawula imali yethu ngendlela efanelekileyo nangendlela enoqoqosho. Sinombulelo ongazenzisiyo kuMlawuli oyiNtloko uMnu Guy Redman neNtloko yeSebe uMnu Brent Walters, kunye noMphathiswa wePhondo oBekekileyo uNks Anroux Marais, ngenkxaso kumsebenzi weLifa leMveli leNtshona Kapa. Ngaphandle kwenkxaso yabo iinzuzo ezibonisiwe kule Ngxelo yoNyaka bezingayi kuphunyezwa. Okokugqibela, ilizwi lombulelo kwamanye amaBhunga esisebenza nawo namalungu ekomiti yeLifa leMveli leNtshona Kapa ngokuzinikela kwabo nokuzibophelela ekudaleni amakamva nokunobakho kuko konke okudlulileyo kwethu.

M Mdludlu

_____

USihlalo weBhunga

UMmeli Mandla Mdludlu

Umhla: wama-31 kweyeThupha wama-2021

4. ISIXHWANKATHELO SEGOSA LOLAWULO ELIYINTLOKO

Intshayelelo

Xa sijonga ngemva kunyaka ophelileyo, akuthandabuzeki ukuba ilizwe kunye nephondo eli liye lajongena nemiceli mngeni emininzi emva kwempembelelo yobhubhane weKhovid-19. Ukumiswa ngxi kweentshukumo ngenxa yalo bhubhane, okuqale ngomhla wama-27 kweyoKwindla wama-2020, kusinyanzelise ukuba sicinge ngokwahlukileyo ngendlela iinkonzo ezinokuhanjiswa ngayo kubantu baseNtshona Kapa. Oku kubangele ingqwalasela enzulu kwiimpawu zentsulungeko leLifa leMveli leNtshona Kapa nokuvelisa ubuchule kunye nokukwazi ukuziqhelanisa nemeko yeentlekele. Iimpawu zentsulungeko ezisemgangathweni ze-HWC zokhathalelo, ubuchule, ukuphendula, ukuthembeka, ukuvelisa izinto ezintsha, ukuphendula, ukuquka konke kunye nentlonipho, kuhlala kungundoqo womoya apho iinjongo ze-HWC ikukukusebenzela ukufezekisa isigunyaziso sayo. Oku kwakhe isiseko apho i-HWC ithathe isigqibo ekuqaleni kokumiswa ngxi kweentshukumo ukuqinisekisa ukuba ihlala isebenza ngexesha lokumiswa ngxi kweentshukumo, nokususa iinkqubo zayo zesicelo semvume ukusuka kwinkqubo yesicelo sokuphikisa esisekwe ephepheni, ukuya kwinkqubo yobuchwepheshe bobuxhakaxhaka balemihla bekhompyutha ngokupheleleyo kungaphelanga iveki kumiswe ngxi iintshukumo kwekaTshazizmpuzi wama-2020. I-HWC idlala indima ebalulekileyo kwiinkqubo zesicelo kunye nabasemagunyeni bengingqi, kwaye ngokubhekisele kuphuhliso namasebe afana neSebe lezoCwangciso lweNdalo noPhuhliso (i-DEADP) kunye neSebe leZimbiwa (i-DMR). Impendulo eqhubekayo kwizicelo iqinisekise ukuqhubeka kweshishini elibalulekileyo ekufakeni igalelo kuhlumo loqoqosho.

ILifa leMveli leNtshona Kapa liyaqhubeka nokuthatha inxaxheba emsebenzini weqela loPhuhliso loMhlaba oMkhulu osiSigxina weNkulumbuso (i-FCPD). Kwisigaba solingo lokuqala ekuqaleni kowama-2019, i-FCPD kufuneke ichonge iindawo eziphambili ezithintela ukukhula koqoqosho kwiSixeko saseKapa nakwisigaba sayo sesibini nesesithathu kwisithuba sowama-2020/2021 sigxile ekusombululeni ingxaki 'ekuphulukaneni nemisebenzi kunye nasekuhleni kwezinga lemisebenzi kwezoqoqosho kushishino lokwakha kunye nophuhliso lwendawo kwiSixeko saseKapa '. Iqela liphumeze uLungelelwaniso lweNgxaki eQhutywa luPhindaphindo (i-PDIA) lokujongana nomsebenzi walo ekuvavanyeni iindawo zokungena ezichongiweyo ekusombululeni ingxaki kunye nezisombululo ezinokwenzeka kunye nezenzo.

I-HWC kunye neSebe loPhuhliso lwezoQoqosho noKhenketho (i-DEDAT) ziqalise iprojekthi yokuphanda izithintelo ekuphunyezweni ngokukuko koMthetho kaZwelonke weZixhobo

zeLifa leMveli, kunye nendlela eyiyo yokuphumeza ngokufanelekileyo isigunyaziso solawulo lwezixhobo zelifa lemveli. Olu phando lubaluleke ngokukodwa ukuqinisekisa ukuba ulawulo lwezixhobo zelifa lemveli lwenziwa ngendlela exhasa uphuhliso olufanelekileyo nolawulo oluzinzileyo lwemithombo ebalulekileyo kwiphondo.

Ukuqhubekeka kwezicelo kunye nabathunywa

Umsebenzi omninzi owenziwe yi-HWC kukusingathwa kwezicelo zelifa lemveli, ikakhulu ezikwibakala lesi-III (lendawo) ngokubaluleka kwelifa lemveli. Ngokwe-NHRA, ezo zixhobo kufuneka zilawulwe ngugunyaziwe wengingqi ochaphazelekayo. Ukuze ugunyaziwe wasekhaya enze njalo, kufuneka kuqala afumaneke enesakhono sokwenza imisebenzi ngokwe-NHRA, kwaye xa ubuchule buqinisekisiwe liBhunga le-HWC, inkqubo yokwabela imisebenzi ngokwe-NHRA iyenziwa. I-HWC ixoxa neSixeko saseKapa ukuba yenze imisebenzi ethile ye-NHRA, umzekelo izicelo ze-s34 (izakhiwo ezingaphezulu kweminyaka engama-60). Ukuthunyelwa okunjalo kuya kuba linyathelo elihle lokuhlengahlengisa izicelo zophuhliso apho ugunyaziwe wengingqi efuna isigqibo kwi-HWC kwizicelo ze-s34 ngaphambi kokuba enze isigqibo sakhe kwisicelo sophuhliso lweMigaqo yoKwakha kaZwelonke kunye noMthetho weMigangatho yoKwakha (i-NBRBSA).

Ukukhuselwa nokunyuswa kwezixhobo zelifa lemveli

Eyona nto iphambili ngokubaluleka kwi-HWC kukuqhubeka nokuchonga, ukulawula nokukhuthaza izixhobo zelifa lemveli ezibonakalisa iyantlukwano yephondo. Izixhobo ekubonwa ukuba zibaluleke kakhulu kwiphondo kulo nyaka uphononongwayo zibandakanya: i-Ofisi eNdala yamaPasi yakwaLanga, ISikhumbuzo sakwaLanga; seGugulethu 7, eGugulethu; iFreedom Square, eBonteheuwel; iPrincess Vlei, eRetreat kunye neNdawo yoLondolozo lweNdalo yeBlaauwberg, eBlaauwberg naseMelkbosstrand.

liNdlela zeNkcitho-mali

	2020/2021			2019/2020		
Inkqubo/umsebenzi/injongo	**Uhlalo lwabiwo-mali**	**Eyona Nkcitho**	**Inkcitho (Ngaphezulu)/Ngaphantsi**	**Uhlalo lwabiwo-mali**	**Eyona Nkcitho**	**Inkcitho (Ngaphezulu)/Ngaphantsi**
	R'000	**R'000**	**R'000**	**R'000**	**R'000**	**R'000**
limpahla neenkonzo	1 990	2 380	(390)	3 561	4 119	(558)
Zizonke	**1 990**	**2 380**	**(390) ***	**3 561**	**4 119**	**(558)**

** Inkcitho egqithisileyo ikakhulu inxulumene neGRAP 23: iNkonzo yeSisa ihlengahlengiselwe imivuzo yama-R 485 000 anxulumene nabasebenzi bolawulo lwezemali beQumrhu likaRhulumente. Iinkcukacha ezithe vetshe zicacisiwe kwiiNkcazo zeMali zoNyaka ze-HWC, inqaku le-14.*

Isincomo

Xa sijonga emva kunyaka wotshintsho i-HWC ibone utshintsho ngokushiya kwe-CEO yayo, uGqr Mxolisi Dlamuka, ekuvakaliswa kuye umbulelo ongazenzisiyo ngobunkokheli bakhe

kunye nesikhokelo sakhe emsebenzini kweli ziko. IBhunga le-HWC libe notshintsho kusihlalo kunye noMmeli uMandla Mdludlu ethatha isikhundla sokuba ngusihlalo ukusukela kweyoMqungu wama-2021, ngelixa uMnu Bongani Mgijima eqhubeka njengelungu leBhunga, elomelele kakhulu kumsebenzi weBhunga.

Ukuqukumbela ndinganqwenela ukubulela uMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo ngobunkokheli bakhe obungagungqiyo kunye nenkxaso yequmrhu. Ndidlulisa umbulelo wam kwiKomiti yoPhicotho-zincwadi nakwamanye amaqumrhu oqwalaselo athe asebenza ngeliso elibukhali novavanyo lwentsebenzo ye-HWC unyaka wonke. INtloko yeSebe kunye neqela labaphathi abaphezulu beDCAS bayaqhubeka nokubeka iliso kwiziko, eli galelo lixatyisiwe.

_____
IGosa loLawulo eliyiNtloko (iBambela)
Nks Colette Scheermeyer
Umhla: wama-31 kweyeThupha wama-2021

5. INGXELO YOXANDUVA NENGQINISEKISO YOKUCHANEKA KWENGXELO YONYAKA

Ngokolwazi lwam nenkonlelo, ndiyakungqina oku kulandelayo:

Zonke iinkcukacha nezixa zemali ezidandaliswe kwingxelo yonyaka ziyangqamana neengxelo zemali yonyaka eziphicothwe nguMphicothi-zincwadi Jikelele.

Ingxelo yonyaka igqityiwe, ichanekile kwaye akukhonto ishiyelelweyo.

Ingxelo yonyaka ilungiswe ngokungqamene nezikhokelo kwingxelo yonyaka njengoko ikhutshiwe nguNondyebo kaZwelonke.

IiNgxelo zeMali zoNyaka (iCandelo E) zilungiswe ngokungqinelana nemigangatho we-SA GRAP esebenzayo kwiqumrhu loluntu.

Igunya eliphendulayo linoxanduva lokulungiselelwa kweengxelo zemali zonyaka kunye nezigwebo ezenziwe kwezi nkcukacha.

Igunya elinika ingxelo linoxanduva lokuseka nokumilisela inkqubo yolawulo lwangaphakathi lenzelwe ukubonelela ngengqinisekiso engephi malunga nokunyaniseka nokuthembeka kweenkcukacha zomsebenzi, ulwazi ngezabasebenzi kunye neengxelo zemali zonyaka.

Abaphicothi zincwadi bangaphandle bayazibandakanya ekuvezeni uluvo oluzimeleyo kwiingxelo zemali zonyaka.

Ngokoluvo lwethu, ingxelo yonyaka ibonisa ngokufanelekileyo imisebenzi, iinkcukacha zendlela yokusebenza, iinkcukacha ngemicimbi yabasebenzi kunye nemicimbi yezemali yequmrhu likarhulumente kunyaka-mali ophele ngomhla wama-31 kweyoKwindla wama-2021.

Ozithobileyo

_____	_____
IGosa eliLawulawulayo eliyiNtloko (iBambela)	USihlalo weBhunga
Nks Colette Scheermeyer	Mmeli Mandla Mdludlu
Umhla: wama-31 kweyeThupha wama-2021	Umhla:wama-31kweyeThupha wama-2021

6. ISISHWANKATHELO SESICWANGCISO

6.1. Umbono

Okubandakanyiweyo, okuguquliweyo, okugxile ebantwini, ulawulo oluzinzileyo lwezixhobo zelifa lemveli leNtshona Kapa.

6.2. Umnqophiso

ILifa leMveli leNtshona Kapa liqinisekisa kwaye liphumeze ukuchongwa okubandakanya wonke ubani, ulawulo oluzinzileyo nolumanyanisiweyo, ulondolozo kunye nokuphakanyiswa kwezixhobo zelifa lemveli ezibambekayo nezingaphathekiyo ukuze kubekho igalelo kutshintsho nasekwakhiweni kwesizwe.

6.3. Iimpawu zentsulungeko

Ukukhathalela, uBuchule, ukuThatha uxanduva, ukuNyaniseka, ukuVelisa izinto ezintsha, ukuPhendula, ukuQuka neMbeko.

7. UWISO-MTHETHO NAMANYE AMAGUNYA

ILifa leMveli leNtshona Kapa, ishedyuli ye-3C yeQumrhu likaRhulumente, ngokubhekisele kwigunya lowiso-mthetho apho ukusebenza kwalo konke kusekelwe njengesibophelelayo ngokwale miba ilandelayo:

- Ukukhuthaza ulawulo olululo kuwo onke amanqanaba;
- Ukuxhobisa uluntu ukuba lukhulise kwaye lilondoloze izibonelelo zelifa lemveli ukuze zibe nokushiyelwa izizukulwana ezizayo
- Ukubeka imigaqo ngokubanzi yokuphatha ulawulo lwezixhobo zelifa lemveli kuyo yonke iNtshona Kapa; kwaye
- Ukungenisa inkqubo emanyanisiweyo yokuchonga, ukukhusela, ukulondoloza, ukulawula nokwazisa izixhobo.

7.1 Amagunya oMgaqo-siseko

Icandelo	Uxanduva oluthe ngqo kwiLifa leMveli leNtshona Kapa
Umgaqo-siseko weRiphablikhi yoMzantsi Afrika, we-1996	
Icandelo lama-24(b)(ii): Okusingqongileyo	ILifa leMveli leNtshona Kapa kufuneka, ngokomthetho nezinye iindlela, lilawule kwaye libeke iliso ekukhuthazweni ko lolondolozo lwendalo kwiNtshona Kapa. Oku akunakwenziwa ngendlela engangqinelaniyo nalo naluphi na ulungiselelo loMqulu wamaLungelo. Iingxelo zonyaka zalo myalelo kufuneka zingeniswe kwiPalamente yePhondo leNtshona Kapa.
Icandelo lama-31: Inkcubeko, inkolo neelwimi zoluntu	ILifa leMveli leNtshona Kapa kufuneka liqinisekise ukuba iinkqubo neeprojekthi zalo zithathela ingqalelo ukwahluka ngokwenkcubeko yabemi beNtshona Kapa..
Icandelo lama-41: Imithetho-siseko karhulumente osebenzisanayo nobudlelwane phakathi koorhulumente	ILifa leMveli leNtshona Kapa lisebenzisana nawo onke amanqanaba karhulumente. Ngokwezigunyaziso zayo, i-HWC isebenza ngokubambisana neSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo, i-Arhente yeZixhobo zeLifa leMveli loMzantsi Afrika (i-SAHRA) noomasipala baseNtshona Kapa.
Icandelo 4A: IiNdawo eziSebenzayo zoBuchule boMthetho kuZwelonke nakwiPhondo	ILifa leMveli leNtshona Kapa lisebenzisana ne-Arhente yeZixhobo zeLifa leMveli loMzantsi Afrika malunga nemicimbi yelifa lemveli ingakumbi iiNdawo zeLifa leMveli likaZwelonke elikwiNtshona Kapa.
Icandelo le-195: Imilinganiselo esisiseko kunye nemithetho-siseko ephethe ulawulo loluntu.	Amagosa eLifa leMveli leNtshona Kapa kufuneka ahambelane nezixhobo zecandelo le-195, elinika inkcazo yeempawu zentsulungeko ezisesikweni zentando yesininzi kunye nemithetho-siseko ephethe ulawulo lukarhulumente. Icandelo le-195 (1) (b) lifuna ukukhuthaza ukusetyenziswa kwezixhobo ngendlela efanelekileyo, enoqoqosho nesebenzayo. Oku

Icandelo	Uxanduva oluthe ngqo kwiLifa leMveli leNtshona Kapa
Umgaqo-siseko weRiphablikhi yoMzantsi Afrika, we-1996	
	kuthetha ukuba iinkqubo ezenziweyo kwicandelo likarhulumente kufuneka zivelise ezona zixhobo ngeyona ndleko iphantsi.
UMgaqo-siseko weNtshona Kapa, we-1997	
Icandelo lama-81	ILifa leMveli leNtshona Kapa kufuneka liphumeze imigaqo-nkqubo yokukhuthaza kunye nokugcina intlalontle yabantu beNtshona Kapa, ngakumbi ngokubhekiselele kukhuselo nolondolozo lwembali yendalo, imbali yezenkcubeko, ilifa lemveli lezinto zakudala kunye nolwakhiwo lweNtshona Kapa ukuze kuxhamle izizukulwana ezikhoyo ngoku. nezizayo. ILifa leMveli leNtshona Kapa kufuneka liphumeze imigaqo-nkqubo ethe ngqo malunga noku.

7.2 Amagunya asemthethweni

UMthetho kaZwelonke	Isalathisi	Inkcazelo
UMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, we-1999	uMthetho woku-1 we-1999	UMtheho woLawulo lweMali kaRhulumente (i-PFMA): • uphatha ulawulo lwemali kurhulumente kazwelonke nowamaphondo, amaqumrhu karhulumente adwelisiweyo okanye angadweliswanga, amaziko omgaqo-siseko nezindlu zowiso-mthetho zamaphondo. • uqinisekisa ukuba yonke ingeniso, inkcitho, ii-asethi kunye namatyala ala maziko alawulwa ngokufanelekileyo nangokusebenzayo; kwaye • uchaza uxanduva lwabantu abanikwe ulawulo lwemali kula maqumrhu

UMthetho kaZwelonke	Isalathisi	Inkcazelo
UMthetho wokuKhuthazwa koFikelelo kwiiNkcukacha, wama-2000	uMthetho wesi-2 wama-2000	Lo Mthetho unika ifuthe lokubanelungelo lokufikelela kwiirekhodi ezigcinwe ngurhulumente namaqumrhu abucala. Phakathi kwezinye izinto, i-HWC naliphi na iqumrhu likarhulumente nelabucal kufuneka: • liqulunqe incwadana yokufundisa echaza kumalungu oluntu ukuba izicelo zifakwa njani ukuze kufikelelwe kwiinkcukacha ezigcinwe liqumrhu; kunye • nokuqesha igosa leenkcukacha ukuze liqwalasele izicelo zokufikelela kwiinkcukacha ezigcinwe liqumrhu.
UMthetho wokuKhuthazwa koLawulo loBulungisa, wama-2000	uMthetho wesi-3 wama-2000	Lo Mthetho: • ubeka imithetho nezikhokelo zokuba abalawuli kufuneka balandelele xa bethatha izigqibo; • ufuna abalawuli ukuba bazise abantu ngamalungelo abo ukuphononononga okanye ukubhena kwaye amalungelo abo okufuna izizathu; • ufuna abalawuli ukuba banike izizathu zokuthatha kwabo izigqibo; kunye • nokunika amalungu oluntu ilungelo lokucela umngeni izigqibo zabalawuli enkundleni.
UMthetho woKhuselo lweNkcukacha zoBuqu, wama-2013	uMthetho wesi-4 wama- 2013	Lo Mthetho ubeka uxanduva kumaziko ekuqinisekiseni ngoku kulandelayo: • Ukukhuthaza ukhuseleko lweenkcukacha zobuqu eziqhutywe ngamaqumrhu karhulumente nawabucala; kunye • Nokwazisa ngeemeko ezithile ukuze kusekwe ezona mfuno zisezantsi zokuqokelelwa kweenkcukacha zobuqu. Njengoko i-HWC iqokelela iinkcukacha ekwenziweni kwezicelo, uMthetho we-POPI kufuneka uthotyelwe.

UMthetho kaZwelonke	Isalathisi	Inkcazelo
UMthetho weLifa leMveli kaZwelonke, we-1999	uMthetho wama-25 we-1999	Ilifa leMveli laseNtshona Kapa lilifumana igunya lalo kolu wiso-mthetho. Ukongeza, uMthetho uxhobisa i-HWC ukwenza oku kulandelayo: • Ukuchonga, ukurekhoda nokufikelela kwizixhobo zelifa lemveli ezifanelekileyo kwiNtshona Kapa; • Ukukhusela nokulawula izixhobo zelifa lemveli kwiNtshona Kapa; kunye • Nokumisela imigaqo-nkqubo, iinjongo nezicwangciso zeqhinga zolawulo lwezixhobo zelifa lemveli.
UMthetho weNgqungqut hela yeLifa leMveli weHlabathi, we-1999	uMthetho wama- 49 we- 1999	ILifa leMveli leNtshona Kapa, ngokuhambelana nalo Mthetho, liqinisekisa ukuba iziza ezityunjelwe isikhundla seLifa leMveli yeHlabathi kufuneka zikhuselwe ngokusesikweni kwaye apho kukho imfuneko zinike inkxaso ngokulondolozwa okuqhubekayo kunye nokunika ingxelo ngamaxesha athile.
IMigaqo yoLawulo lweZixhobo zeLifa leMveli leNtshona Kapa	i-PN 336 yama-25 kweyeDwarha wama-2002, i-PN 298 yama-29 kweyeThupha wama-2003, i-PN 212 kweyeNkanga wama-2004,	Imigaqo ibonelela ngokusetyenziswa ngokukuko kolawulo lwelifa lemveli eNtshona Kapa.

UMthetho kaZwelonke	Isalathisi	Inkcazelo
	i-PN 106 yama-31 kweyoKwindla wama-2005. i-PN7497/2015 kweyoMsintsi wama-2015.	

7.3 Umthetho wamatyala

Inkundla yamaTyala	Isalathisi	Inkcazelo
u-Louis Johannes Raubenheimer ephikisana neHendrik Johannes Bredenkamp Trust Nabanye	iNkundla ePhakamileyo yaseNtshona Kapa, inombolo yetyala: 10228/2004	Isigwebo sijongana nento ethi "umdla ngokunyanisekileyo " kwisigqibo segunya lelifa lemveli esiya kuthi sidlulise indawo ekubhenwa kuyo malunga ne-NHRA. INkundla ifumanise ukuba kufuneka ibe ngumdla wokwenyani hayi nje ukunamathela ngokuvakalayo kwizixhobo zelifa lemveli.

Inkundla yamaTyala	Isalathisi	Inkcazelo
ii-Top Performers (Pty) Ltd ziphikisana noPhathiswa weMicimbi yeNkcubeko noLonwabo	iNkundla ePhakamileyo yaseNtshona Kapa, inombolo yetyala: 5591/2005	Esi sigwebo sibe nefuthe elibonakalayo kwiinkqubo zokubhena zeenkundla zamatyala ezonyulwe ngu-MEC ngokwecandelo lama-49 loMthetho kaZwelonke weLifa leMveli, we-1999, ofundwa noMmiselo we-12 we-PN 336 yama-2003. I-DCAS no-MEC bathathe amanyathelo ekulungiseni ukuqinisekisa iinkqubo zolawulo ezingenamkhethe nokwenza amalungiselelo okwamkelwa kobungqina obutsha kwingxelo yenkqubo yenkundla, kunye nokuthotyelwa okungcono kwemithetho yezobulungisa bendalo ngokumamela kwelinye icala lesongezo.
IiManyano zooSihlalo ziphikisana noMphathiswa wezoBugcisa neNkcubeko	Eyona Nkundla iPhakamileyo yeziBheno, inombolo yetyala: 25/2006	Esi sigwebo sichaza ukuba yintoni na ebandakanya uthethathethwano olwaneleyo nabahlali bendawo kunye nabanye abathathi-nxaxheba malunga notshintsho olucetywayo kumagama eendawo. I-DCAS kunye neKomiti yaMagama eeNdawo yeNtshona Kapa esekwe yi-MEC ngabadlali-ndima ababalulekileyo ekuphunyezweni komthetho ofanelekileyo, ngakumbi ngokubhekisele ekuququzelweni kothethwano nabachaphazelekayo noluntu. Kuya kufuneka basithathele ingqalelo esi sigwebo kwiinkqubo abazisebenzisayo ukulawula utshintsho olucetywayo kumagama eendawo.
IiLabhoratri zeQualidental ziphikisana neLifa leMveli leNtshona Kapa	Eyona Nkundla iPhakamileyo yeziBheno, inombolo yetyala: 647/2006	Esi sigwebo siqinisekisile amagunya anikwe uMphathiswa wePhondo kunye neLifa leMveli leNtshona Kapa lokunyanzelisa iimeko zophuhliso ngokwecandelo lama-48 loMthetho kaZwelonke weLifa, we-1999.
I-Arhente yeZixhobo zeLifa leMveli yaseMzantsi Afrika iphikisana	iNkundla ePhakamileyo yaseNtshona Kapa, inombolo	Isigwebo sijongana nomcimbi womsebenzi owamkelweyo phantsi kweMigaqo yoKwakha kaZwelonke phambi kweziko lokhuseleko olusesikweni ngokumalunga ne-NHRA kunye nemiba yokuba semthethweni kwesaziso sokhuselo lwethutyana.

Inkundla yamaTyala	Isalathisi	Inkcazelo
ne-Arniston Hotel Property (Pty) Ltd kunye noMnye oNgomnye	yetyala: 5446/2006	
i-Willows Properties (Pty) Ltd iphikisana noMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo	iNkundla ePhakamileyo yaseNtshona Kapa, inombolo yetyala: 13521/2008	Umfaki-sicelo wafaka isicelo esingxamisekileyo kwiNkundla ePhakamileyo ukunyanzelisa uMphathiswa wePhondo ukuba enze isigqibo okanye, kungenjalo, akhuphe iRekhodi yeSigqibo malunga nesibheno esifakwe kuMphathiswa ngokwecandelo lama-49 loMthetho weLifa leMveli kaZwelonke, we-1999, ufundwe kunye nommiselo we-12 (7) we-PN 336 yama-2003. Impembelelo yesigwebo kwi-DCAS kukuba kufuneka iqinisekise ukuba iinkundla zikhupha iiRekhodi zesiGqibo kwangexesha. Iindlela zokulungisa aphunyeziwe.
iManyano yaBahlawuli beRhafu i-Waenhuiskrans ye-Arniston Nabanye bephikisana neVerreweide Eiendomsontwikkeling (Edms) Bpk Nabanye	iNkundla ePhakamileyo yaseNtshona Kapa, inombolo yetyala: 1926/2008	INkundla ithathele ingqalelo yokuba ingaba i-Arhente yeZixhobo zeLifa leMveli loMzantsi Afrika okanye iLifa leMveli laseNtshona Kapa linolawulo na malunga neziza ezibekwe ngokwe-SAHRA njengeziza zeBanga loku-1 ngokwecandelo lama-35 nelama-36 loMthetho kaZwelonke weZixhobo zeLifa leMveli, we-1999. INkundla yafumanisa ukuba kwiimeko ezinjalo, iSAHRA inegunya. Isigqibo sesi sigwebo kwi-HWC kukuba iSebe kufuneka linikezele ngoncedo lwezomthetho kwiLifa leMveli laseNtshona Kapa ukuze litolike lo mthetho, kwaye kufuneka liqinisekise ukuba i-HWC isebenza ngokwamagunya ayo asemthethweni.

Inkundla yamaTyala	Isalathisi	Inkcazelo
u-Peter Gees ephikisana noMphathiswa wePhondo weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo, eNtshona Kapa, uSihlalo, kwiNkundla yeziBheno eZimeleyo, kwiLifa leMveli leNtshona Kapa, kwiSixeko saseKapa, ngaBahlawuli beRhafu boMbindi weSixeko	iNkundla ePhakamileyo yeNtshona Kapa, inombolo yetyala: 6205/2015	Inkundla iqinisekisile ukuba, nangona inyani kweli tyala yahlukile kunaleyo yaseQualidental, ukumiselwa kwemiqathango kuphakathi koMthetho kaZwelonke weZixhobo zeLifa leMveli, we-1999 kwaye kuyahambelana nesikimu sonke soMthetho. Kunokubekwa imiqathango kwimvume yokudiliza isakhiwo esele sikhona esingaphezulu kweminyaka engama-60 ngokwecandelo lama-34 (1) loMthetho ngokuxhomekeke ekubeni kumiselwe iinjongo ezicacileyo zelifa lemveli.

Inkundla yamaTyala	Isalathisi	Inkcazelo
iKomiti yeLifa leMveli leNdawo yasePiketberg noMnye bephikisana ne- Liebco Vleishandelaars Edms Bpk nabanye (uMmangalelwa wesi-2 weLifa leMveli leNtshona Kapa)	iNkundla ePhakamileyo yaseNtshona Kapa, inombolo yetyala: 1103/ 2016	Isicelo sokuqwalaselwa kwakhona kwesigqibo soBume boLwakhiwo neKomiti yeMbonakalo yoMhlaba ye-HWC (i-BELCom). Imvume yanikezelwa yi-BELCom yokudiliza isakhiwo kwiSiza esingunombolo207 sasePiketberg. IKomiti yeLifa leMveli yasePiketberg yafaka isicelo kwiNkundla ePhakamileyo sokuphononononga isigqibo njengoko imiqathango ye-PAJA ingathotyelwanga. INkundla ithathele ingqalelo umgaqo-nkqubo okhoyo we-HWC wokufuna ukubonisana kuphela namaqumrhu olondolozo abhalisiweyo kwaye yakubamba oko, njengoko izigqibo ezithathiweyo zinamandla okuchaphazela amalungu oluntu ngokubanzi, kufuneka uthethwano olubanzi noluntu. Oku kuyakuthetha ukuba abafaki-zicelo kuyakufuneka babhengeze izindululo malunga noluntu ngokubanzi.
i-Bryer NO nabanye bephikisana ne-HWC	iNkundla ePhakamileyo yaseNtshona Kapa, inombolo yetyala: 16392/2017	Isicelo sokuqwalaselwa kwakhona kwesigqibo se-HWC sokumisela uyeka ukusebenza ngokulandelelana kunye nesindululo sokuba ingaba isicelo ngokwecandelo lama-38 le-NHRA sasiyimfuneko na. Oku kuxhomekeke kwinkcazo yesizathu sokubangela kwi-S38 (1) "yendawo enkulu kunama-5000m2". ILifa leMveli leNtshona Kapa belisoloko lisisebenzisa ubungakanani besiza njengesiqalo. Umfaki-sicelo wathi “indawo” ayithethi “isiza”, kwaye kule meko, isiza, nangona sasisikhulu kune-5000m2, sasibonwa ngokwahlukeneyo saziindawo ezimbini ezohlukeneyo. Inkundla ivumile ngale ngxoxo. Kubalulekile ukuba uqaphele ukuba inkundla khange ibambe ukuba isiza besilingana nendawo yophuhliso. Ubungakanani besiza sisenokubonisa ubungakanani besiza, kodwa indlela engalunganga ngakumbi iyafuneka.

Inkundla yamaTyala	Isalathisi	Inkcazelo
i-Bo-Kaap Civic neManyano yaBarhafi ephikisana neSixeko saseKapa	iNkundla ePhakamileyo yaseNtshona Kapa, inombolo yetyala: 7031/2017	ILifa leMveli leNtshona Kapa lijoyine njengomfaki sicelo kwesi sicelo ukuze kuqwalaselwe isigqibo seSixeko saseKapa sokuvumela ukwakhiwa kophuhliso olunemigangatho emininzi kwesi siza, esikwi-HPOZ ngokuyinxenye, kunye nemida kwiBo-Kaap eyimbali. ILifa leMveli leNtshona Kapa laxoxa ukuba ukusondela kophuhliso kwiindawo ezimbini zelifa lemveli lephondo kuthetha ukuba "kuya kuguqula" iindawo zelifa lemveli lephondo kwaye kufuneka kufumaneke imvume ngokwe-S27 ye-NHRA. Inkundla ayizange iyamkele le ngxoxo. Ikwayalile into yokuqwalasela ngokutsha isigqibo seSixeko saseKapa.
i-Midnight Storm Investments 170 (Pty) Ltd ephikisana noMphathiswa wezeMali nabanye	iNkundla ePhakamileyo yoMntla we-Gauteng, Inombolo yetyala: 46055/2015	Ummangali kwelityala wayefuna imbuyekezo kuRhulumente nakwi-HWC ngenxa yokuvakaliswa kwendawo yomhlaba wabo njenge-PHS (iBaboon Point PHS e-Elandsbaai). Abamangali babanga ukuba isibhengezo siwahlabe bucala amalungelo abo okuphuhlisa umhlaba kwaye loo nto ifikelela ekuthatheni umhlaba ngendlela eyakhayo okanye ngokuthathwa ngokungekho mthethweni kwamalungelo obunini njengoko ekhuselwe nguMgaqo-siseko. Ngenye indlela, bacela isigwebo sokuba i-NHRA yayingahambelani nomgaqo-siseko kuba yayigunyazisa ukuthathwa kwamalungelo obunini ngaphandle kwembuyekezo. Inkundla ifumanise ukuba isibhengezo sisemthethweni kwaye akuphelelanga. Inkundla ikwafumanise ukuba ukukhuselwa kwamalungelo eprophathi ngokwe-s25 yoMgaqo-siseko asiyiyo kwaphela kodwa kuxhomekeke kumalungelo oluntu. Isigwebo sibheniwe. Umhla wokumanyelwa kwesibheno awukabekwa yiNkundla ePhakamileyo yeziBheno (njengomhla wopapasho).

8. UBUME BOMBUTHO



ICANDELO B: IINKCUKACHA ZOKUSEBENZA

1. INGXELO YOMPHICOTHI ZINCWADI: IINJONGO EZIMISELWE KWANGAPHAMDILI

I-AGSA/umphicothi zincwadi ngoku wenza iinkqubo zophicotho-zincwadi eziyimfuneko kwiinkcukacha zokusebenza ukubonelela ngenqinisekiso engephi kwisigqibo sophicotho-zincwadi. Ukuqukunjelwa kophicotho-zincwadi lokusebenza xa kuthelekiswa neenjongo ezimiselwe kwangaphambili kufakiwe kwingxelo eya kubaphathi, kungekho zinto zifunyanisiweyo zixeliweyo phantsi kwesihloko seenjongo ezimiselwe kwangaphambili kwiNgxelo malunga nelinye icandelo leemfuno zomthetho nezolawulo kwingxelo yomphicothi zincwadi.

Jonga kwiphepha 78-82 leNgxelo yeNgxelo yoMphicothi zincwadi, epapashwe njengeCandelo E: Iinkcukacha zeMali.

2. UHLALUTYO LWEMEKO

2.1. Imeko yoHanjiso lweeNkonzo

Izithintelo zokumiswa ngxi kweentshukumo kuzwelonke eMzantsi Afrika ngomhla wama-27 kweyoKwindla wama-2020, ngenxa yobhubhane we-Khovidi-19 zichaphazele kwaye zabeka emngciphekweni impilo nentlalontle yabemi boMzantsi Afrika abaninzi yaza yanefuthe ngqo kuxanduva lokuhanjiswa kweenkonzo kwiLifa leMveli leNtshona Kapa. Iziphumo zobhubhane kunikezelo lweenkonzo kwisithuba sexesha elide bezingazange zibonwe kwaye zingalindelwanga. Uxinzelelo kwiinkonzo ezifana nezempilo zifuna ukulungiswa kwemali kwilizwe liphela, kunye nohlengahlengiso lohlahlo-lwabiwo mali ukujongana neemfuno ezikhawulezileyo kwicandelo lezempilo. Ngethuba lokuhlengahlengiswa kohlahlo-lwabiwo mali inkxaso-mali yeLifa leMveli leNtshona Kapa yancitshiswa yaya kuma-R550 000.

ILifa leMveli leNtshona Kapa lingqamanisa ucwangciso lwalo nezinto ezinyanzelekileyo zokuhanjiswa kweenkonzo kuRhulumente weNtshona Kapa kwaye liyayiqonda nendima yalo kokuPhambili okuPhenjelelwe nguMbono (i-VIP) kwePhondo, okume ngolu hlobo lulandelayo:

1. Uluntu oluKhuselekileyo noluDibeneyo
2. UkuKhula neMisebenzi
3. UkuXhobisa aBantu
4. UkuHamba noTshintsho loMhlaba
5. INguqu neNkcubeko

Ezi zinto ziphambili ngokubaluleka zephondo ziye zanikwa ingqwalaselo ebukhali ngexesha lonyaka-mali wama-2020-2021 kunye nokumiswa ngxi kweentshukumo kuzwelonke ngenxa yobhubhane weKhovidi-19 onefuthe kwiimfuno ezinje ngokukhula nemisebenzi. Yayilithuba lokubonisa indlela iLifa leMveli leNtshona Kapa elinokuthi lisebenze ngayo ngendlela ephucukileyo lize lilungelelanise imodeli yalo yokunikezelwa kweenkonzo kwimeko yengxaki

yemali. Ekuqaleni konyaka-mali kwekaTshazimpuzi wama-2020, ukumiswa ngxi kweentshukumo elizweni kwakusele kukhona kwaye i-HWC kuye kwafuneka ukuba ikhawulezise iinguqu ukuze ihambise iinkqubo zayo zolawulo lwezicelo zemvume, esona siphumo sikhulu sokusebenza kwayo, ukusuka edesikeni, iinkqubo ezisekwe ephepheni kwinkqubo yokwenza isicelo kwi-Intanethi. Olu tshintsho, olwenzeke kungaphelanga iveki yokuvalelwa, oko kwakuthetha ukuba ukuqhubekeka kwezicelo zemvume ezazifunyenwe ngaphambili kwidesika ye-HWC kwii-ofisi zayo eKapa, ngoku zingafumaneka kwi-intanethi ngebhokisi yeposi yaseCeoheritage. Ukufakwa kwezicelo kunokwenziwa ngalo lonke ixesha.

I-HWC iqhubekile nokuzibandakanya nomsebenzi weQela loPhuhliso lwePropathi (i-FCPD) elamiselwa njengesigaba sokulinga ngowama-2019. Inyathelo lijolise ekuchongeni nasekulungiseni izithintelo ekunikezelweni kweenkonzo kwiindawo ezahlukeneyo zokukhula kwephondo, nengxaki echongiweyo iqela eliza kuthi lijongane nayo, "Ukuphulukana nomsebenzi nokuhla kwezinga lemisebenzi yoqoqosho kulwakhiwo nophuhliso lwepropathi kwiSixeko saseKapa". Iqela le-FCPD lamkele uLungelelwaniso lweNgxaki eQhutywa luPhindaphindo (i-PDIA) ukwenza umsebenzi walo ekuchongeni ezona zinto ziphambili nezingunobangela wengxaki, iindawo zokungenela isenzo kunye nokutshintsha iindawo zokusombulula ingxaki. Ngomsebenzi weqela le-FCPD, i-HWC ithathe amanyathelo abalulekileyo kowama-2019/2020 athe aqhubeka ngowama-2020/2021, aquka:

- ukukhululwa kweendawo ezithile okanye iintlobo zophuhliso kwimfuno yokufumana ugunyaziso lwelifa lemveli
- uthethathethwano noorhulumente basekhaya ukubakhuthaza ukuba babhengezwe njengabanobuchule ngokwe-NHRA yokulawula izibonelelo zelifa lemveli, kukhokelela ekuthathweni kwezigqibo ezifanelekileyo kwinqanaba lendawo
- Ukuqhubeka nokuchonga iindawo ezinokuthi zilungelelaniswe okanye zikhawulezise iinkqubo zesicelo semvume-ukungeniswa kwefomu yesicelo seMisebenzi eMincinci ngumzekelo omnye, apho abafaki-zicelo bengadingi kwenza uthethwano lweentsuku ezingama-30 nemibutho yolondolozo ukuba ngaba umsebenzi wophuhliso ocetywayo ongephi ngokwendalo.

I-HWC ikunye neSebe loPhuhliso lwezoQoqosho noCwangciso (i-DEDAT) iqalise uphononongo lwabathathi-nxaxheba kunye nabachaphazelekayo kwindawo yelifa lemveli ukuchonga iindawo ekunzima ukuzifumana ekuthobeleni i-NHRA. Ingxelo enesiphumo iya kugqitywa kwikota yokuqala ngowama-2021. Iziphumo ezibalulekileyo ze-HWC, njengenxalenye yeqela le-FCPD, bezinxibelelana nemicimbi exananazileyo kuwo onke amasebe nee-arhente ezinefuthe kunikezelo lweenkonzo kwimimandla yophuhliso lwepropathi nokukhula koqoqosho.

Izidingo kwimeko yokuhanjiswa kweenkonzo zitshintshile ngenxa yeKhovidi-19, ngokwempilo, ukukhula koqoqosho, imisebenzi, itekhnoloji, intlalontle yoluntu, okusingqongileyo, neminye imiba emininzi. Imiba ephambili njengoko ichongiwe kunyaka-mali ophelileyo, ekwabonakaliswa ekucetyweni kwesiCwangciso sokuSebenza soNyaka se-HWC, kugxininisa izinto eziphambili ngokubaluleka eziqhubeka nokunikwa ingqwalaselo. Oku kubandakanya:

1. Ukwakhiwa kwenkqubo yolawulo lwezixhobo zelifa lemveli ezifanelekileyo ezenza ukuba abo bachaphazelekayo kunye noluntu bazithembe kumsebenzi we-HWC;
2. Ukubhengezwa kwezixhobo zelifa lemveli ezibalulekileyo njengeendawo zelifa lemveli lephondo ukuze kuboniswe iyantlukwano yephondo kunye nelifa lemveli loluntu ebelingahoywanga ngaphambili;
3. Ukuqinisekisa unxibelelwano noomasipala namaqumrhu olondolozo ukuze kuqinisekiswe ukuthotyelwa kwe-NHRA
4. Ukwenza iinkqubo zokufikelela eluntwini ngeenjongo zokuqaqambisa iziphumo ezilungileyo nezizinzisayo ezinokufunyanwa lilifa lemveli ekusombululeni iingxaki zentlalo, ukudala ukubandakanywa koluntu nokwakha ubumi obusebenzayo; kwaye
5. Ukuphucula ukuqondwa kwexabiso lezixhobo zelifa lemveli ngokusetyenziswa kwemiqondiso echazayo

Indima yemibutho yolondolozo lwengingqi kunye namaqela anomdla igxininise umgaqo wendlela yoluntu lonke ekulawuleni ilifa lemveli kunye nokunikezelwa kweenkonzo okungcono kwe-WCG. I-HWC iyayixabisa indima yemibutho yolondolozo, amaqela elifa lemveli anomdla kuluntu lwengingqi kwaye kuxhomekeke kuluntu olusebenzayo noluzibandakanyayo ukunceda ekuchongeni, ekukhuthazeni nasekulawuleni izixhobo zelifa lemveli kwiPhondo. Injongo ebekwe kwiNtshayelelo ye-NHRA yeyokuba i-HWC "ikhuthaze uluntu ukuba lukhulise kwaye lulondoloze ilifa lalo ukuze lishiyelwe izizukulwana ezizayo." I-HWC iyinxalenye ebalulekileyo yexabiso kwikhontrakthi yokunikezelwa kwenkonzo ye-WCG kwaye ikhuthaza indlela yophuhliso oluzinzileyo ebeka inkcubeko kunye nelifa lemveli njengengalo ebalulekileyo kwimpilo, uphuhliso kunye nokuphuculwa koluntu.

2.1.1 Isishwankathelo sezicelo, iingxelo zelifa lemveli kunye nemibuzo

Ngelixa i-NHRA ibonelela ngemisebenzi eyahlukeneyo ekufuneka yenziwe ligunya lezixhobo zelifa lemveli lephondo, umsebenzi omninzi we-HWC usaquka ukuqhubekeka kwezicelo phantsi kweSahluko sesi-II soMthetho. Kunyaka ophantsi kovavanyo i-HWC ifumene izicelo ezingama-2069 zelifa lemveli. Inani elipheleleyo lezicelo, li-1761 lezicelo ziqwalaselwe ngesigqibo okanye ukuvakaliswa kwiintlanganiso zamaGosa eLifa leMveli (ii-HOM). Ii-HOM ziintlanganiso apho amagosa e-HWC, njengoko enikwe igunya liBhunga, esenza izigqibo okanye enika izimvo ngezicelo ezibangelwe yi-NHRA. Uhlalutyo olongezelelekileyo lomsebenzi weekomiti ngokubhekisele kwizicelo ekusetyenzwe ngazo kubonisiwe kumanani angezantsi. Bekukho ukuhla okulindelweyo ngokukhawuleza ekuqaleni kokumiswa ngxi kweentshukumo kwikota yokuqala yonyaka-mali, kodwa ukungeniswa kwezicelo kuye kwanda ngokuthe chu, amanani okugqibela angagcinwanga ngendlela ebekulindelwe ngayo. Oku kusenokubangelwa kukunxibelelana kwangoko okuvela kwiziko ngezaziso zokuba liyaqhubeka nokusingathwa kwezicelo ngokungeniswa kwi-Intanethi kunye nokuba i-HWC iqhubekile nazo zonke iintlanganiso zayo zekomiti kwisithuba seveki kumiswe ngxi iintshukumo nangonyaka-mali uphela. I-HWC iphinde yaphendula kumanani andayo ezicelo ngokulungiselela iintlanganiso ezongezelelweyo ukuze ziqwalaselwe.

2.1.2 Inani lezicelo ngonyaka

Uninzi lwezicelo yayizizicelo zophuhliso ezinxulumene notshintsho, ukongezwa, okanye ukudilizwa ngokupheleleyo kwezakhiwo ezidala kuneminyaka engama-60 ngokwe-s34 ye-NHRA. Kwizicelo ezingama-2 069 ezifunyenwe yi-HWC, ezingama-53 yayizizicelo ezenziwe ngokubhekiselele kulawulo lweeNdawo zeLifa leMveli lePhondo. Kufunyenwe isicelo semvume sokugrumba okanye sokuphanda izinto zakudala okanye iziza zezidalwa zamandulo okanye izinto ezithe zafunyanwa. Ngaphandle kobhubhane wehlabathi inani lezicelo lihleli lifana nelo lonyaka-mali odlulileyo.

Igrafu engezantsi ibonisa inani lezicelo ezifunyenwe kule minyaka imbalwa idlulileyo:

Inani lezicelo zemvume ezifunyenwe yi-HWC kwiminyaka emi-5 edlulileyo



Igrafu engezantsi ibonisa iintlobo zezicelo ezifunyenwe yi-HWC:

Iindidi zezicelo ezifunyenwe yi-HWC



2.1.3 Ukuqhutywa kwezicelo yiKomiti ye-HWC

Izicelo eziya kwi-HWC ziqwalaselwa zezi komiti zilandelayo: i-Archaeology, i-Palaeontology neeMeteorites (i-APM); uBume boLwakhiwo neKomiti yeMbonakalo yoMhlaba (i-BELCom) (i-BELCom); uLuhlu lweeMpahla, iKomiti yokuHlela nokuTolika (i-IGIC), iKomiti yoVavanyo lweMpembelelo (i-IACom); Iintlanganiso zeKomiti yeziBheno kunye naMagosa eLifa leMveli (ii-HOM). IBhunga landise izithunywa ukuze ii-HOM zikwazi ukujongana nezicelo ezintsonkothe kakhulu kunye nezinezichaso. Ii-ajenda zazo zonke iintlanganiso zihanjiswa kwangexesha kumaqela anqwenela ukuzimasa iintlanganiso kwaye athabathe inxaxheba kwiingxoxo. Igrafu engezantsi ibonisa ipesenti yezicelo ezenziwa yikomiti nganye.



2.1.4 Inkqubo yezibheno yangaphakathi

Icandelo lama-49 le-NHRA lifuna i-HWC iseke inkqubo yangaphakathi yezibheno, ekufuneka iqwalaselwe liBhunga okanye yiKomiti yeziBheno. Imigaqo eyenziwe yi-HWC ibonelela ngokuba iKomiti yeziBheno kufuneka ibe namalungu amabini eBhunga ukuya kuthi ga kumalungu amathathu ongezelelweyo. Ngexesha lonyaka ophantsi kophononongo, nelinye ilungu leBhunga elonyulwe njengelungu leKomiti yeziBheno ukuqinisekisa ukuba kusoloko kukho amalungu amabini eBhunga entlanganisweni. IKomiti yeziBheno iqwalasela izibheno zalo naliphi na iqela kwisicelo (umfaki-sicelo okanye amaqela anomdla nachaphazelekayo) engonelisekanga sisigqibo sekomiti enye ye-HWC. Ngexesha lonyaka-mali ophantsi kovavanyo, zizicelo ezingama-26 zizonke ezifakiweyo kwiKomiti yeZibheno.

2.1.5 Izibheno kwiNkundla yaBaphathiswa eZimeleyo

Ukuba naliphina ilungu loluntu okanye umfaki-sicelo akanelisekanga sisigqibo seKomiti yeziBheno, banethuba lokusandisa isibheno sabo kuMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo ngokwecandelo lama-38 (6) nelama-49 le-NHRA. UMphathiswa (iGunya eliLawulayo) uxhotyiselwe ukuseka iNkundla eZimeleyo ebandakanya iingcali ezintathu ezinobuchwepheshe kwimicimbi yelifa lemveli okanye umthetho. Ngexesha lonyaka-mali ophantsi kovavanyo izigqibo ezisixhenxe zadluliselwa kwiNkundla yaBaphathiswa eziMeleyo. Ezintandathu zigqitywe ngokuvumelana nezigqibo zokuqala ze-HWC kwaye enye (ukudilizwa kweetshimini kwiSikhululo saMandla e-Athlone) yagqitywa ngokungangqinelaniyo nesigqibo sekomiti yeziBheno ye-HWC.

2.1.6 Ukufakwa kobuxhakaxhaka balemihla noLawulo lweeNkcukacha

Indima ye-HWC kukuchonga, ukukhusela nokukhuthaza ubutyebi belifa lemveli ngokubaluleka, ukulawula kungekuphela nje imiba ebonakalayo yezixhobo, kodwa kunye neenkcukacha ezifumanayo ngokubhekisele kubutyebi obunjalo. ICandelo lama-24 (1) (f) le-NHRA lifuna i-HWC igcine uvimba weenkcukacha zezixhobo zelifa lemveli kwaye inike ingxelo ngezo nkcukacha kwi-arhente kazwelonke yezixhobo zelifa lemveli i-SAHRA rhoqo. I-HWC izakube isiya ekusebenziseni iNkqubo yeeNkcukacha zeZixhobo zeLifa leMveli loMzantsi Afrika (i-SAHRIS) inkqubo yolawulo lwezixhobo zelifa lemveli elikwi-intanethi ebanjwe yi-SAHRA. Iqonga lobuxhakaxhaka balemihla bekhompyutha linezibonelelo ezininzi kulawulo lwezixhobo zelifa lemveli. Inika ukufikelela okukhulu kwiinkcukacha zoluntu lwengingqi kunye namaqumrhu olondolozo athatha inxaxheba ebonakalayo kulawulo lwezixhobo zelifa lemveli. Ngokuhambelana noku, i-HWC iqale inkqubo yokutshintsha inkangeleko yewebhusayithi yayo kwaye iyathemba ukuba iza kunika umsebenzisi indawo enobuntu, enomtsalane kwaye ifikeleleke kuluntu. Le webhusayithi intsha ayikasebenzi kwaye izokwaziswa kunyaka-mali omtsha.

2.2. Ubume bombutho

ISebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo libonelela ngenkxaso-mali, abasebenzi kunye nabasebenzi abaxhasayo kwi-HWC ukulungiselela ukuyiphumeza i-NHRA. Inkxaso kwiziko kodwa yehliswa ngenxa yokuphinda kubekwe phambili imali ukuze kuxhaswe iKhovidi-19 kunye namaphulo ezempilo ahambelana noko. I-HWC ke ngoko iqalile ukuvavanya ingeniso yayo. Imisebenzi ethile yokusebenza enje ngeentlanganiso zobuqu, ukuhlolwa kwendawo kunye nokutyhilwa kwamacwecwe ayinakwenziwa ngenxa yezithintelo zeKhovidi-19. Utshintsho kwisiCwangciso sokuSebenza sequmrhu kuye kwafuneka ukuba sandlalwe apha enyakeni. Kuthathelwa ingqalelo iinguqu ezithiwe thaca kwi-APP, i-HWC yahlangabezana nokujoliswe kuko kwayo okuhlengahlengisiweyo kulo nyaka-mali ushiyekileyo.

Iinkqubo zokusebenza zikwazile ukuqhubeka ngenxa yesigqibo sakuqala ekuqaleni kokumiswa ngxi kweentshukumo ukuhambisa imisebenzi emininzi kwi-Intanethi. Izicelo zandlalwa kwiintlanganiso zeekomiti ezikwi-intanethi. Amalungu oluntu anikwe ukufikelela kwezi ntlanganiso ukuba zithathe inxaxheba ekuqwalaselweni kwezicelo zabo. Amagosa asebenzela kude nee-ofisi, ukusuka ekhaya ukuqala kokumiswa ngxi kweentshukumo kuzwelonke, ngezixhobo ezinqongopheleyo kwezinye iimeko. Kwakungumngeni ukuqinisekisa ukuba abasebenzi baxhotyiswe ngokwaneleyo ukuze basebenze ekhaya kwaye babenokunceda uluntu ngezicelo kunye neenkqubo zokusebenza. Ukuqhubekeka kokunikezelwa kwezi nkonzo kuqinisekisile ukuba xa amacandelo afana neshishini lokwakha liqala ukusebenza emva kwezithintelo zenqanaba lesi-5, izicelo ezibachaphazelayo bezisenziwa okanye zinokugqitywa ngexesha elifanelekileyo.

Ubuchule kunye nokusetyenziswa kwamaqonga obuxhakaxhaka balemihla ekhompyutha bungqineke buyimpumelelo. Inkqubo yekhowudi ye-QR yaziswa ukuvumela amalungu oluntu ukuba afikelele kwiqela le-HWC kuWhatsApp elinxulumene nentlanganiso yekomiti. Le Khowudi ye-QR ibandakanyiwe kwi-ajenda yentlanganiso nganye. Izicwangciso zifakwa isitampu ngokwamanani. Ngaphambili ezi zazigximfizwa njengeekopi ezingamaphepha kwaye ziqokelelwa ngabafakizicelo kwikhawuntara ye-HWC. Unxibelelwano lube yeyona nto iphambili kutshintsho olusebenza kwi-Intanethi. I-HWC inikezele ngezaziso zikawonke-wonke malunga notshintsho kwiinkqubo zayo ngokusebenzisa iwebhusayithi kunye namaqonga eendaba ezentlalo, nange-imeyile kuluhlu lwabachaphazelekayo. Ukulandela ukupheliswa kwezithintelo kwiNqanaba lesi-3 elilungisiweyo, inkqubo yokujikeleza e-ofisini yaphunyezwa ngokwesicwangciso sokuqhubeka kweshishini. I-HWC iphuhlise uhlolo lwesiza somgaqo-nkqubo wokhuseleko kwiKhovidi-19 kwamagosa kunye namalungu ekomiti xa bekufuneka kuhlolwe isiza.

Indima yeeNtlanganiso zeGosa leLifa leMveli ziqhubekile nokukhula njengoko kuqhutyekwa nezicelo zonke kwaye nokuba zithatha izigqibo okanye zibhekisa kwezinye iikomiti ngokuxhomekeke kubungcali obufunekayo. Kunyaka ophantsi kophononongo ama-84% ezigqibo zelifa lemveli zenziwe zii-HOM. Umsebenzi weekomiti ezifana ne-BELCom ne-IACom ziyaqhubeka nokukhula ngenxa yokunyuka kobunzima bezicelo ezingeniswe kwi-HWC. Oku kubangele inani elonyukayo leentlanganiso ze-BELCom kunye ne-IACom ezijongana nobunzima bezicelo.

Ukhuseleko olusemthethweni lwezixhobo zelifa lemveli oluthiwe thaca ngezantsi:

Kunyaka ophantsi kophononongo, i-HWC ijongane nokukhuselwa kwezixhobo zelifa lemveli ezinxulunyaniswa nokubonakaliswa kwendawo nokomelela kwentetho yoluntu kunye nengcinezelo eyayilawula imofologi yokuhlaliswa eMzantsi Afrika. Ezi ndawo zilandelayo bezikhuselwe ngokusesikweni njengeendawo zelifa lemveli lephondo:

Igama lesiza	Isaziso seGazethe yePhondo	INgxelo yesishwankathelo sokubaluleka	Locality & GPS coordinates
Isiza esingunombolo 661, "i-Ofisi yamaPasi kwaLanga", kwikona ye-King Langalibalele Drive ne-Lerotholi Avenue, kwaLanga, eKapa	i-P.N. 57/2021	Abantu abamnyama babephantsi kwemithetho ethintela inkululeko yabo yokuhamba neyokuhlala. ICandelo le-10 loMthetho weziLungiso zeMithetho yabaNtsundu, wama-54 we-1952 wafuna ukuba umntu omnyama angahlala kwisixeko esifana neKapa kuphela xa benobungqina ukuba bazalelwe apho, bahlala ngokuqhubekayo kangangeminyaka elishumi elinesihlanu okanye nangaphezulu okanye bebeqhubekeke besebenza ngokufanayo. umqeshi isithuba seminyaka elishumi okanye nangaphezulu. 'Ipasi' yayiluxwebhu olwalufuneka xa uhamba ngokusemthethweni uzulazula ngaphandle, okanye ngaphakathi kwendawo echaziweyo; kwaye kufuneka iveliswe ngokwemfuno ngumntu ogunyazisiweyo. Ukungaphumeleli ukuveza ipasi kukwaphula umthetho. Incwadi yepasi ibonakalisile imeko yomntu ngamnye kwaye kufuneka iphathwe ngabantu abamnyama maxa onke kwaye ihlaziywa qho. I-Ofisi yamaPasi yakwaLanga kunye neNkundla zinembali ebalulekileyo kakhulu. Imbali yale ndawo ibaluleke kakhulu eluntwini, kwimbali yaseMzantsi Afrika kwaye inobuhlobo obomeleleyo nobukhethekileyo kunye nobomi okanye umsebenzi womntu, iqela okanye umbutho obalulekileyo. I-Ofisi yamaPasi yakwaLanga ikwabalulekile kunxulumano lwayo nakwindima yayo ngenkqubo yedompas kwimbali yoMzantsi Afrika. I-Ofisi yamaPasi yakwaLanga ke ngoko ibaluleke kakhulu kwisikhumbuzo sembali yoMzantsi Afrika..	33°56'38.9"S 18°31'33.6"E

Igama lesiza	Isaziso seGazethe yePhondo	INgxelo yesishwankathelo sokubaluleka	Locality & GPS coordinates
"IsiKhumbuzo seGugulethu 7" kuphela, sifumaneka kwikona ye-Steve Biko Drive (iNtsalela yeNdlela ye-NY1) neNdlela i-Mananase Ndlebe (e-NY 121), eGugulethu, eKapa	i-P.N. 56/2021	Iqela lamatsha-ntliziyo olutsha oluphakathi kweminyaka eli-16 ukuya kwengama-23, amalungu eCape Youth Congress (Cayco) noMkhonto weSizwe abathi emva kokubulawa kwabo baziwa njengeGugulethu 7 apho uMandla Simon Mxinwa, uZanisile Zenith Mjobo, uZola Alfred Swelani , UGodfrey Jabulani Miya, uChristopher Piet, uThemba Mlifi noZabonke John Konile. Ngexesha eliphakathi kwiminyaka yoo-1980 kwabakho ukwanda koomasibambisane boMkhonto weSizwe. Ukuphendula, iSebe lezoKhuseleko ngoncedo lweVlakplaas, iqela labaswelekileyo kurhulumente, likhokele amaqela ayalelwe ukuba angenelele kwimisebenzi yokulwa ucalucalulo. I-Gugulethu 7 yayiceba ukuhlasela ngomhla wesi-3 kweyoKwindla we-1986. Ngaloo ntsasa, amapolisa angama-25 axhobileyo axelelwa ukuba athunyelwe eGugulethu. Kutyholwa ukuba, iziqhushumbisi zaphoswa yiGugulethu 7 kwaye amapolisa aqala ukudubula macala onke. Nangona kunjalo, amangqina athi abanye baba basixhenxe badutyulwa ngezandla emoyeni bezama ukuzinikela. IGugulethu 7 ibambe ukubaluleka eluntwini, kwipateni yembali yoMzantsi Afrika kwaye inobudlelwane obomeleleyo nobukhethekileyo ngobomi kunye nomsebenzi wabafana ababuleweyo. Indawo kunye nomxholo waseGugulethu ubonakalisa ukubaluleka ngokwembali, intlalo kunye nexabiso lenkcubeko elinxulunyaniswa nezidubedube zezopolitiko, ukudutyulwa kwamapolisa, ukusweleka, uqhankqalazo kunye nokuzimasa	33°58'02.2"S 18°34'04.6"E

Igama lesiza	Isaziso seGazethe yePhondo	INgxelo yesishwankathelo sokubaluleka	Locality & GPS coordinates
		imingcwabo, konke oku kubonisa ixesha lembali ebalulekileyo yoMzantsi Afrika.	
"I-Freedom Square", ifumaneka kwiSiza i- Portion enombolo 100010, iKona yeSitalato i-Bluegum neNdlela i-Kiaat, eBonteheuwel, eKapa	iP.N. 55/2021	I-Bonteheuwel inembali etyebileyo yobutshantliziyo bezopolitiko esazulwini sengcinezelo yelizwe. I-Freedom Square eBonteheuwel yayiyindawo esetyenziswa kwiziko lobutshantliziyo bezopolitiko. I-Freedom Square ibalulekile ekuhlonipheni ilifa lobunkokheli obungazingciyo kunye negalelo lolutsha olwalunegalelo kumzabalazo wokulwa iyantlukwano ngokobuhlanga nocalulo. Iintlanganiso zazibanjelwa kumathala eencwadi ngeminyaka yoo-1980 kude nophicotho lwamapolisa exesha lengcinezelo. Izitepusi ezikwisikwere zibonelele ngeqonga apho amatshantliziyo anokujongana nezihlwele, xa kungenakwenziwa kwiHolo laseBonteheuwel. I-Freedom Square inokubaluleka okukhulu kwezentlalo kunye nembali njengoko ineendawo nezakhiwo ngokubaluleka kwenkcubeko apho izithethe zomlomo zibalelwa khona ezinxulunyaniswa nelifa eliphilayo. I-Freedom Square iqulethe umoya kunye nomzila wamaqhawe namaqhawekazi aseBonteheuwel. Indawo ebaluleke kakhulu eluntwini, kwimbali yase Mzantsi Afrika kwaye inobudlelwane obomeleleyo nobukhethekileyo ngobomi okanye umsebenzi womntu, iqela okanye umbutho obalulekileyo kwimbali yoMzantsi Afrika.	33°57'03.8"S 18°33'09.2"E

Igama lesiza	Isaziso seGazethe yePhondo	INgxelo yesishwankathelo sokubaluleka	Locality & GPS coordinates
		I-Freedom Square, iindawo zayo, izakhiwo kunye neenkumbulo ziphethe ukubaluleka kwezizathu zentlalo nezenkcubeko ekubonakaliseni inkcaso kurhulumente wengcinezelo.	
"i-Princess Vlei", Iziza 79294, 79295-RE, 79574-RE, 79575-RE, 79576-RE, 79577-RE, 79578-RE, 79579-RE, 79580, 79581, 79582, 79583-RE, 79584-RE, 79585-RE, 79586, 79587, 79588-RE, 79589, 79590-RE, 79591-RE, 79594, 79595, 80951-RE, 80952-RE, 80955-RE, 81181, 82166-RE, 82167, 82169-RE, 82170-RE, 82171-RE, 7577, 75771, e-Retreat, eKapa	i-P.N. 58/2021	Ukubaluleka kwelifa lemveli lePrincess Vlei kumiliselwe kwimixholo emine ephambili, eyile, eyenkcubeko, yokomoya, yolonwabo kunye nokubaluleka kwendalo esingqongileyo. I-Princess Vlei imele ubume babantu obungafaniyo obuthathwa njengobubalulekileyo kwaye obunqwenelekayo kuluntu njengesixhobo selifa lemveli. I-Princess Vlei sisixhobo selifa lemveli esibalulekileyo esinexabiso eliphezulu kwezentlalo njengoko sibonisa intetho ebonakalayo yamaKhoi namaSan ukusuka kwixesha elidlulileyo ukuza kuthi ga ngoku. Indawo ekuyo iPrincess Vleis njengesango lendalo elisemazantsi inegalelo elibonakalayo kwixabiso lalo lobuhle eluntwini. Uluvo lwendawo yenkqubo yemigxobhozo enwenwela eGrassy Park ukuya eStrandfontein yenza ilitye lomcangcatho lendalo elinegalelo kwixabiso lokusingqongileyo njengendawo yokuma kwezinto eziphilayo ezahlukeneyo.	34°02'54.1"S 18°28'57.0"E

Igama lesiza	Isaziso seGazethe yePhondo	INgxelo yesishwankathelo sokubaluleka	Locality & GPS coordinates
"Blaauwberg Nature Reserve", Ecebuka kwiNdlela i-Melkbosstrand ne-R27, eyenziwe ngezizahlulo zilandelayo zomhlaba CA99-0; CA 144-1; CA 145-1; CA 147-0; CA 431-10; CA 431-11; CA 1141-0; 1-RE Blaauwberg; 268-RE Blaauwberg; 385 Blaauwberg; 645 Blaauwberg nama-3295 eMelkbosstrand	i-P.N. 54/2021	Idabi laseBlaauwberg laba lithuba lokutshintsha kwimbali yeKoloni yeKapa kunye noMzantsi Afrika ngokubanzi. Indawo yokuGcina indalo yaseBlaauwberg ngaphezulu nangaphezulu ibalulekile njengendawo yelifa lemveli lendalo, iqulethe ibala lemfazwe kunye nesibhedlele esisecaleni esinxulunyaniswa neDabi laseBlaauwberg elenzeka ngowe-1806. IBhunga leSikhumbuzo likaZwelonke labhengeza indawo ekuliwa kuyo njengendawo yolondolozo ngowe-1996 phantsi koMthetho weSikhumbuzo kaZwelonke. Indawo ibandakanya imbonakalo yomhlaba apho iziganeko ezijikeleze iDabi laseBlaauwberg zenzeka kubandakanya uphawu lweNtaba yaseBlaauwberg, ibala lemfazwe kunye nesiza sesibhedlele sentsimi. Indawo yogcino iqulethe amaXesha aPhakathi akuDala kunye nezehlo zamaXesha aMva akuDala elinegalelo ekuqondweni kokuhlala eMzantsi-Ntshona weKapa ngamaqela emveli ekuhambeni kwexesha. Uluntu lwama-Islam eKapa uninzi lwabo ababengamakhoboka banikwa umhlaba wabo wokungcwaba (i-Tana Baru) ukuthathela ingqalelo igalelo labo ekukhuseleni iKapa ngokuchasene neBritane ngexesha loMlo waseBlaauwberg.	33°46'20.9"S 18°28'34.5"E

2.3 Uphuhliso oluphambili lomgaqo-nkqubo notshintsho kwemithetho

2.3.1 Uphuhliso lomgaqo-nkqubo

Ngexesha lonyaka-mali le migaqo-nkqubo ilandelayo yaphuhliswa yaze yalungiswa liBhunga:

Umgaqo-nkqubo	Inkcazelo
Ubume obuhlaziyiweyo bokuthunywa kweBhunga le-HWC, ikomiti kunye nabaphathi abaphezulu	Umgaqo-nkqubo ubonelela ngemiyalelo nangabathunywa liBhunga leLifa leMveli leNtshona Kapa kwiikomiti zalo nakubaphathi abaphezulu ngokwe-s26 yoMthetho kaZwelonke weZixhobo zeLifa leMveli, (ngowama-25 we-1999) ofundwe noMmiselo we-11 wemiMiselo ebhengezwe ngokwemiqathango yoMthetho ngowama-25 kweyeDwarha wama-2002, (i-PN: 336) nangokoMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, uMthetho wama-20 we-1999.

2.3.2 IziMangalo zoLwaphulo-mthetho

Inombolo yetyala	Igama letyala	Isimo
76/5/2015	Urhulumente ephikisana no-L Raymond ngokunxulumene ne-191 Main Road, ePaarl (iSiza seLifa leMveli lePhondo).	Ityala laxoxwa ngooMantyi kwiNkundla yasePaarl apho i-HWC inobungqina khona. Umcimbi wahlehliselwa umhla we-9 kweyeKhala wama-2021.

2.3.3 Imicimbi yeHWC eNkundleni

Kunyaka-mali ophantsi kovavanyo iHWC ibibandakanyekile kwezi ntshukumo zilandelayo zenkundla:

Inombolo yeTyala	Inkundla	Umcimbi	Isimo
46055/15	iNkundla ePhakamile yo yoMntla weGauteng	iMidnight Storm Investments 170 (Pty) Ltd ephikisana noMphathiswa woBugcisa neNkcubeko Nabanye	Ityala laqhubeka kweyeThupha we-2019. Inkundla yagweba iLifa leMveli laseNtshona Kapa. Umfaki-sicelo wanikwa imvume yokubhena yiNkundla ePhakamileyo yeziBheno (Ngexesha lokubhalwa kwale ngxelo umhla wokuchotshelwa kwesibheno awukabekwa).
14894/17	iNkundla ePhakamileyo yaseNtshona Kapa	I-Exclusive Access Trading 570 (Pty Ltd) ephikisana noSihlalo, iNkundla yamaTyala eziMeleyo, uMphathiswa weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo kunye neLifa leMveli leNtshona Kapa	Sisekwinqanaba lokucenga (ngexesha lokubhalwa kwale ngxelo).

2.4 Inkqubela phambili ekufezekiseni iiMpembelelo neZiphumo zeziko

I-HWC iye yangqamanisa isicwangciso sayo kunye nokusebenza kwayo okuPhambili okuPhenjelelwe nguMbono wePhondo ngokomxholo wegunya layo elisemthethweni lokuchonga, ukukhusela, ukugcina, ukulawula nokwazisa ngezixhobo zelifa lemveli ngokoMthetho kaZwelonke weZixhobo zeLifa leMveli (uMthetho wama-25 we-1999). Impembelelo ekujoliswe kuyo ibikukugcina nokukhuthaza izixhobo zelifa lemveli ezakha uluvo lokubandakanywa ekuhlaleni kunye negalelo kuhlumo lwezoqoqosho. Izalathi zeziphumo zithetha ngolawulo olumanyanisiweyo lwezixhobo zelifa lemveli, nesalathi sesiphumo sokuqala esijongana nokukhuselwa kwezixhobo zelifa lemveli kunye nesalathi

sesiphumo sesibini sijongana nolawulo lwezixhobo zelifa lemveli ngokukhuthaza. Kunyaka ophelileyo kubekho inkqubela ebonakalayo nangona ifuthe lobhubhane weKhovidi-19, oluye lwanciphisa ukubonakala kokusebenza ekuqaleni konyaka-mali. Kwinxalenye yokugqibela yonyaka, i-HWC iqhubekile nokusebenza kwayo kwi-intanethi, njengokufaka izicelo, ukudibana nabasemagunyeni ukuxoxa ngemicimbi yobuchule kunye nabathunywa, ukwenza uhlolo lwesiza kunye nokutyhilwa kwe-PHS. Le misebenzi inegalelo ngokuthe ngqo ekufezekiseni iinjongo zesiphumo se-HWC.

3 IINKCUKACHA ZOKUSEBENZA NGOKWENKQUBO: ILIFA LEMVELI LENTSHONA KAPA

3.1. Inkqubo/umsebenzi/injongo

Injongo yeLifa leMveli leNtshona Kapa kukucebisa uMphathiswa malunga nokuphunyezwa koMthetho kaZwelonke weZixhobo zeLifa leMveli (uMthetho wama-25 we-1999) ngokwenza njalo, ukukhusela nokulawula izixhobo zelifa lemveli zeNtshona Kapa..

Izalathisi zokusebenza eziphambili, ekujoliswe kuko okucwangcisiweyo neyona mpumelelo

Inkqubo / Inkqutyana: iLifa leMveli laseNtshona Kapa									
isiphumo	**Imveliso**	**Isalathisi semveliso**	**Owona Msebenzi uPhicothiweyo 2018/20219**	**Owona Msebenzi uPhicothiweyo 2019/2020**	**EkuJoliswe kuko koNyaka okuCwangcisiweyo 2020/2021**	***Eyona Mpumelelo 2020/2021 Q1 & Q2**	**Unxaxho kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo kweYona Mpumelelo 2020/2021**	**Izizathu zonxaxho**	**Izizathu zohlaziyo kwiiMveliso/izalathisi zeeMveliso/ekuJoliswe kuko koNyaka**
Ulawulo olumanyanisiweyo lwezixhobo zelifa lemveli eNtshona Kapa.	Uhlolo lweSiza olwenziweyo ye-HWC	Inani lamatyeli oohlolo olwenziweyo kwiziza zelifa lemveli lePhondo	-	10	8	0	-8	Ngenxa yokumiswa ngxi kweentshukumo okubandgwe ngubhubhane weKhoidi-19 ehlabathini, ekujoliswe kuko njengoko kucwangcisiwe akubanga nakuphunyezwa.	Ngenxa yokumiswa ngxi kweentshukumo okubandgwe ngubhubhane weKhoidi-19 ehlabathini, ekujoliswe kuko kuye kwaphindwa kwaqalaselwa kwakhona.

Inkqubo / Inkqutyana: iLifa leMveli laseNtshona Kapa									
isiphumo	**Imveliso**	**Isalathisi semveliso**	**Owona Msebenzi uPhicothiweyo 2018/20219**	**Owona Msebenzi uPhicothiweyo 2019/2020**	**EkuJoliswe kuko koNyaka okuCwangcisiweyo 2020/2021**	***Eyona Mpumelelo 2020/2021 Q1 & Q2**	**Unxaxho kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo kweYona Mpumelelo 2020/2021**	**Izizathu zonxaxho**	**Izizathu zohlaziyo kwiiMveliso/izalathisi zeeMveliso/ekuJoliswe kuko koNyaka**
Ulawulo oludityanisiweyo lwezixhobo zelifa lemveli eNtshona Kapa.	Ingqwalasela yokuba isiza sibhengeziwe Ukwamkelwa kokuba isiza yindawo ebhengezwe njengelilifa lemveli lephondo ngokutyhila indawo enobhubhane	Inani leziza zelifa lemveli lephondo ezityhiliweyo	-	4	3	0	-3	Ngenxa yokumiswa ngxi kweentshukumo ezibangwe ngubhubhane wehlabathi iKhovidi-19, ekujoliswe kuko ebekucwangcisiwe akubanga nakuphunyezwa.	Ngenxa yokumiswa ngxi kweentshukumo okubandgwe ngubhubhane weKhoidi-19 ehlabathini, ekujoliswe kuko kuye kwaphindwa kwaqalaselwa kwakhona.
Ulawulo oludityanisiweyo lwezixhobo zelifa lemveli eNtshona Kapa.	Amacweyo okanye iintlanganiso zabanjelwa ukuze kwaziswe ngokubalulekakokulondolozaizixhobo zelifa lemveli nefuthe lolawulo lwezo zixhobo	Inani leenkqubo ezibanjiweyo ukukhuthaza ulawulo izixhobo zelifa lemveli	-	7	4	0	-4	Ngenxa yokumiswa ngxi kweentshukumo ezibangwe ngubhubhane wehlabathi iKhovidi-19, ekujoliswe kuko ebekucwangcisiwe akubanga nakuphunyezwa.	Ngenxa yokumiswa ngxi kweentshukumo okubandgwe ngubhubhane weKhoidi-19 ehlabathini, ekujoliswe kuko kuye kwaphindwa kwaqalaselwa kwakhona.

Inkqubo/Inkqutyana:								
Isiphumo	**Imveliso**	**Isalathisi seMveliso**	**Owona Msebenzi uPhicothiweyo 2018/2019**	**Owona Msebenzi uPhicothiweyo 2019/2020**	**EkuJoliswe kuko okuCwangcisiweyo koNyaka 2020/2021**	****Eyona Mpumelelo 2020/2021**	**Unxaxho kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo kweYona Mpumelelo 2020/2021**	**Izizathu zonxasho**
Ulawulo oludityanisiweyo lwezixhobo zelifa lemveli eNtshona Kapa.	Imigaqo-nkqubo; imiqathango; izikhokelo okanye imithetho yokuziphatha ephuhlisiweyo nevunyiweyo	Inani lemigaqo-nkuqobo, imiqathango, nezikhokelo okanye imithetho yokuziphatha evunyiweyo liBhunga okanye iGosa loLawulo eliyiNtloko	-	1	1	1	-	-
Ulawulo oludityanisiweyo lwezixhobo zelifa lemveli eNtshona Kapa.	Ukubhengezwa nokuChongwa kweziza zeLifa leMveli zePhondo	Inani leziza zelifa lemveli lephondo ezithe zakhuselwa	-	3	4	5	+1	Ngenxa yenani elingaphezulu lezicelo ebe zilindelekile ezithe zafunyanwa yi-HWC, iSiza esongezelelweyo seLifa leMveli lePhondo sikhuselwe ngokusemthethweni..
Ulawulo oludityanisiweyo lwezixhobo zelifa lemveli eNtshona Kapa.	Uhlolo lweziza olwenziweyo yi-HWC	Inani lamatyeli ohlolo olwenziweyo kwiziza zelifa lemveli lephondo	-	10	2	2	-	
Ulawulo oludityanisiweyo lwezixhobo zelifa lemveli eNtshona Kapa.	Iintlanganiso ezihleliweyo zebhunga nezeekomiti ze-HWC ukuze kuphunyezwe i-NHRA	Inani leentlanganiso zeBhunga nezeekomiti ezibanjiweyo ukuze kuthathwe izigqibo ngokweNHRA	-	110	100	134	+34	Iintlanganiso ezongezelelweyo zabanjwa ngenxa yomthamo omkhulu wezicelo kunye nezigqibo ezinzima zelifa lemveli kwakufuneka zithathiwe.

Inkqubo/Inkqutyana:								
Isiphumo	**Imveliso**	**Isalathisi seMveliso**	**Owona Msebenzi uPhicothiweyo 2018/2019**	**Owona Msebenzi uPhicothiweyo 2019/2020**	**EkuJoliswe kuko okuCwangcisiweyo koNyaka 2020/2021**	****Eyona Mpumelelo 2020/2021**	**Unxaxho kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo kweYona Mpumelelo 2020/2021**	**Izizathu zonxasho**
Ulawulo oludityanisiweyo lwezixhobo zelifa lemveli eNtshona Kapa.	Ukwamkelwa kokuba isiza yindawo ebhengezwe njengelilifa lemveli lephondo ngokutyhila kwendawo kabhubhane	Inani leziza zlifa lemveli lephondo ezityhiliweyo	-	4	2	2	-	
Ulawulo oludityanisiweyo lwezixhobo zelifa lemveli eNtshona Kapa.	Amacweyo okanye iintlanganiso zibanjiwe ukuze kwaziswe ngokubaluleka kolondolozo lwezixhobo zemveli nemiphumela yolawulo lwezo zixhobo	Inani leenkqubo ezibanjiweyo ukukhuthaza ulawulo lwelifa lemveli	-	7	1	1	-	

Isicwangciso sokoyisa kwindawo apho kungasetyenzwanga kakuhle khona

Eli ziko lathi thaca iinguqu zalo nyaka-mali kwisiCwangciso sokuSebenza soNyaka ngenxa yeethagethi ezithile ebezingenakwenziwa ngokupheleleyo ngenxa yokuvalelwa ngenxa yeKhovidi-19. Konke ekujoliswe kuko okulungisiweyo kwafezekiswa kwisahlulo sokugqibela sonyaka.

Ukunika ingxelo ekuPhendulweni kweZiko kuBhubhane weKhovidi-19

Njengemephumela yobhubhane wehlabathi kunye nefuthe iKhovidi-19 ebenalo kwiLifa leMveli leNtshona Kapa ingakumbi, eli ziko lilungelelanise iinkqubo zalo ukuze liphumeze umbono walo kunye nenjongo yalo kwaye liqhubeke nokuphumeza i-NHRA. Apha ngezantsi kukho ezinye iindlela zongenelelo eziphunyezelwe ukuphendula ubhubhane weKhovidi-19A:

1. Zonke iintlanganiso zeBhunga nezeekomiti zabanjwa nge-intanethi (kusetyenziswa i-MS Teams).
2. Iintlanganiso ze-Hybrid zabanjwa kwiimeko ezithile.
3. Izicelo zafunyanwa kusetyenziswa i-imeyile ethe ngqo kubhokisi yemeyile ye-CEO kwaye akusahanjiswa ngokuya kwii-ofisi zethu.
4. Iirekhodi zezigqibo ezatyikitywa ngokusetyenziswa ubuxhakaxhaka balemihla bekompyutha kwanezicwangciso zogximfizo ngobuxhakaxhaka balemihla bekhompyutha. Kwakukho ii-imeyile kubafaki-zicelo, nakuba ngaphambilini ezi nkqubo zazisekelwe kumaphepha kwaye zisenziwa kwikhawuntala ye-HWC.
5. Amaqela anomdla nachaphazelekayo ayongezwa kwigqiza lika-WhatsApp aze aziswe njalo ngenkqubela phambili yemiba ye-ajenda eyenzekayo ngexesha leentlanganiso zekomiti.
6. Iikhowudi ze-QR kwazisiwe ngazo ukuvumela ufikelelo lula ekujoyineni igqiza le WhatsApp ukulandelela nokujoyina iintlanganiso zekomiti.

Itheyibhile: Inkqubela phambili ekuPhenduleni kweZiko kuBhubhane weKhovidi-19

Ungenelelo lweNkqubo/ lweNkqutyana	Ungenelelo	Indawo (kwiPhondo / kwiSithili / kuMasipala weNgingqi) (Apho kunokwenzeka khona)	Inani labaxhamli (Apho kunokwenzeka khona)	Ukuwahlulwahlulwa kwabaXhamli (Apho kunokwenzeka khona)	Lulonke ulwabiwo-mali ngokongenelelo (R'000)	Ulwabiwo-mali oluchithiweyo ngokongenelelo	Igalelo kwiiMvelisi kwi-APP (Apho kunokwenzeka khona)	Iziphumo ezikhawulezileyo
AYINGENI								

4. UKUQOKELELWA KWENGENISO

	2020/21			2019/20		
uMthombo weNgeniso	**Uqikelelo**	**Esona Sixa siqokelelweyo**	**Ingqokelela (engaPhezulu)/ engaphantsi**	**Uqikelelo**	**Esona Sixa siqokelelweyo**	**Ingqokelela (engaPhezulu)/ engaphantsi**
	R`000	**R`000**	**R`000**	**R`000**	**R`000**	**R`000**
Enye iNgeniso yokuSebenza	773	1 206	(433)*	1 189	1 434	(245)
Intlawulo yoDluliselo	1 002	550	452	1 844	1 844	-
Ingeniso yeNzala	215	220	5	528	528	-
Iyonke	**1 990**	**1 976**	**14**	**3 561**	**3 806**	**(245)**

** Ingqokelela engaphezulu inxulumene ikakhulu ne-GRAP 23: Uhengahlengiso lweNkonzo yeSisa olwenziwe kwimivuzo engama-R 485 000 enxulumene nabasebenzi abalawula imali yeQumrhu likaRhulumente. Iinkcukacha ezizezinye zicacisiwe kwiiNkcazo zeMali zoNyaka ze-HWC, inqaku le-14.*

ILifa leMveli leNtshona Kapa lifumana nentlawulo yonyaka evela kwiSebe ukuxhasa umsebenzi wequmrhu. Ngenxa yokunqongophala kwemali, ukuhlawulwa kwemali kuye kwancitshiswa kunyaka-mali ophelileyo (wama-2019/20), kwaye isixa-mali ebesiqingqiwe sokuqala sodluliso kowama-2020/21 se-R1 002 000 sehlisiwe saya kuma kuma-R550 000. Impembelelo yeKhovidi-19 kunye neemfuno ezikhawulezileyo kwicandelo lokhathalelo lwempilo. Ingeniso yangoku eyongezelelweyo yequmrhu ikwimirhumo ebizelwa ukuqhubekeka kwezicelo zemvume. Kubekho ukuncipha okungephi kwinani lezicelo zemvume ezifunyenwe liqumrhu ngowama-2020/21 lafikelela kwizicelo ezingama-2 069 zezicelo zemvume, xa kuthelekiswa nonyaka ophelileyo wama-2019/20 efikelela kwizicelo ezingama-2 260 zezicelo zemvume. Ukwehla kwezicelo kubangele ukwehla kwengeniso efunyenwe yi-HWC efikelela kuma-R721 000.

Ukunxulumanisa umsebenzi nohlahlo lwabiwo-mali

Ngelixa ulungelelwaniso lwengeniso lwequmrhu lwalucuthwa ngokubhekisele kwintlawulo yalo yokutshintshela kunye nengeniso encinci kwimirhumo yesicelo semvume nenzala, oku kuyaqondakala ngokwemeko yempembelelo yeKhovidi-19 kunikezelo lweenkonzo nakwimo yokusebenza yangaphakathi. Utshintsho lwangaphakathi konyaka luthiwe thaca kwisiCwangciso sokuSebenza soNyaka wonyaka-mali wama-2019/2020 weziko, iinjongo ezihlengahlengisiweyo zafezekiswa. Into ekujoliswe kuyo engakhange ilungiswe ngokunxulumene nenani leentlanganiso zeBhunga kunye neekomiti zifezekisiwe - ebekujoliswe kuko ngonyaka ibili-100, impumelelo yokugqibela iqatshelwe njenge-134 (ngaphezulu kwempumelelo yeentlanganiso ezingama-34). Oku ikakhulu kubangelwe kukuntsonkotha kwezicelo kunye nesidingo sokuba iikomiti zihlangane ngaphezulu kwemihla ecwangcisiweyo ukunqanda ukusilela kwezicelo, kuthathelwa ingqalelo zonke iintlanganiso ezazibanjelwe kwi-intanethi kusetyenziswa i-MS Teams.

4.1. Utyalo-mali oluKhulu

Alukho

ICANDELO C: URHULUMENTO

1. INTSHAYELELO

Urhulumento lwequmrhu lubandakanya iindlela kunye neenkqubo apho amaziko oluntu ayalelwayo, elawulwa kwaye enziwe ukuba aphendule. Ukongeza kwiimfuno zomthetho ezisekwe kumthetho osebenzayo wequmrhu likarhulumente, kunye noMthetho weeNkampani, ulawulo lweshishini ngokubhekisele kumaqumrhu oluntu lusetyenziswa ngokwemigaqo yoMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente (i-PFMA) kwaye luqhutywa ngokuhambelana nemithetho-siseko equlethwe yiNgxelo yeKumkani kuLawuloRhulumento lweQumrhu.

Ipalamente, isiGqeba solawulo neGunya eliPhendulayo lequmrhu likarhulumente zinoxanduva lorhulumenrto lwequmrhu.

2. IIKOMITI ZEPOTIFOLIYO

Iikomiti zePalamente yePhondo ezongamele iLifa leMveli leNtshona Kapa yiKomiti eMiyo yoKhuseleko loLuntu, iMicimbi yeNkcubeko neMidlalo, kunye neKomiti eMiyo yee-Akhawunti zikaRhulumente (i-SCOPA).

IiKomiti eziMileyo kuKhuseleko loLuntu, iMicimbi yeNkcubeko neMidlalo; nee-Akhawunti zikaRhulumente	
Umhla wokuManyelwa	**Umba ophantsi kwengqwalasela**
Kowe-12 kweyeSilimela wama-2020	Ukunikwa kwamagqabantshintshi liSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo namaqumrhu kwiNgxelo yokuSebenza zeKota yoku1-1, yesi-2, neyesi-3 yowama-2019/20.
Kowama-27 kweyeKhala wama-2020	Ukuqwalaselwa kweVoti ye-13: iMicimbi yeNkcubeko neMidlalo, kwiShedyuli yoMthetho osaYilwayo woHlengahlengiso loLwabiwo-mali lweNtshona Kapa (iKhovidi-19) [B4 - 2020]
Kowama-27 kweyeNkanga wama-2020	Ukuqwalaselwa kweVoti ye-13: iMicimbi yeNkcubeko neMidlalo kwiShedyuli yoMthetho osaYilwayo woLungelelwaniso lwesiBini eNtshona Kapa, wama-2020
Kowesi-4 kweyomNga wama-2020	Ingxoxo kwiiNgxelo zoNyaka zeLifa leMceli leNtshona Kapa zowama--2019/20.
Kowama-29 kweyoMqungu wama-2021	Ingxoxo kwiiNgxelo zoNyaka zeLifa leMceli leNtshona Kapa zowama--2019/20.
Kowe-17 kweyoKwindla wama-2021	Ukuqwalaselwa kweVoti ye-13: IMicimbi yeNkcubeko neMidlalo kwiShedyuli yoMthetho osaYilwayo woLungelelwaniso lweSithathu (wama-2020/21 wonyaka-mali), wama-2021 kunye nengxoxo ngeVoti 13 kwiShedyuli yoMthetho osaYilwayo woLwabiwo weNtshona Kapa, wama-2021

3. IGUNYA ELILAWULAYO

IGunya eliLawulayo luthathe uxanduva lokongamela ngokubeka esweni iinkcukacha zemali nezingezizo ezemali ngeli xesha lophononongo. Ezi ngxelo zilandelayo zangeniswa ngeenjongo zokubeka esweni:

INgxelo yokuSebenza yeKota	Kowama-31 kweyeKhala wama-2020; kowama-31 kweyeDwarha wama-2020; kowama-31 kweyoMqungu wama-2021; kowama-30 kwekaTshazimpuzi wama-2021
INgxelo yoBeko-liso eNyakeni	Kowama-31 kweyeKhala wama-2020; kowama-31 kweyeDwarha wama-2020; kowama-31 kweyoMqungu wama-2021; kowama-30 kwekaTshazimpuzi wama-2021

4. IGUNYA ELIPHENDULAYO/IBHODI

4.1 Intshayelelo

IBhunga lisekwe ngokoMthetho we-1999, kunye nemimiselo epapashwe njengeSaziso sePhondo sama-336 somhla wama-25 kweyeDwarha wama-2002. Ibhunga lonyulwa ixesha leminyaka emithathu..

4.2 Indima yeBhunga yile ilandelayo

IBhunga liGunya eliPhendulayo kunye negunya elithatha izigqibo kwimicimbi yomgaqo-nkqubo nakuzo zonke iindawo zokuthathwa kwezigqibo ngokwe-NHRA ezinganikelwanga igunya kwiikomiti zayo, abasebenzi okanye oomasipala.

Ngexesha lonyaka wophononongo iqumrhu belinamabhunga amabini anexesha elingenanayo. Ixesha lebhunga laye laphelelwa ngowama-31 kweyeDwarha wama-2019. Ixesha lebhunga langoku laqala ngowoku-1 kweyeNkanga wama- 2019.

4.3 Umqulu weBhodi

ILifa leMveli leNtshona Kapa alinawo umqulu osesikweni kodwa ukhokelwa nguMthetho kaZwelonke weZixhobo zeLifa leMveli (uMthetho wama-25 we-1999) nendlela evunyiweyo yeNdlela yokuziPhatha neMithetho yeentlanganiso zeBhunga nezeKomiti.

Ukwakhiwa kweBhunga area

Igama	Ukunyulwa (ngokweBhunga leQumrhu likaRhulumente)	Umhla wokonyulwa	Umhla wokurhoxa	Iziqinisekiso zemfundo	Icandelo loBungcali	Ibhodi yoLawulo (Uluhlu lwamaqumrhu)	Ezinye iiKomiti Okanye amaQela oMsebenzi (umz. Ikomiti yophicotho/iqela lomsebenzi wobuPhathiswa)	Inani leenNtlanangiso ezizin yasiweyo
Nksz Emmylou Bailey	Ilungu	Woku-1 kweyeNkanga wama-2019	AYINGENI	MA Archaeology and Heritage Management	Iimbonakalo zeNkcubeko; inzululwazi ngezakudala	Ilifa leMveli lezeMpilo	IziBheno ze-APM Appeals (elinye ilungu)	21
Mnu Stefan de Kock	Ilungu	Woku-1 kweyeNkanga wama-2019	AYINGENI	Hons: Urban ne- Regional Planning; Post-Grad Diploma: EIA Management	Ulawulo lwezixhobo zelifa lemveli; Impembelelo yovavanyo; inkqubo yokucwangcisa umhlaba; ulawulo losetyenziso lomhlaba	AYINGENI	i-IGIC	3
Mnu Stuart Hermansen	Ilungu	Woku-1 kweyeNkanga wama-2019	AYINGENI	B.A.S ne-B. Architecture	Ulwakhiwo lwezixhobo zelifa lemveli	Abakhi be-HB (Pty) Ltd	IziBheno ze-BELCom	17

Igama	Ukunyulwa (ngokweBhunga leQumrhu likaRhulumente)	Umhla wokonyulwa	Umhla wokurhoxa	Iziqinisekiso zemfundo	Icandelo loBungcali	Ibhodi yoLawulo (Uluhlu lwamaqumrhu)	Ezinye iiKomiti Okanye amaQela oMsebenzi (umz. Ikomiti yophicotho/iqela lomsebenzi wobuPhathiswa)	Inani leenNtlanangiso ezizinyasiweyo
Mnu Jason Knight	Ilungu	Woku-1 kweyeNkanga wama-2019	AYINGENI	Master's in city and Regional Planning	UCwangciso lweDolophu nolweNgingqi; Ulawulo lweZixhobo zeLifa leMveli	Greenrock Group (Pty) Ltd.	i-IACom IGIC	16
Mnu Ron Martin	Ilungu	Woku-1 kweyeNkanga wama-2019	AYINGENI	IsiQinisekiso soCwangciso lweMbali yoMlomo (Honours Level); Post Graduate Diploma kwiMyuziyam neziFundo zeLifa leMveli (Honours Level)	ULawulo lweZixhobo zeLifa leMveli; Imemori; iinkqubo zemveli; iimbali ezifihliweyo	UMbutho woLondolozo lweMbali woMzantsi Afrika woMzantsi Afrika (Pty) Ltd; Sendinggestig Trust ye-SA.	i-IGIC	9
UMmeli Mandla Mdludlu	Usihlalo	Woku-1 kweyeNkanga wama-2019	AYINGENI	BIuris, LLB, isiQinisekiso kuMthetho wezabaSebenzi	uMthetho nomthetho wePropati	Ikomiti yoPhicotho (uMasipala we-Overstrand);	Izibheno	15

Igama	Ukunyulwa (ngokweBhunga leQumrhu likaRhulumente)	Umhla wokonyulwa	Umhla wokurhoxa	Iziqinisekiso zemfundo	Icandelo loBungcali	Ibhodi yoLawulo (Uluhlu lwamaqumrhu)	Ezinye iiKomiti Okanye amaQela oMsebenzi (umz. Ikomiti yophicotho/iqela lomsebenzi wobuPhathiswa)	Inani leenNtlanangiso ezizinyasiweyo
						i-TVET yoNxweme lwaseNtshona; i-NHBRC; HPCSA		
Mnu Bongani Mgijima	Ilungu	Woku-1 kweyeNkanga wama-2019	AYINGENI	BA, BPA Hons, PG Diploma Museum neLifa leMveli, MPA ne-MPhil	IMyuziyam kunye neZifundo zeLifa leMveli; ulawulo lwelifa lemveli nolawulo; uphuhliso lomgaqo-nkqubo	Amazwi oLondolozo lweMbali yoMzantsi Afrika oNcwadi; Isisombululo seYakhanani kwezoKhenketho; IGunya leZixhobozeLifa leMveli loMzantsi Afrika; Amagama eeNdawo zePhondo leNtshona Kapa	AYINGENI	5

Igama	Ukunyulwa (ngokweBhunga leQumrhu likaRhulumente)	Umhla wokonyulwa	Umhla wokurhoxa	Iziqinisekiso zemfundo	Icandelo loBungcali	Ibhodi yoLawulo (Uluhlu lwamaqumrhu)	Ezinye iiKomiti Okanye amaQela oMsebenzi (umz. Ikomiti yophicotho/iqela lomsebenzi wobuPhathiswa)	Inani leenNtlanangiso ezizinyasiweyo
Nksz Cecilene Muller	Ilungu	Woku-1 kweyeNkanga wama-2019	AYINGENI	MA Archaeology (Archaeometry), Bcocsc (Hons) Management neSocial Policy, BA (Hons) Archaeology ne-Bsosc-Sociology	Inzululwazi ngezakudala-, uLawulo lweZixhobo zeLifa leMveli, ukuHlelwa kunye nokubhengezwa	Cognitive Morph Pty LtD	i-APM IACom	32
Nksz Vuyiseka Myakala	Ilungu	Woku-1 kweyeNkanga wama-2019	AYINGENI	isiQinisekiso seMfundo ePhakamileyo seeNgcebiso noNxibelelwano	Ilmyuziyam nolawulo lwelifa lemveli	AYINGENI	i-IGIC	7
Mnu Graham Jacobs	Ilungu	Woku-1 kweyeNkanga wama-2020	AYINGENI	i-B.Arch MA Kwizifundo zoLondolozo (iMeko yoLwakhiwo)	Uyilo lolwakhiwo; amaxwebhu elifa lemveli novimba weenkcukach	Countryscape Design CC.	BELCom	25

Igama	Ukunyulwa (ngokweBhunga leQumrhu likaRhulumente)	Umhla wokonyulwa	Umhla wokurhoxa	Iziqinisekiso zemfundo	Icandelo loBungcali	Ibhodi yoLawulo (Uluhlu lwamaqumrhu)	Ezinye iiKomiti Okanye amaQela oMsebenzi (umz. Ikomiti yophicotho/iqela lomsebenzi wobuPhathiswa)	Inani leenNtlanangiso ezizinyasiweyo
					a; Imigaqo yoPhuhliso Architecture;			
Nksz Katherine Dumbrell	Ilungu	Woku-1 kweyeNkanga wama-2016	AYINGENI	B. degree kwi-Architectural Studies; Post Graduate Diploma kwi-African Studies; BA (hons) kwi-African Studies	Uyilo lolwakhiwo; amaxwebhu elifa lemveli novimba weenkcukacha	Kathy Dumbrell Architect Historian Ikomiti ye-Aesthetics yoMasipala wezeKhaya waseSwellendam	Izibheno	18

Uluhlu lwamalungu eKomiti kowama- 2019- 2022

Ikomiti	Inani leentlanganiso ezibanjiweyo	Inani lamalungu	Igama lamalungu
i-BELCOM	22	6	Mnu Graham Jacobs (uSihlalo) Mnu Dennis Belter Mnu Guillaume Narainne (warhoxa ngowe-19 kweyeNkanga wama-2020) Nksz Mishkah Collier Mnu Shawn Johnston Njingalwazi Walter Peters Mnu Stuart Hermansen (warhoxa ngowe-18 kweyoMqungu wama-2021) Nksz Helene van der Merwe (wonyulwa ngowe--9 kweyoMdumba wama-2021)
i-APM	11	7	Gqr Lita Webley (uSihlalo) Nksz Cecilene Muller Gqr Jayson David John Orton Mnu John Gribble Nksz Emmylou Bailey Gqr Wendy Black (wonyulwa ngowesi-6 kuCanzibe wama-2020) Gqr Ragna Redelstorff (wonyulwa ngowesi-6 kuCanzibe wama-2020)
Izibheno	14	5	UMmeli Mandla Mdludlu (warhoxa kowoku-1 kweyoMqungu wama-2021) Gqr Nicholas Baumann Njingalwazi Andrew van Graan Gqr Antonia Malan Nksz Katherine Dumbrell (wonyulwa njengoSihlalo ngowe-18 kweyoMqungu wama-2021) Mnu Stuart Hermansen (wonyulwa ngowe- 18 kweyoMqungu wama-2021) Nksz Emmylou Bailey (wonyulwa njengelinye ilungu ngowe-9 kweyoMdumba wama-2021)
i-IGIC	3	5	Mnu Ron Martin (uSihlalo) Ms Jenna Lavin (warhoxa ngowe-16 kweyeDwarha wama-2020) Nksz Vuyiseka Myakala Nksz Maureen Wolters Gqr Bongani Ndhlovu Mnu Stefan de Kock (warhoxa ngowesi-8 kweyomNga wama-2020) Mnu Jason Knight (wonyulwa ngowe-9 kweyoMdumba wama-2021)

Ikomiti	Inani leentlanganiso ezibanjiweyo	Inani lamalungu	Igama lamalungu
i-IACOM	15	9	Mnu Jason Knight (warhoxa njengoSihlalo ngowama-31 kweyeThupha wama-2020) Mnu Siphiwo Mavumengwana Nksz Cecilene Muller Mnu Dave Saunders Mnu Mokena Makeka (warhoxa ngowe-9 kweyoMsintsi wama-2020) Mnu Mike Scurr Mnu Rashiq Fataar Mnu David Gibbs (wonyulwa njengoSihlalo ngowama-28 kweyoMsintsi wama-2020) Ms Sarah Winter (wonyulwa ngowama-28 kweyoMsintsi wama-2020) Mnu Gaarith Williams (wonyulwa ngowama-28 kweyoMsintsi wama-2020)

UMVUZO WEBHUNGA NAMALUNGU EKOMITI

Iiphakheji zoncedo lwenkonzo kwabo basezikhundleni kwamanye amaziko asemthethweni kunye namanye amaziko achazwa nguMphathiswa wezeMali kwaye achazwe kwiSetyhula kaNondyebo wePhondo. Inqanaba likaSihlalo ngama-R472.00 ngeyure kunye nelama-R327.00 ngeyure.

Ifani	Igama	Umvuzo R`000	Ezinye izibonelelo (T&S) R`000	Iyonke R`000
Bailey	Emmylou	36	1	37
Baumann	Nicholas	22	1	23
Belter	Dennis	46	5	51
Buttgens	Peter	38	0	38
Carelseu	Rashaad	43	0	43
Collier	Mishkah	43	0	43
De Kock	Stefan	6	0	6
Dumbrell	Katherine	30	1	31
Fataar	Mogammad Rashiq	32	1	33
Gribble	John	24	0	24
Gibbs	David	42	0	42
Hermansen	Stuart	29	0	29
Jacobs	Graham	74	2	76
Johnston	Shawn	51	0	51
Knight	Jason	36	0	36
Lavin	Jenna	3	0	3
Makeka	Mokoena	4	0	4
Malan	Antonia	21	0	21
Martin	Ron	20	1	21
Mavumengwana	Siphiwo Innocent	29	0	29
Mdludlu	Mandla	26	0	26
Mgijima	Bongani	10	0	10
Milandri	Laura	39	0	39
Muller	Cecilene	72	0	72
Myakala	Vuyiseka	12	0	12
Narainne	Guilaume	19	0	19
Orton	Jayson David John	18	0	18
Peters	Walter	57	1	58
Redelstorff	Ragna	2	0	2
Saunder	Dave	40	3	43
Scurr	Mike	47	2	49
Smith	Raymond	30	0	30
Van der Merwe	Helene	7	0	7
Webley	Lita	29	1	30
Williams	Gaarith	20	0	20
Winter	Sarah	21	1	22
Wolters	Maureen	8	5	13
IYONKE		**1 107**	**25**	**1 132**

5. ULAWULO LOMNGCIPHEKO

ILifa leMveli leNtshona Kapa lithatha inxaxheba kwiKomiti yoLawulo loMngcipheko kunye neKomiti yeNdlela yokuziPhatha (i-ERMECO) yeSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo ukunceda iGosa eliPhendulayo ekwenzeni imisebenzi yalo enxulumene nolawulo lomngcipheko.

UXANDUVA LWE-ERMECO

I-ERMECO inika ingxelo yokuba liluthathile uxanduva lwayo oluvela kwiCandelo lama-51 (1) (a) (i) loMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, uMmiselo kaNondyebo 3.2.1 neMimiselo yeNkonzo kaRhulumente wama-2016, iSahluko sesi-2, ICandelo loku-1, elesi-2 nelesi-3. I-ERMECO ikwanika nengxelo yokuba yamkele imiQathango efanelekileyo esesikweni (eyamkelwe ngusihlalo we-ERMECO ngomhla wama-29 kweyoKwindla ngowama-2019) yaza yalawula imicimbi yayo ngokuthobela le Migqaliselo yeSalathiso kwaye liluthathile lonke uxanduva lwayo njengoko kuqulethwe kuyo.

AMALUNGU E-ERMECO

I-ERMECO ine-AO kunye namalungu akhethiweyo eqela lolawulo lweSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo kwaye usihlalo wayo liGosa eliPhendulayo leSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo. IGosa eliyiNtloko lesiGqeba soLawulo lweLifa leMveli leNtshona Kapa limela iqumrhu kwi-ERMECO yeSebe. NgokweMigqaliselo yalo yoQeqesho i-ERMECO yadibana amatyeli amane (ngekota) kunyaka ophantsi kophononongo. Uninzi lweentlanganiso bezizinyaswe ngawo onke amalungu okanye abameli bakhe.

Itheyibhile engezantsi ibonakalisa iinkcukacha kumalungu e-ERMECO:

ILUNGU	ISIKHUNDLA	EZIZINYASIWEYO	UMHLA WOKONYULWA
Mnu B Walters	IGosa eliPhendulayo (uSihlalo we-ERMECO)	3	31/03/2017
Nksz B Rutgers	uMlawuli: uLawulo lweMali – (i-CFO)	3	31/03/2017
Nksz C Sani	uMlawuli: iiNkonzo zeThala leNcwadi	4	31/03/2017
Mnu D Esau	uSekela Mlawulu: uLawulo lwaNgaphakathi (iNtshatsheli yoMngcipheko)	4	31/03/2017
Mnu D Flandorp	uSekela Mlawuli: ICandelo	1	31/03/2017

ILUNGU	ISIKHUNDLA	EZIZINYASIWEYO	UMHLA WOKONYULWA
	lezoBudlelwane bamaShishini (iGosa leNdlela yokuziPhatha)		
Mnu G Mohamed (wayishiya i-DCAS ngomhla wama-31 kweyeThupha wama-2020)	uMlawuli: uLawulo loMxholo weShishini		
Mnu G Redman	i-CD: iMicimbi yeNkcubeko		
Nksz J Boulle	i-CD: uMsombululi eMva kokuphuma kweSikolo		
Nksz J Moleleki	uMlawuli: uBugcisa, iiNkcubeko noLwimi		
Gqr L Bouah	i-CD: iMidlalo noLonwabo		
Gqr M Dlamuka (wayishiya i-DCAS ngomhla wama-30 kweyeNkanga wama-2020)	uMlawuli: liMyuziyam, iLifa leMveli neeNkonzo zokuThitywa kwamaGama eeNdawo; neGosa eliyiNtloko loLawulo leNtshona Kapa		
Nksz N Dingayo	uMlawuli: iNkonzo yoVimba yePhondo		
Nksz S Julie	uMlawuli: isiCwangciso neNkxaso yoLawulo lokuSebenza		
Mnu T Tutu	uMlawuli: UkuKhuthazwa kwezeMidlalo		
Mnu P Hendricks	uMlawuli: uPhuhliso lwezeMidlalo		

Oku kulandelayo sisalathiso samanye amagosa athe azimasa iintlanganiso ze-ERMECO kunyaka ophantsi kophononongo:

ABANYE ABAZIMASILEYO	ISIKHUNDLA	EZIZINYASIWEYO
Nksz A Haq	uMlawuli: uLawulo loMngcipheko wamaShishini (i-DotP)	3
Mnu D Micketts	uMcebisi woMngcipheko oyiNtloko: uLawulo loMngcipheko wamaShishini (i-DotP)	4
Nksz N Mabude	uMcebisi woMngcipheko oyiNtloko: uLawulo loMngcipheko wamaShishini (i-DotP)	4
Nksz M Natesan	uSekela Mlawuli: liNkonzo zoPhando-nzulu lwePhondo (i-DotP)	4

IMISEBENZI EPHAMBILI YE-ERMECO

Ekuphumezeni umsebenzi wayo, i-ERMECO yenze le misebenzi iphambili ilandelayo apha enyakeni:

- Iphonononge isiCwangciso soLawulo loMngcipheko neQhinga loPhunyezo; izindululo zeKomiti zoPhicotho-ncwadi neziphunyezwe yi-AO;
- Ibeke iliso yaza yahlola imingcipheko kumaqela amiselweyo amaqondo amanqanaba enkanuko, iphonononge yaza yasebenzisa inkanuko efanelekileyo yomngcipheko kunye nokunyamezelana ngokwemiqathango yoMgaqo-nkqubo wesiCwangciso soLawulo loMngcipheko wePhondo kunye neQhinga (i-PERMPS) eyamkelwe ngaBaphathi abaPhezulu bePhondo; Kuxelwe kwi-AO naluphi na utshintsho kwimeko yomngcipheko weSebe;
- Iqinisekise umngcipheko wesicwangciso sobumi besebe. Oku kubonisa iinzame zesebe ekujonganeni nezinto ezinegalelo kunye neempembelelo ezinxulumene ngqo nommi;
- Ifumene iindaba zomngcipheko kunye neengxelo zemeko;
- Ichonge imingcipheko evelayo;
- Ibeke iliso ekuphunyezweni kwesiCwangciso soMiliselo lokuThintelwa kobuQhopholo noRhwaphilizo;
- Ivavanye ukubungakanani nokusebenza kokudityaniswa kolawulo lomngcipheko kwisebe;
- Ivavanye umiliselo loMgaqo-nkqubo woLawulo loMngcipheko, isiCwangciso neQhinga loMiliselo;
- Ivavanye ukusebenza ngokukuko kunye neendlela zokuthomalalisa ukujongana nezixhobo, imigaqo yokuziphatha kunye nomngcipheko wolwaphulo-mthetho kuqoqosho;
- Ibonelele ngolongamelo kulawulo lwendlela yokuziphatha kwisebe.

IMINGCIPHEKO EPHAMBILI ENIKWE INGQALELO NEKUTHE KWAQUTYISWANA NAYO APHA ENYAKENI

Le ilandelayo yimingcpheko ephambili yesicwangciso seQumrhu ethe yaqwalaselwa kwaze kwaqutyiswana nayo apha enyakeni:

- Ukuphulukana nezixhobo zelifa lemveli ngotshintsho/ukutshatyalaliswa okungagunyaziswanga okanye ukonakaliswa; kunye
- NeBhunga/iiKomiti zithatha izigqibo ezinokuba *yimikhwa emibi*.

Imingcipheko echaphazelekayo yacingwa kwaye yaxoxwa apha enyakeni yaza yavezwa kwiintlanganiso zekota ze-ERMECO. Abanini bomngcipheko bebeceliwe ukuba banike ingxelo ngenkqubela phambili kunye nokuzalisekiswa kwezicwangciso zomsebenzi ukunciphisa amathuba okuba semngciphekweni kwempahla kunye/okanye ifuthe elinokubakho. I-ERMECO ikwadlulisele umngcipheko umva ekufuneka uhlalutywe ngokubanzi kwaye ucebise ngoncedo olongezelelekileyo okanye izenzo zokulawula umngcipheko.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi yeNtlalontle ibonelele ngolongamelo lokuzimeleyo ngenkqubo yeQumrhu yolawulo lomngcipheko. IKomiti yoPhicotho-zincwadi yanikwa iingxelo zenkqubela yekota ye-ERM kunye neerejista zomngcipheko ukuze zidlale indima yazo yolongamelo oluzimeleyo.

IMINGCIPHEKO EPHAMBILI EVELAYO KUNYAKA-MALI OLANDELAYO

IQumrhu liyazi kakuhle imeko yoqoqosho kunye nokuncipha kwemvulophu yohlahlo-mali xa kuthelekiswa neentswelo zentlalo. Le mingcipheko isenokuba ijongiwe ngeliso lokhozi kwaye ibekwe iliso, kuxoxwa ngayo, ize ilawulwe.

ISIPHELO

Kubekho inkqubela phambili ebonakalayo kulawulo lomngcipheko kunyaka-mali wama-2020/21. Inkqubela phambili entle yenziwa ekumiselweni kolawulo lomngcipheko kunye nokuphakamisa inqanaba lokukhula komngcipheko kwi-HWC ethe yaba negalelo ekusebenzeni kakuhle kwequmrhu loluntu. Ukuphuculwa kunganxulunyaniswa nomngcipheko wokuqonda kunye neenkqubo zoqeqesho ezinikezelwa kumagosa esebe ngokudlula kwii-MS Teams ngexesha lobhubhane we-KHOVIDI-19. ISebe likwazile ukugcina ukungaguqugugquki ngokubhekisele ekusetyenzisweni kweenkqubo zolawulo lomngcipheko ngexesha lobunzima le-KHOVIDI-19.

Ukwanda kokukhula komngcipheko ngaphakathi kwiziko likarhulumente kukhokelele ekuphuculeni iindlela zokuphendula kumngcipheko ochongiweyo.

Ngokwesikhokelo seNgxelo yoNyaka esikhutshwe nguNondyebo kaZwelonke, amagqabantshintshi kufuneka anikezelwe ukuba ingaba isebe / iziko liyayibona na

inkqubela phambili kulawulo lomngcipheko, nokuba ingaba oku kuye kwadlulela kusini na ekuphuculeni ukusebenza kwesebe, kwaye ukuba akunjalo, liceba ukwenza into ukuqubisana nale ngxaki. Iqumrhu liyacelwa ukuba likuthathele ingqalelo oku kwaye linike amagqabantshintshi amafutshane ukuba oko kufanelekile.

6. ICANDELO LOLAWULO LWANGAPHAKATHI

Luxanduva lweGosa eliPhendulayo ukuhlola rhoqo nokuvavanya ulawulo lwangaphakathi ukuqinisekisa ukuba imisebenzi yolawulo ekhoyo iyasebenza, ifanelekile kwaye iyabonakala kwaye iyaphuculwa xa kufuneka njalo. Ukufezekisa oku, kubanjwa isicwangciso sophuculo lwezemali kunye neentlanganiso eziphambili zolawulo noMphicothi-zincwadi Jikelele, abaphathi beenkqubo beSebe/beQumrhu likaRhulumente kunye noMphathiswa. Le yinkqubo eqhubekayo ukuqinisekisa ukuba i-HWC igcina iziphumo zophicotho-zincwadi olungenachaphaza.

Iziko likarhulumente lenze isiCwangciso noLawulo lwaNgaphakathi (umngcipheko uhlengahlengiswe ngokufanelekileyo ngokobhubhane we-KHOVIDI-19) olucacisa isicwangciso esikwinqanaba eliphezulu ekuphunyezweni kolawulo lwangaphakathi kwimisebenzi yalo engundoqo.

7. UPHICOTHO-ZINCWADI LWANGAPHAKATHI NEEKOMITI ZOPHICOTHO-ZINCWADI

UPhicotho-zincwadi lwangaPhakathi lubonelela ngolawulo oluzimeleyo, ngesiqinisekiso esineenjongo neenkonzo zengcebiso ezenzelwe ukongeza ixabiso kunye nokuphucula ngokuqhubekekayo imisebenzi yeSebe. Kufuneka lincedise iSebe ukuze lifezekise iinjongo zalo ngokuzisa inkqubo elungelelanisiweyo, indlela eqeqeshekileyo yokuvavanya nokuphucula ukusebenza koRhulumento, uLawulo loMngcipheko neenkqubo zoLawulo. Le misebenzi ingundoqo ilandelayo yenziwa ngokumalunga noku:

- Hlola uze wenze izindululo zokuphucula iinkqubo zolawulo ekuzalisekiseni iinjongo zesebe;
- Vavanya ukulungela nokusebenza ze ube negalelo kuphuculo lweenkqubo zolawulo lomngcipheko;
- Ncedisa iGosa eliPhendulayo ekugcineni ulawulo olufanelekileyo nolusebenzayo ngokuvavanya olo lawulo ukumisela ukusebenza nokufaneleka kwalo, kwaye ngokuphuhlisa izindululo zokwandisa nokuphucula.

Umsebenzi woPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi ogqityiweyo kulo nyaka wenzelwa le ngxelo liSebe ubandakanye iingxoxo ezintlanu zokuqinisekisa. Iinkcukacha zezingxoxo zibandakanyiwe kwingxelo yeKomiti yoPhicotho-zincwadi.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi isekwe njengeziko lokongamela, inikezela ngollongamelo oluzimeleyo kurhulumento, ulawulo lomngcipheko kunye neenkqubo zokuphathwa kwiSebe, ezibandakanya ulongamelo nophononongo loku kulandelayo:

- Umsebenzi woPhicotho-zincwadi lwangaPhakathi;
- Umsebenzi woPhicotho-zincwadi lwangaPhandle (uMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika – i-AGSA);
- ISebe loCwangciso-mali nokunikwa kwengxelo;
- IMigaqo-nkqubo yoCwangciso-mali lweSebe;
- Ulawulo lwe-AGSA noniko lwengxelo yophicotho-zincwadi;
- UBeko-liso lonyaka lweSebe;
- ULawulo loMngcipheko weSebe;
- ULawulo lwengaPhakathi;
- Iinjongo ezimiselwe kwangaphambili;
- Indlela yokuziPhatha noPhengululo loPhando-nzulu.

Itheyibhile engezantsi ibonakalisa iinkcukacha ezifanelekileyo kumalungu eKomiti yoPhicotho-zincwadi:

Igama	Iziqinisekiso zemfundo	Ngaphakathi okanye ngaphandle	Ukuba ngaphakathi, isikhundla eSebeni	Umhla wolonyulo	Umhla wokurhoxa	Inani leentlanganiso ezizinyasiweyo
Mnu Ameen Amod (uSihlalo)	MBA; CIA; CGAP; CRMA; BCOM Accounting	Ngaphandle	Ayingeni	Woku-1 kweyoMqungu wama-2019 (isiqingatha sonyaka sesi-2)	Ayingeni	7
Mnu Ebrahim Abrahams	B Com Accounting Honours	Ngaphandle	Ayingeni	Woku-1 kweyoMqungu wama-2019 (Isiqingatha soyaka soku-1)	Ayingeni	7
Mnu Pieter Strauss	B Acc; B Com Hons; CA (SA)	Ngaphandle	Ayingeni	Woku-1 kweyoMqungu wama-2019 (Isiqingatha soyaka soku-1)	Ayingeni	7
Nksz Annelise Cilliers	B Compt Hons CA (SA)	Ngaphandle	Ayingeni	Woku-1 kweyoMqungu wama-2019 (Isiqingatha soyaka soku-1)	Ayingeni	7

8. UKUTHOBELA IMITHETHO NEMIMISELO

Eli ziko lineenkqubo, imigaqo-nkqubo kunye neenkqubo ezikhoyo zokuqinisekisa ukuthotyelwa kwemithetho nemimiselo. Ukuba, emva kophando, ubuqhophololo, ubusela okanye urhwaphilizo buqinisekisiwe, umqeshwa othathe inxaxheba kwizenzo ezinjalo uyakufakwa phantsi kwenkqubo yoluleko. Ummeli we-WCG oqala inkqubo yoluleko kufuneka acebise ngokugxothwa komqeshwa ochaphazelekayo. Apho kufunyenwe ubungqina bokuqala besenzo sokophula umthetho, umba wolwaphulo-mthetho uxelwa kwiiNkonzo zamaPolisa oMzantsi Afrika.

9. UBUQHOPHOLOLO NORWAPHILIZO

Ubuqhophololo norhwaphilizo zimele umngcipheko onokubakho kwiimpahla zeSebe kwaye zinokuba nefuthe elibi kunikezelo lweenkonzo nakwimbali seSebe.

I-WCG yamkele isiCwangciso esiChasene nobuQhophololo noRhwaphilizo esiqinisekisa imeko yePhondo yokungabunyamezeli ubuqhophololo, ubusela norhwaphilizo. Ngokuhambelana nesi sicwangciso iSebe lizimisele ukunganyamezeli kwaphela malunga norhwaphilizo, ubuqhophololo okanye nayiphi na imisebenzi yolwaphulo-mthetho, nokokuba yeyangaphakathi okanye ngaphandle, kwaye lilandelela ngamandla lize litshutshise ngazo zonke iindlela zomthetho ezikhoyo, nawaphi na amaqela enza ezi zinto okanye ukuzama ukwenza njalo.

ISebe lisivumile isiCwangciso sokuThintela ubuQhophololo noRhwaphilizo kunye nesiCwangciso sokuPhumeza esihambelanayo esithi sisebenze kwisiCwangciso soThintelo.

Zikhona iindlela ezahlukeneyo zokuxela izityholo zobuqhophololo, ubusela norhwaphilizo kwaye oku kuchazwe banzi kwisiCwangciso esiChasene nobuQhophololo noRhwaphilizo sePhondo, uMgaqo-nkqubo wokuHlaba umkhosi we-WCG kunye nesiCwangciso soThiintelo lobuQhophololo noRhwaphilizo seSebe. Isityholo ngasinye esifunyenwe liCandelo leeNkonzo zoPhando-nzulu lwePhondo i-(PFS) siyabhalwa kwiNkqubo yoLawulo lwaMatyala esetyenziswa njengesixhobo solawulo sokunikwa kwengxelo ngenkqubela phambili eyenziweyo ngamatyala anxulumene neSebe kunye nokuvelisa iinkcukacha-manani zeWCG kunye nezeSebe.

Abasebenzi nabaqeshwa abahlaba umkhosi ngezikrokro zobuqhophololo, urhwaphilizo nobusela bayakhuselwa ukuba oko bakuvezayo kukhuselweyo (okt kuyafikelelwa kwiimfuno ezisemthethweni zoMthetho weZibhengezo oKhuselekileyo,

uMthetho wama-26 wama-2000 umz. . Umgaqo-nkqubo wokuhlaba umkhosi we-WCG ubonelela ngezikhokelo kubasebenzi nakubaqeshwa malunga nendlela yokuphakamisa inkxalabo ngolawulo olufanelekileyo, abantu abathile abachongiweyo kwi-WCG okanye kumaziko angaphandle, apho banezizathu ezifanelekileyo zokukholelwa ukuba ulwaphulo-mthetho okanye ukwaphulwa komthetho kwenziwe kwi-WCG. Ithuba lokungazichazi igama linikwa nawuphina umntu ongathanda ukuxela izenzo zobuqhopholo, ubusela norhwaphilizo, kwaye ukuba benze oko buqu, izazisi zabo zigcinwa ziyimfihlo ngumntu abenza ingxelo kuye.

Ukuba, emva kophando, ubuqhetseba, ubusela okanye urhwaphilizo luqinisekisiwe, umqeshwa othathe inxaxheba kwizenzo ezinjalo uya kuvalelwa ngoluleko. Ummeli we-WCG oqala inkqubo yoluleko kufuneka acebise ngokugxothwa komqeshwa ochaphazelekayo. Apho kufunyenwe ubungqina bokuqala bolwaphulo-mthetho, umba wolwaphulo-mthetho uxelwa kwiiNkonzo zamaPolisa oMzantsi Afrika.

Kunyaka ophantsi kophononongo, i-PFS ikhuphe isiQinisekiso sokuHamba kwamaTyala seSebe siqaphela oku kulandelayo:

Amatyala	Inombolo yetyala
Amatyala avuliweyo ngokowoku-1 kuTshazimpuzi wama-2020	0
Amatyala amatsha (kowama-2020/21)	0
Amatyala avaliweyo (kowama-2020/21)	0
Amatyala avuliweyo ngokowama-31 kweyoKwindla wama-2021	0

10. UKUNCIPHISA UKUNGQUBANA KWEMIDLA

Ukuqinisekisa ukuba akukho kungqubana kwemidla ngokubhekisele kumalungu ekomiti, onke amalungu atyikitya uxwebhu lokuchaza inzala phambi kwayo nayiphi na intlanganiso. Ukuba ukungqubana kwemidla kunokuvela kwilungu, kuye kufuneke ukuba arhoxe kwinkqubo.

11. INDLELA YOKUZIPHATHA

Amalungu akhutshelwe ikhowudi yokuziphatha ekhokela indlela yokuziphatha. Umgaqo-nkqubo omiliselwe yi-DCAS ubandakanya iHWC.

12. UKHUSELEKO LWEZEMPILO NEMICIMBI YEZENDALO

I-DCAS ibonelela ngeLifa leMveli leNtshona Kapa nge-ofisi. Umgaqo-nkqubo ophunyezwe yiDCAS ke uyasebenza kwiKomiti.

13. UNOBHALA WENKAMPANI/WEBHODI (UKUBA KUYANGENA)

Ayingeni

14. UXANDUVA KULUNTU

Ayingeni

15. INGXELO YEKOMITI YOPHICOTHO-ZINCWADI

Sinovuyo ukuthi thaca ingxelo yethu yonyaka-mali ophele ngomhla wama31 kweyoKwindla wama-2021.

Uxanduva lweKomiti yoPhicotho-zincwadi

IKomiti yoPhicotho-zincwadi inike ingxelo yokuba iluthathile uxanduva lwayo oluvela kwiCandelo lama-38 (1) (a) (ii) loMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente kunye noMmiselo kaNondyebo 3.1. IKomiti yoPhicotho-zincwadi ikwanika ingxelo yokuba yamkele imiqathango efanelekileyo esesikweni njengeTshathi yeKomiti yoPhicotho-zincwadi, iyilawula imicimbi yayo ngokuhambelana nalo mnqophiso kwaye iluthathile lonke uxanduva lwayo njengoko luqulathwe kuyo.

Ukusebenza koLawulo lwangaPhakathi

IQumrhu kufuneka liphuhlise kwaye ligcine iinkqubo zolawulo lwangaphakathi ezinokuthi ziphucule amathuba okuphumeza iinjongo zalo, zilungelelanise notshintsho kwindalo elisebenza kuyo nokukhuthaza ukusebenza ngokukuko nokufaneleka kwemisebenzi, ixhasa ingxelo ethembekileyo nokuthobela imithetho nemimiselo. I-WCG yamkele iSakhelo sesiQinisekiso esiHlangeneyo ichonga kwaye idibanisa ababoneleli ngeziqinisekiso. Inqanaba lokuqala loqinisekiso kukuqinisekiswa kolawulo, okufuna ulawulo lwabasebenzi ukugcina ulawulo lwangaphakathi olusebenzayo kunye nokwenza iinkqubo mihla le ngeendlela zolawulo lokujonga nokuthatha amanyathelo okulungisa apho kufuneka khona. Inqanaba lesibini lokuqinisekisa sisiqinisekiso sangaphakathi esibonelelwa yimisebenzi eyahlukileyo kulawulo ngqo, oluxanduva lokuvavanya ukubambelela kwimigaqo-nkqubo, iinkqubo, izithethe, imigangatho kunye nezakhelo. Inqanaba lesithathu lokuqinisekisa ngababoneleli ngokuzimela abazimeleyo abakhokelwa yimigangatho yobungcali efuna amanqanaba aphezulu okuzimela.

IsiCwangciso esisekelwe kumngcipheko weNgqinisekiso eDibeneyo saphuhliselwa iQumrhu, saququzelelwa luPhicotho-zincwadi lwaNgaphakathi, esikwangumboneleli ozimeleyo wengqinisekiso. Uphicotho-zincwadi lwangaPhakathi lubonelela ngeKomiti yoPhicotho-zincwadi noLawulo ngengqinisekiso engephi yokuba ulawulo lwangaphakathi lwanele kwaye luyasebenza. Oku kuzalisekiswe sisicwangciso esivunyiweyo esisekwe kumngcipheko wophicotho-zincwadi lwangaphakathi, uPhicotho-zincwadi lwangaPhakathi luvavanya ukwanela kolawulo ukunciphisa umngcipheko kunye neKomiti yoPhicotho-zincwadi ukubeka esweni ukuphunyezwa kwezenzo zokulungisa.

Ezi ngxoxo zophicotho-zincwadi lwangaphakathi zilandelayo zamkelwa yiKomiti yoPhicotho-zincwadi zaza zagqityezelwa luPhicotho-zincwadi lwangaPhakathi apha kunyaka uphantsi kophononongo:

- ULawulo lweZixhobo zeNkcubeko
- Intengiselwano yoLawulo lweNtengo yeKHOVIDI-19 (iiProjekthi eziXananazileyo zoPhicotho-zincwadi lwangaPhakathi)
- INkqubo yeziFundo ze-Year Beyond
- IiNtlawulo zoDluliselo – IMibutho yeNkcubeko
- INkqubo eYandisiweyo yeMisebenzi yoLuntu

Iinkalo zokuphucula, njengoko kuqatshelwe kuPhicotho-zincwadi lwangaPhakathi ngexesha lomsebenzi wabo, kwavunyelwana ngazo ngaBaphathi. IKomiti yoPhicotho-zincwadi ihlola ukuphunyezwa kwezenzo ekuvunyelwene ngazo rhoqo ngekota.

Ulawulo lwaNgonyaka kunye neNgxelo yeNyanga/yeKota

IKomiti yoPhicotho-zincwadi yanelisekile ngumxholo nomgangatho weengxelo zekota zonyaka zolawulo nezokusebenza ezikhutshwe kulo nyaka wenzelwa le ngxelo liGunya elinoXanduva leQumrhu ngokweMigaqo kaNondyebo noMthetho woLwahlulo lweNgeniso.

Uvavanyo lweeNgxelo zeMali

IKomiti yoPhicotho-zincwadi li:

- Phonononge yaza yaxoxa ngeeNgxelo zeMali zoNyaka ukuba zibandakanywe kwingxelo yoNyaka kunye neyoMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika (i-AGSA) neGunya eliPhendulayo;
- Phonononge iNgxelo yoLawulo lwe-AGSA neempendulo zoLawulo ngaphezu koko;

- Phononononge imigaqo-nkqubo yocwangciso-mali nezenzo njengoko ixeliwe kwiiNgxelo zeMali zoNyaka;

Phononononge ulungelelwaniso lwezinto ezibangelwe luphicotho-zincwadi zeQumrhu.IKomiti yoPhicotho-zincwadi li:

- Phononononge yaza yaxoxa ngeeNgxelo zeMali zoNyaka ukuba zibandakanywe kwingxelo yoNyaka kunye neyoMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika (i-AGSA) neGunya eliPhendulayo;
- Phononononge iNgxelo yoLawulo lwe-AGSA neempendulo zoLawulo ngaphezu koko;
- Phononononge imigaqo-nkqubo yocwangciso-mali nezenzo njengoko ixeliwe kwiiNgxelo zeMali zoNyaka;
- Phononononge ulungelelwaniso lwezinto ezibangelwe luphicotho-zincwadi zeQumrhu.

Uthotyelo

IKomiti yoPhicotho-zincwadi iphononononge iinkqubo zeQumrhu zokuthobela imiqathango yezomthetho neyolawulo.

IiNkonzo zoPhando lwePhondo

IiNkonzo zoPhando-nzulu zePhondo (i-PFS) zisinike iinkcukacha-manani. IKomiti yoPhicotho-zincwadi ihlola inkqubela phambili yeengxelo ze-PFS rhoqo ngekota. Kwakungekho micimbi iziswe kuthi efuna ukuba ingxelo engaphezulu yiKomiti yoPhicotho-zincwadi.

IiNkcukacha zokuSebenza

IKomiti yoPhicotho-zincwadi iphononononge iinkukacha malunga neenjongo ezimiselweyo njengoko zichaziwe kwiNgxelo yoNyaka.

INgxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika

IKomiti yoPhicotho-zincwadi, ngekota nganye, iphononononge isicwangciso sokuphunyezwa kweQumrhu kwimicimbi yophicotho-zincwadi ephakanyiswe kunyaka ongaphambili. IKomiti yoPhicotho-zincwadi idibene ne-AGSA ukuqinisekisa ukuba akukho miba ingasonjululwanga evela kuphengululo zincwadi. Imisebenzi yokulungisa okufunyanisiweyo kwiinkcukacha eziphakanyiswe yi-AGSA ibekwa iliso yiKomiti yoPhicotho-zincwadi rhoqo ngekota.

T IKomiti yoPhicotho-zincwadi iyavuma kwaye yamkele uluvo lwe-AGSA malunga neeNgxelo zeMali zoNyaka kwaye icebisa ukuba eziNgxelo zeMali zoNyaka zamkelwe kwaye zifundwe kunye nengxelo yazo.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi iyalincoma iQumrhu ngokufumana uluvo olungenachaphaza ngaphandle kokufunyaniswa kwezinto ezibonakalayo.

IKomiti yoPhicotho-zincwadi inqwenela ukuvakalisa umbulelo wayo kuLawulo lweQumrhu nakwiSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo, i-AGSA kunye neSebe leNgqinisekiso yeShishini le-WCG ngentsebenziswano neenkcukacha ezinikezelweyo ukuze sikwazi ukwenza le ngxelo.

Isiphelo
IKomiti yoPhicotho-zincwadi iyalincoma iQumrhu ngokufumana uphicotho-zincwadi olungenachaphaza ngaphandle kokufunyanwa kwezinto ezibonakalayo. IKomiti yoPhicotho-zincwadi ihlala ixhalabile malunga nefuthe layo leendleko. Iindleko zokuthotyelwa komthetho zinesakhono sokususa izibonelelo ezinqabileyo kunikezelo lweenkonzo ukugcina iziphumo zophicotho-zincwadi.

_____
Mnu Ameen Amod
USihlalo weKomiti yoPhicotho-zincwadi yeQela loLuntu
Umhla: 01 EyeThupha 2021

16. IINKCUKACHA ZOKUSEBENZA KOTHOTYELO LWE-B-BBEE

Le theyibhile ilandelayo igqitywe ngokungqinelana nokuthobela iimfuno ze-BBBEE zoMthetho we-BBBEE wama-2013 nanjengoko kumiselwe liSebe lezoRhwebo noShishino.

Ingaba iSebe / iQumrhu likaRhulumente lisebenze kuzo zonke iZenzo zeNdlela yokuziPhatha (isiQinisekiso se-B-BBEE kwiNqanaba loku-1 ukuya kwelesi-8) malunga noku kulindelayo:		
Indlela yokwenza	**Impendulo** **Ewe /Hayi**	**Ingxoxo** **(kuquka ingxoxo kwimpendulo yakho neyalatha iindlela ezithathiweyo zokuthobela)**
Ukumisela indlela yeziqinisekiso zokukhupha iimvume, izivumelwano okanye ezinye izigunyaziso ngokumalunga nomsebenzi wezoqoqosho malunga nawo nawuphina umthetho?	Hayi	IQumrhu alizikhuphi iimvume, izivumelwano okanye ezinye izigunyaziso ngokumalunga nomsebenzi wezoqoqosho malunga nawo nawuphi na umthetho
Ukuphuhlisa nokuphumeza umgaqo-nkqubo wokukhetha intengiselwano?	Hayi	Umgaqo-nkqubo we-SCM weQumrhu wenza ubonelelo lokuphunyezwa kokukhetha intengiselwano
Ukumisela indlela yeziqinisekiso zokuthengwa kwamashishini karhulumente?	Hayi	IQumrhu alibandakanywa kwintengiso yamashishini karhulumente.
Ukuphuhlisa indlela yokungena kwintsebenziswano necandelo labucala?	Hayi	IQumrhu alithathi nxaxheba kwintsebenziswano necandelo labucala
Ukumisela indlela yokuwongwa kwamaqithiqithi, izibonelelo neenkqubo zotyalo-mali kwinkxaso yokuPhuhliswa kwabaMnyama kwezoQoqosho?	Hayi	IQumrhu aliqukwa ekuwongweni kwamaqithiqithi, izibonelelo neenkqubo zotyalo-mali kwinkxaso yokuPhuhliswa kwabaMnyama kwezoQoqosho.

ICANDELO D: ULAWULO LWEZABASEBENZI

1. INTSHAYELELO

Abasebenzi baqeshwe liSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo, kwaye iinkcukacha ezifanelekileyo zibonakala kwiNgxelo yoNyaka ye-DCAS.

2. IINKCUKACHA-MANANI ZOLONGAMELO LWEZABASEBENZI

Ezi nkcukacha-manani zichaziwe kwiNgxelo yoNyaka yeSebe leMicimbi yeNkcubeko neMidlalo.

ICANDELO E: IINKCUKACHA ZEMALI

INgxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele kwiPalamente yePhondo leNtshona Kapa

Ingxelo kuphicotho zincwadi lweengxelo zemali

Uluvo

1. Ndiziphicothile iincwadi zeengxelo zemali zeLifa leMveli leNtshona Kapa ezithiwe thaca kwiphepha loku-85 ukuya kwelama-108, equka imeko yengxelo yezemali ngokomhla wama- 31 kweyoKwindla wama-2021, ingxelo yokusebenza kwemali, ingxelo yotshintsho kwii-asethi ezishiyekileyo, ingxelo yokuhanjiswa kwemali nengexelo yokuqathaniswa kohlahlo lwabiwo-mali nesona sixa-mali sonyaka othe waphela, kwakunye namanqaku eengxelo zemali, kubandakanya isishwankathelo semigaqo-nkqubo ebalulekileyo yocwangciso-mal.

2. Ngokoluvo lwam, iingxelo zemali zibonisiwe ngendlela eyiyo, ngazo zonke iindlela, imeko yezemali zeLifa leMveli leNtshona Kapa ngokomhla wama-31 kweyoKwindla wama- 2021, nokusebenza kwemali nokuhamba kwemali yonyaka othe waphela ngokuhambelana noMgangatho woMzantsi Afrika weMithetho-siseko yokuNika iNgxelo eYamkelekileyo neemfuno zoMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, we-1999 (uMthetho woku-1 we-1999).

Isiseko soluvo

3. Ndiluqhube uphicotho lwam ngokuhambelana neMigangatho yeHlabathi kuPhicotho-zincwadi (ii-ISA). Uxanduva lwam phantsi kwalo migangatho luchaziwe ngokubanzi kuxanduva lomphicothi-zincwadi jikelele zophicotho-zincwadi zecandelo leengxelo zemali zengxelo yam.

4. Ndizimele ngokwam kwiqumrhu likarhulumente ngokuhambelana neBhodi yeMigangatho yoku*Ziphatha yeHlabathi leeNgcali zeKhowudi yabaphathi bamazwe (kubandakanywa iMigangatho yokuZimela yaMazwe ngaMazwe*) (ikhowudi ye-IESBA) kunye nezinye iimfuno zokuziphatha ezichaphazelekayo kuphicotho lwam eMzantsi Afrika . Ndizalisekisile olunye uxanduva lwam lokuziphatha ngokwezi mfuno kunye nekhowudi ye-IESBA.

5. Ndikholelwa ekubeni ubungqina bophicotho-zincwadi endibufumeneyo banele kwaye bukulungele ukubonelela isiseko soluvo lwam.

Ugxinini so lomba

6. Nditsalela ingqalelo kulo mba ungezantsi. Uluvo lwam alutshintshiswanga ngokubhekisele kulo mba.

Ukungaqiniseki okunxulumene nesiphumo sexesha elizayo lesimangalo esikhethekileyo okanye isenzo somthetho.

7. Ngokubhekiselele kwinqaku le-18 kwiingxelo zezemali, iziko loluntu ngummangalelwa kwibango lembuyekezo ebangelwe kukubhengezwa kwendawo njengeSiza seLifa leMveli lePhondo. Ikhefu lokubhena kwiNkundla ePhakamileyo yeziBheno lanikwa kwaye ke isiphumo sokugqibela salo mba asinakugqitywa kwaye akukho lungiselelo lalo naliphi na ityala elinokuthi libe nesiphumo esenziwe kwiingxelo zemali.

Uxanduva lweGosa eliPhendulayo ngeengxelo zemali

8. Igunya eliphendulawyo linoxanduva lokulungiselela nokunikezela okufanelekileyo kweengxelo zemali ngokweMigangatho yoMzantsi Afrika yeNkqubo yoCwangciso-mali eyamkelweyo ngokubanzi kunye neemfuno zoMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente, we-1999 (uMthetho woku-1 we-1999), ulawulo lwangaphakathi njengoko ugunyaziwe ophetheyo egqiba ukuba kufuneka kwenziwe amalungiselelo eengxelo zemali ezingenaziphene, nokuba kungenxa yobuqhopholo okanye impazamo.

9. Ekulungiseleleni iingxelo zezimali, igunya eliphendulayo linoxanduva lokuhlola ukubanakho kwequmrhu loluntu ukuqhubeka njengenkxalabo ekhoyo, echaza, njengoko kufanelekile, imicimbi enxulumene nenkxalabo eqhubekayo kunye nokusebenzisa isiseko senkxalabo esiqhubayo ngaphandle kokuba icandelo lolawulo elifanelekileyo lizimisele ukubhangisa iziko loluntu okanye kuyekwe ukusebenza, okanye akanayo enye indlela eyiyo ngaphandle kokwenza oko.

Uxanduva loMphicothi zincwadi Jikelele lokuphicothwa kweengxelo zemali

10. Iinjongo zam kukufumana isiqinisekiso esifanelekileyo malunga nokuba ingaba iingxelo zemali zizonke azinaziphene, nokuba kungenxa yobuqhetseba okanye impazamo, nokukhupha ingxelo yomphicothi zincwadi ebandakanya uluvo lwam. Ingqinisekiso engephi linqanaba eliphezulu lokuqinisekisa kodwa ayisosiqinisekiso sokuba uphicotho-zincwadi olwenziwe ngokungqinelana nee-ISA luya kusoloko lubona ingxelo engeyiyo xa ikhona. Iingxelo eziphosakeleyo zinokuvela kubuqhophololoe okanye kwimpazamo kwaye zithathwa njengezinto ukuba, ngokukodwa okanye ngokudibeneyo, zinokulindeleka ngokufanelekileyo ukuba zibe nefuthe kwizigqibo zoqoqosho zabasebenzisi ezithathiweyo ngokwesiseko sezingxelo zemali.

11. Enye inkcazo yemisebenzi yam ekuphicothweni kweengxelo zemali ibandakanyiwe kwisihlomelo sengxelo yomphicothi zincwadi.

Ingxelo kuphicotho-zincwadi lwengxelo yonyaka yokusebenza

Intshayelo nobubanzi

12. Ngokuhambelana noMthetho woPhicotho-zincwadi kaRhulumente wama-25 wama-2004 (i-PAA) kunye nesaziso ngokubanzi esikhutshwe ngokwemiqathango yalo, ndinoxanduva lokunika ingxelo ngokubaluleka nokuthembeka kweenkcukacha zomsebenzi ezichaziweyo kuthelekiswa neenjongo ezimiselwe kwangaphambili zenkqubo ekhethiweyo eboniswe kwingxelo yokusebenza yonyaka. Ndenze iinkqubo zokuchonga izinto ezifunyanisiweyo kodwa hayi ukuqokelela ubungqina bokuvakalisa ingqinisekiso.

13. Iinkqubo zam zijongana nokusebenza kunye nokuthembeka kweenkcukacha zokusebenza ezichaziweyo, ekufuneka zisekwe kumaxwebhu ocwangciso lokusebenza olwamkelweyo liqumrhu loluntu. Khange ndivavanye ukugqibelela kunye nokulunga kwezalathisi zokusebenza ezifakwe kumaxwebhu ocwangciso. Iinkqubo zam azivavanyi ukuba ngaba amanyathelo athathwe liziko likarhulumente ayelwenza uhanjiso lweenkonzo. Iinkqubo zam azihambisi nakuphi na ukubhengezwa okanye amabango abhekisele kubungakanani bempumelelo kulo nyaka umiyo okanye izicwangciso zokusebenza ezicwangcisiweyo kunye nolwazi malunga nexesha elizayo elinokuthi libandakanywe njengenxalenye yolwazi lokusebenza oluchaziweyo. Ngokuhambelana, iziphumo zam azidlulisi kule micimbi.

14. Ndikuvavanyile ukusebenza nokuthembeka kweenkcukacha zokusebenza ezichaziweyo ngokungqinelana neendlela zokugweba eziphuhliswe kulawulo lokusebenza kunye nesakhelo sokunika ingxelo, njengoko kuchaziwe kwisaziso ngokubanzi, kule nkqubo ilandelayo ikhethiweyo ethiwe thaca kwingxelo yokusebenza konyaka yequmrhu likarhulumente kunyaka ophele ngowama-31 kweyoKwindla wama- 2021:

Inkqubo	Amaphepha kwingxelo yokusebenza yonyaka
ILifa leMveli leNtshona Kapa	44 – 47

15. Ndenze iinkqubo zokumisela ukuba ingaba iinkcukacha ezixeliweyo zokusebenza zaziswa ngokufanelekileyo na nokuba ukusebenza kuyahambelana na namaxwebhu ocwangciso okusebenza avunyiweyo. Ndenze ezinye iinkqubo zokufumanisa ukuba ingaba izalathisi kunye nezinto ekujoliswe kuzo zinokulinganiswa kwaye zichanekile na, ndaza ndahlola ukuthembeka kweenkcukacha zokusebenza ezichaziweyo ukufumanisa ukuba ingaba ziyabophelela, ichanekile kwaye igqibelele na.

16. Andichonganga naziphi na izinto ezifunyanisiweyo ngokubaluleka nasekuthembekeni kwiinkcukacha zokusebenza ezixeliweyo zale nkqubo:

    - ILifa leMveli leNtshona Kapa

Omnye umba

17. Nditsalela ingqalelo kulo mba ungezantsi.

Ukufezekiswa kokujoliswe kuko okucwangcisiweyo

18. Jonga ingxelo yonyaka yokwenziwa komsebenzi kwiphepha lama-44 ukuya kwele-47 ngolwazi malunga nokufezekiswa kweethagethi ezicwangcisiweyo zonyaka kunye neenkcazo zabaphathi ezibonelelweyo ukulungiselela ukufezekiswa / kokugqitha kokujoliswe.

Ingxelo kuphicotho zincwadi zokuthobela umthetho

Intshayelelo nobubanzi

19. Ngokuhambelana ne-PAA kunye nesaziso ngokubanzi esikhutshwe ngokwemiqathango yazo, ndinoxanduva lokunika ingxelo ngeziphumo zophando kuthotyelo lwequmrhu loluntu ngemiba ethile kwimithetho ephambili. Ndenze iinkqubo zokuchonga izinto ezifunyanisiweyo kodwa hayi ukuqokelela ubungqina bokuvakalisa ingqinisekiso.

20. Andichonganga naziphi na izinto ezifumanekayo kuthotyelo lwemicimbi ethile kwimithetho ephambili ebekwe kwisaziso ngokubanzi esikhutshwe ngokwe-PAA.

Ezinye iinkcukacha

21. Igunya eliphendulayo linoxanduva lwezinye iinkcukacha. Ezinye iinkcukacha ziqulathe ulwazi olufakwe kwingxelo yonyaka, ebandakanya ingxelo yekomiti yophicotho-zincwadi. Ezinye iinkcukacha azizibandakanyi iingxelo zemali, ingxelo yomphicothi-zincwadi kunye nenkqubo ekhethiweyo ethiwe thaca kwingxelo yonyaka yokusebenza ethe yaxelwa ngokukodwa kule ngxelo yomphicothi zincwadi.

22. Uluvo lwam kwiingxelo zezemali kunye nokufunyaniswe kwiinkcukacha zokusebenza ezichaziweyo kunye nokuthotyelwa komthetho azigubungeli ezinye iinkcukacha kwaye andivezi luvo lophicotho-zincwadi okanye naluphi na uhlobo lwesigqibo sengqinisekiso kuyo.

23. Ngokunxulumene nophicotho-zincwadi lwam, olwam uxanduva kukufunda ezinye iinkcukacha kwaye, ngokwenza njalo, ndiqwalasele ukuba ingaba ezinye iinkcukacha azihambelani na neengxelo zemali kunye nenkqubo ekhethiweyo ethiwe thaca kwingxelo yokusebenza yonyaka, okanye ulwazi lwam olufunyenwe kuphicotho-zincwadi, okanye ngenye indlela ibonakala ngathi ilahlekile.

24. Ukuba, ngokomsebenzi endiwenzileyo kwezinye iinkcukacha endizifumeneyo phambi komhla wengxelo yomphicothi zincwadi, ndigqiba kwelokuba kukho ingxelo engeyiyo kwezinye iinkcukacha, kufuneka ndixele loo nyaniso.

25. Xa ndifumana kwaye ndifunda ezinye iinkcukacha, ukuba ndigqiba kwelokuba kukho into engeyiyo, ndiyacelwa ukuba ndinxibelelane nomcimbi kwabo banikwe uxanduva lolawulo kwaye ndicele ukuba ezinye iinkcukacha zilungiswe. Ukuba enye ingcaciso ayilungiswanga, kungafuneka ndiyirhoxise ingxelo yomphicothi zincwadi ze ndikhuphe ingxelo ehlaziyiweyo ngokufanelekileyo. Nangona kunjalo, ukuba kuyalungiswa oku akuyi kuba yimfuneko.

Ukusilela kolawulo lwangaphakathi

26. Ndiluthathele ingqalelo ulawulo lwangaphakathi olufanelekileyo kuphicotho-zincwadi endilwenzileyo lweengxelo zemali, ulwazi lomsebenzi oluchaziweyo nokuthobela umthetho osebenzayo; nangona kunjalo, injongo yam yayingekokubonisa naluphi na uhlobo lwengqiniseko ekuyo. Andikhange ndibone nakuphi na ukusilela kulawulo lwangaphakathi.

eKapa

Kowama-31 kweyeKhala wama-2021

AUDITOR-GENERAL
SOUTH AFRICA

Auditing to build public confidence

IsiHlomelo –Uxanduva loMphicothi-zincwadi jikelele wophicotho-zincwadi

1. Njengenxalenye yophicotho-zincwadi ngokungqinelana nee-ISA, ndisebenzisa isigwebo sobungcali kwaye ndigcina ukuthandabuza kubuchwephesha kulo lonke uphicotho-zincwadi lwam lweenkcazo zemali kunye neenkqubo ezenziweyo kwiinkcukacha zokusebenza ezichaziweyo zenkqubo ezikhethiweyo kunye nokuthobela kwequmrhu likarhulumente ngokubhekisele kumxholo wemicimbi ekhethekileyo.

Iingxelo zemali

2. Ukongeza kuxanduva lwam lokuphicothwa kweengxelo zemali njengoko kuchaziwe kwingxelo yomphicothi zincwadi, kwakhona ndi:

   - chonga kwaye ndihlole umngcipheko wokungachazwa kakuhle kweengxelo zemali, nokuba kungenxa yobuqhophololo okanye impazamo; ukuyila nokwenza iinkqubo zophicotho-zincwadi eziphendula kobo bungozi; kwaye ndifumane ubungqina bophicotho-zincwadi obaneleyo nobufanelekileyo ukunika isiseko soluvo lwam. Umngcipheko wokungafumani ingxelo engeyiyo ngenxa yobuqhophololo uphezulu kunalowo ubangelwe yimpazamo, njengoko ubuqhetseba bunokubandakanya ukuvumelana, ubuqhophololo, ukushiya ngabom, ukumelwa kakubi okanye ukugqithiswa kolawulo lwangaphakathi
   - fumana ukuqonda ngolawulo lwangaphakathi olunxulumene nophicotho-zincwadi ukuze kuyilwe iinkqubo zophicotho-zincwadi ezifanelekileyo kwimeko, kodwa hayi ngenjongo yokuvakalisa uluvo ngokusebenza kolawulo lwangaphakathi lwequmrhu loluntu.
   - vavanya ukulunga kwemigaqo-nkqubo yocwangciso-mali esetyenzisiweyo kunye nokufaneleka koqikelelo locwangciso-mali kunye nokuxela okunxulumene noko okwenziwe ligunya eliphendulayo.
   - ndigqibe kukulungela kokusetyenziswa kwegunya eliphendulayo ngesiseko esiqhubekayo sokunikwa kwengxelo kulungiselelo lweengxelo zemali. Ndigqibezela, ngokusekelwe kubungqina obufunyenweyo, nokuba ngaba kukho ukungaqiniseki okubonakalayo malunga nemicimbi okanye iimeko ezinokubangela ukuthandabuza okukhulu kwiLifa leMveli leNtshona Kapa lokuqhubeka njengenkxalabo eqhubekayo. Ukuba ndigqiba kwelokuba kukho ukungaqiniseki okubonakalayo, kufuneka ukuba ndiqwalasele kwingxelo yomphicothi-zincwadi zam kwizibhengezo ezinxulumene noko kwiingxelo zezemali malunga nokungaqiniseki kwezinto okanye, ukuba ezo zibhengezo azonelanga, ukuguqula uluvo lwam kwiingxelo zemali. Izigqibo zam zixhomekeke kulwazi endilufumanayo ngomhla wengxelo yomphicothi-zincwadi. Nangona kunjalo, iziganeko zexa elizayo okanye iimeko zinokubangela ukuba iqumrhu likarhulumente liyeke ukusebenza njengenkxalabo eqhubekayo.

- vavanya inkcazo-ntetho iyonke, ubume bayo kunye nomxholo weengxelo-mali, kubandakanywa ukubhengezwa, kwaye ndibone ukuba ingaba iingxelo zemali zimele intengiselwano neziganeko ngendlela ephumeza ingcaciso efanelekileyo

Unxibelelwano nabo babekwa uxanduva lolawulo

3. Ndinxibelelana namagunya aphendulayo malunga, phakathi kweminye imiba, ububanzi obucwangcisiweyo kunye nexesha lophicotho-zincwadi kunye neziphumo ezibalulekileyo zophicotho-zincwadi, kubandakanya nakuphi na ukusilela okubonakalayo kulawulo lwangaphakathi endikubonileyo ngexesha lophicotho-zincwadi lwam.

4. Ndikwabonelela igunya eliphendulayo ngengxelo endiyithobeleyo ngeemfuneko zokuziphatha ezifanelekileyo malunga nenkululeko, nokunxibelelana nabo bonke ubudlelwane neminye imiba enokuthi icingelwe ukuba iyasebenza kwinkululeko yam kwaye, apho kufanelekileyo, amanyathelo athathiweyo ukuphelisa izoyikiso okanye ukhuseleko olusetyenzisiweyo.

ILIFA LEMVELI LENTSHONA KAPA

IiNgxelo zeMali zoNyaka zonyaka ophele ngowama-31 kweyoKwindla wama-2021

IiNkcukacha ngokuBanzi

Uhlobo loshishino nemisebenzi ephambili	ILifa leMveli leNtshona Kapa kufuneka lilawule kwaye libeke iliso kukhuthazo lolondolozo lwendalo esingqongileyo kwiNtshona Kapa
I-ofisi ebhalisiweyo	Protea Assurance Building Greenmarket Square Cape Town 8000
Idilesi yeShishini	Protea Assurance Building Greenmarket Square Cape Town 8000
Idilesi yeposi	Private Bag X9067 Cape Town 8000
IIbhanki	Nedbank ABSA Bank

ILIFA LEMVELI LENTSHONA KAPA

IiNgxelo zeMali zoNyaka zonyaka ophele ngomhla wama-31 kweyoKwindla wama- 2021

Isalathiso

Iingxelo neenkcazo ezichazwe ngezantsi ziquka iiNkcazo zemali zonyaka ezinikezelwe kwiNdlu yoWiso-mthetho yePhondo::

UBume beNgxelo yeMali

UkuSebenza kweNgxelo yeMali

INgxelo yoTshintsho kwiNtsalela yee-Asethi

INgxelo yokuHamba kweMali

INgxelo yoQhathaniso loHlahlo lwaBiwo-mali neSona Sixa-mali

IMigaqo-nkqubo yoCalulo-mali

AmaNqaku kwiiNgxelo zeMali zoNyaka

ILIFA LEMVELI LENTSHONA KAPA

IiNgxelo zeMali zoNyaka zonyaka ophele ngowama-31 kweyoKwindla wama-2021

UBume beNgxelo yeMali ngokowama-31 kweyoKwindla wama- 2021

		2021	2020
Ii-Asethi			
Ii-Asethi zaNgoku			
IMali nokulinganiswa nayo	3	6 610	7 006
Uluhlu lweempahla	4	121	121
Imali efunyenwe kutshintshiselwano lwentengiselwano	5	6	19
		6 737	**7 146**
Zizonke ii-Asethi		**6 737**	**7 146**
Amatyala			
Amatyala aNgoku			
IiNtlawulo kutshintshiselwano	6	-	5
lwentengiselwano	7	406	406
		406	**411**
Ewonke Amatyala		**406**	**411**
INtsalela yee-Asethi		**6 331**	**6 735**
Intsalela eqokelelwey		6 331	6 735

ILIFA LEMVELI LENTSHONA KAPA

IiNgxelo zeMali zoNyaka zonyaka ophele ngowama-31 kweyoKwindla wama-2021

INgxelo yokuSebenza kweMali

	I(Ama) Nqaku	2021 R '000	2020 R '000
INgeniso			
INgeniso kutshintshiselwano lwentengiselwano			
Imirhumo yezicelo zeLifa leMveli	8	721	848
Ingeniso yenzala	9	220	528
Iyonke ingeniso kutshintshiselwano lwentengiselwano		**941**	**1 376**
INgeniso kutshintshiselwano olungelulo olwentengiselwano			
Ingeniso yodluliselo	10	485	586
Enye ingeniso kutshintshiselwano olungelulo olwentengiselwano	11	550	1 844
Udluliselo nezibonelelo ezifunyenweyo		**1 035**	**2 430**
Iyonke ingeniso kutshintshiselwano olungelulo olwentengiselwano		**1 976**	**3 806**
INkcitho			
Imirhumo yoPhicotho-zincwadi	12	(94)	(77)
Iinkonzo zengcebiso	13	(497)	(949)
nezezivumelwano zangaphandle	14	(682)	(1 886)
Iinkonzo ngokubanzi	15	(1 107)	(1 207)
Imirhumo yamalungu		**(2 380)**	**(4 119)**
Iyonke inkcitho		**(404)**	**(313)**

INgxelo yoTshintsho kwiNtsalela yee-Asethi

	Accumulated surplus R '000	Total net assets R '000
IBhalansi ngokowoku-01 kuTshazimpuzi wama- 2019	**7 048**	**7 048**
Utshintsho kwintsalela yee-asethi	(313)	(313)
Iintsilelo zonyaka	(313)	(313)
Lulonke utshintsho	**6 735**	**6 735**
IBhalansi ngokowoku-01 kuTshazimpuzi wama -2020	(404)	(404)
Utshintsho kwintsalela yee-asethi	(404)	(404)
Iintsilelo zonyaka	**6 331**	**6 331**

ILIFA LEMVELI LENTSHONA KAPA

IiNgxelo zeMali zoNyaka zonyaka ophele ngowama-31 kweyoKwindla wama-2021

INgxelo yokuHamba kweMali

	I(Amas)Nqaku	2021 R '000	2020 R '000
Ukuhamba kwemali kwimisebenzi eqhubekayo			
IiRisithi			
IMali efunyenweyo		1 271	3 193
INzala kwingeniso		233	513
		1 504	3 706
IiNtlawulo			
Imali ehlawulwe kubaboneleli-zinkonzo nakubasebenzi		(1 900)	(3 294)
Intsalela yohanjiso lwemali kwimisebenzi eqhubekayo	16	**(396)**	**412**
Intsalela (ukwehla)/ ukunyuka kwimali nokulinganiswa nayo		**(396)**	**412**
Imali nokulinganiswa nayo ekuqaleni konyaka		7 006	6 594
	3	**6 610**	**7 006**

INgxelo yokuQhathaniswa koHlahlo lwabiwo-mali neSona Sixa-mali

UHlahlo lwabiwo-mali

	Uhlahlo-lwabiwo mali oluvunyiweyo R '000	Ulungelelwaniso R '000	Uhlahlo-lwabiwo mali lokugqibela R '000	Esona sixa-mali ngokoqhathaniso R '000	Umahluko phakathi kohlahlo lwabiwo-mali lokugqibela nolululo R '000	
INgxelo yokuSebenza kweMali						
INgeniso						
INgeniso kutshintshiswano lwentengiselwano						
Imirhumo kwizicelo zeLifa leMveli	850	(77)	**773**	721	**(52)**	22.1
Inzala kwingeniso	515	(300)	**215**	220	**5**	
Iyonke ingeniso kutshintshiswano lwentengiselwano	**1 365**	**(377)**	**988**	**941**	**(47)**	
INgeniso kutshintshiselwano lwentengiselwano						
Ingeniso yodluliselo						
Enye ingeniso kutshintshiselwano	-	-	**-**	485	**485**	22.2
olungelulo olwentengiselwano	1 002	-	**1 002**	550	**(452)**	22.3
Udluliselo nezibonelelo ezifunyenweyo	**1 002**	**-**	**1 002**	**1 035**	**33**	
Iyonke ingeniso kutshintshiselwano	**2 367**	**(377)**	**1 990**	**1 976**	**(14)**	
INkcitho						
Imirhumo yamalungu	(780)	(350)	**(1 130)**	(1 107)	**23**	22.4
Imirhumo yophicotho-zincwadi	(72)	(23)	**(95)**	(94)	**1**	
INkcitho ngokuBanzi	(1 515)	750	**(765)**	(1 179)	**(414)**	22.5
Iyonke inkcitho	**(2 367)**	**377**	**(1 990)**	**(2 380)**	**(390)**	
Iintsilelo	**-**	**-**	**-**	**(404)**	**(404)**	
Esona Sixa-mali kuQhathaniso njengoko kuBonisiwe kuHlahlo lwabiwo-mali noLona Qhathaniso lweNgxelo	**-**	**-**	**-**	**(404)**	**(404)**	
Uvumelelwaniso						
Umahluko wexesha						
Okusebenzayo				(404)		
Umahluko weQumrhu						
Okusebenzayo				-		
Esona Sixa-mali kwiNgxelo yokuSebenza kweMali				**(404)**		

IMigaqo-nkqubo yoCwangciso-mali

1. Unikezelo lweNgxelo zeMali zoNyaka

Iingxelo zemali zonyaka zilungiselelwe ngokuhambelana neMigangatho yeMithetho-siseko yokuNika iNgxelo eYamkelekileyo Jikelele (i-GRAP), ekhutshwe yiBhodi yeMigangatho yoCwangciso-mali ngokuhambelana neCandelo lama-91(1) soMthetho woLawulo lweMali kaRhulumente (uMthetho woku-1 we-1999).

Ezi ngxelo-mali zonyaka zilungiswe ngokweenkcukacha ezongezelelekileyo kwaye ziyahambelana nemali ebekiweyo njengendleko, ngaphandle kokuba kuchazwe ngenye indlela.

Onke amanani asondezwe kwiwaka elikufutshane

Isishwankathelo semigaqo-nkqubo ebalulekileyo yocwangciso-mali, eyayisetyenziswe rhoqo kumalungiselelo ezi ngxelo zemali zonyaka, zichaziwe ngezantsi.

Le migaqo-nkqubo yocalulo-mali olusetyenziswe rhoqo kwixesha langaphambili.

1.1 Ingqikelelo ngenkxalabo eqhubekayo

Ezi ngxelo zemali zonyaka zilungiselelwe ngokusekwe ekulindelekeni ukuba iqumrhu liya kuqhubeka nokusebenza njengenkxalabo eqhubekayo ubuncinci kwiinyanga eli-12 ezayo.

1.2 Izigwebo ezibalulekileyo kunye nemithombo yoqikelelo lokungaqiniseki

Iqumrhu lenza uqikelelo kunye nokucinga malunga nekamva. Iingqikelelo zoCwangciso-mali zokukhokelela ziya kuthi ngenkcazo zingafane zilingane iziphumo ezinxulumene noko. Iingqikelelo kunye nezigwebo zihlala zivavanywa kwaye zisekwe kumava embali kunye nezinye izinto, kubandakanya ukulindelwa kweziganeko zexesha elizayo kubangela uhlengahlengiso lwezinto zexabiso lempahla kunye neemfanelo kunyaka-mali olandelayo zixoxwa ngezantsi.

Izinto ezifunyenweyo

Iqumrhu lihlola izinto ezifunyenweyo zokuthintela ekupheliswen kwexesha ngalinye lokunika ingxelo. Ekuqinisekiseni ukuba ilahleko yokonakaliswa kufuneka irekhodwe kwintsalela okanye intsilelo, iqumrhu lenza izigqibo malunga nokuba kukho uvimba weenkcukacha ezibonakalayo ezibonisa ukwehla kwemali okuqikelelwa kwimali yexabiso lemali.

Ukuphazamiseka kwezinto ezifunyenweyo zibalwa kwisiseko sephothifoliyo, esekwe kwimilinganiselo yembali enkulu, ehlengahlengisiweyo kwiimeko zikazwelonke nezoqoqosho kunye noqoqosho kunye nezinye izikhombisi ezikhoyo ngomhla wokunikwa kwengxelo. Le milinganiselo yelahleko yonyaka isetyenziswa kwimilinganiselo yemali mboleko kwiphothifoliyo kwaye ityhilwe kwisithuba sokukhulisa ilahleko.

Isibonelelo somonakalo

Uqikelelo malunga nomonakalo wezinto ezifunyenweyo zenziwa xa ingqokelela yexabiso elipheleleyo lingasakwazi. Ukubonelelwa kwetyala lomonakalo kuya kubalwa kwizinto ezifumaneke ngentengiselwano kuphela. Ukunqongophala ngokupheleleyo kwequmrhu kuya kubalwa nokuba ngubani na umntu onetyala okanye ubuncinci bodidi lomngcipheko.

1.3 Izixhobo zemali

Izixhobo zemali zequmrhu zihlelwe njengee-asethi zemali okanye amatyala.

Isixhobo semali siso nasiphi na isivumelwano esinika i-asethi yemali yequmrhu elinye kunye noxanduva lwezemali okanye inzala yelinye iqumrhu.

Indleko ehlawuliweyo ye-asethi yexabiso lemali okanye uxanduva lwezemali yimali apho imali yexabiso okanye ityala lezemali lilinganiswe kwimali enkulu yeentlawulo, kunye okanye kuthatyathwe Ixabiso elihlawuliweyo elongezelelekileyo kusetyenziswa indlela yengeniso esebenzayo yawo nawuphi na umahluko phakathi kwesona sixa-mali nesixa-mali esimele ukuhlawulwa, kuze kuthatyathwe naluphi na uncitshiso (ngqo okanye ngokusetyenziswa kwe-akhawunti yesibonelelo) ukonakalisa okanye engaqokelelekiyo.

Umngcipheko wexabiso lenzala ngumngcipheko wokuba ixabiso elifanelekileyo okanye ukuhamba kwemali okuzayo kwesixhobo sezemali kuya kutshintsha ngenxa yotshintsho kumaxabiso enzala.

Iintlawulo zemboleko-mali ngamatyala emali, ngaphandle kweentlawulo zexesha elifutshane kwiimeko zetyala eliqhelekileyo.

1.3 Izixhobo zemali (kuyaqhubeka)

Ihlelo

Iqumrhu linazo ezi ntlobo zilandelayo ze-asethi yemali (iiklasi kunye nodidi) njengoko kubonisiwe ngaphambili kwingxelo yobume bemali okanye kumanqaku apho:

Udidi	**Uhlobo**
Imali efunyenwe kutshintshiselo lwentengiselwano	I-asethi yemali ilinganiselwa kwindleko yomonakalo
Imali nokulinganiswa nayo	

Iqumrhu linezintlobo zilandelayo zamatyala emali (iindidi nohlobo) njengoko kubonisiwe ngaphambili kwingxelo yobume bemali okanye kumanqaku apho:

Udidi	**Uhlobo**
Iintlawulo kutshintshiselo lwentengiselwano	Ityala lemali lilinganiswa kwindleko yomonakalo

Umlinganiselo wokuqala wee-asethi zemali namatyala emali

Iqumrhu lilinganisa ii-asethi zemali kunye noxanduva lwemali, ngaphandle kwazo emva koko zilinganiswe ngexabiso elifanelekileyo, ekuqaleni kwixabiso lakhe elichanekileyo kunye neendleko zentengiselwano okanye ukuphepha kwemali.

Iqumrhu lilinganisela zonke ezinye ii-asethi zemali namatyala emali ekuqaleni ngexabiso elifanelekileyo.

iqumrhu liqala lihlole ukuba into ebolekiweyo yemboleko yimali mboleko kusini na. Ekuqapheliswen kokuqala, iqumrhu lihlalutya imali-mboleko yemvume kumacandelo ayo kunye nee-akhawunti zecandelo ngalinye ngokwahlukeneyo. Iqumrhu lenza ingxelo yenxalenye yemali-mboleko yemvume ethi:

isibonelelo sentlalontle ngokuhambelana neSakhelo soLungiselelo noNikezelo lweeNgxelo zeMali, apho ingumnikeli wemali mboleko; okanye
Ingeniso yotshintshiselwano, ngokungqinelana noMgangatho we-GRAP kwiNgeniso yeNtengiselwano engeyiyo eyolwananiso
(Iirhafu kunye noTshintshelo), apho inguye umntu ofumana imali mboleko.

Umlinganiselo olandelayo wee-asethi zemali namatyala emali

Iqumrhu lilinganisela zonke ii-asethi zemali namatyala emali emva kokuqatshelwa kokuqala kusetyenziswa ezi ntlobo zilandelayo:

Izixhobo zemali ngexabiso elifanelekileyo.
Izixhobo zemali ngendleko yomonakalo
Izixhobo zemali ngendleko ezifanelekileyo

Zonke ii-asethi zemali zilinganiselwa kwindleko zomonakalo, okanye ngendleko, zixhobekeke kuphononongo lomonakalo.

Iindleko ezihlawulweyo ze-asethi eyimali okanye uxanduva lwezemali lixabiso apho i-asethi yezemali okanye uxanduva lwezemali lulinganiswa ekuqwalaselweni kokuqala kuthatyathwa intlawulo yenqununu, kunye okanye ukunciphisa ukuncipha kokusebenzisa inzala esebenzayo yomahluko phakathi kwalo mali yokuqala kunye nesixa esele sihlawulwe, kunye nokususa nakuphi na ukuncitshiswa (ngokuthe ngqo okanye ngokusetyenziswa kwe-akhawunti yesibonelelo) kukhubazeko okanye ukungafumaneki kwimeko ye-asethi eyimali.

IMigaqo-nkqubo yoCwangciso-mali

1.3 Izixhobo zemali (kuyaqhubeka)

Iingqwalasela zomlinganiselo wexabiso elifanelekileyo

Obona bungqina bexabiso elifanelekileyo ngamaxabiso acatshulwe kwintengiso esebenzayo. Ukuba imakethi yesixhobo semali ayisebenzi, iqumrhu limisela ixabiso elifanelekileyo ngokusebenzisa inkqubo yokuxabisa. Injongo yokusebenzisa ubuchule boqingqo-maxabiso kukuseka ukuba ixabiso lentengiselwano beliya kuba yintoni na kumhla wokulinganisa kutshintshiselwano yokuphepha okuqhutywa ziindlela zokusebenza eziqhelekileyo. Iindlela zokuxabisa zibandakanya ukusebenzisa intengiselwano yokuphepha kwakutsha nje phakathi kwamaqela anolwazi, azimiseleyo, ukuba ayafumaneka, kubhekiswa kwixabiso elifanelekileyo lesinye isixhobo esifanayo, uhlalutyo lokuhamba kwemali kunye neemodeli zokukhetha amaxabiso. Ukuba kukho ubuchule boqingqo-maxabiso obudla ngokusetyenziswa ngabathathi-nxaxheba kwimakethi ukwenza amaxabiso esi sixhobo kwaye obu buchule bubonakalisiwe ukubonelela ngoqikelelo oluthembekileyo lwamaxabiso afunyenwe kwintengiselwano yokwenene yentengiso, iqumrhu lisebenzisa obo buchule. Inkqubo yexabiso ekhethiweyo yenza ukusetyenziswa okuphezulu kokungenisiweyo kweemarike kwaye ixhomekeke kancinci kangangoko kwigalelo elithile leziko. Idibanisa zonke izinto ezinokuthathwa ngabathathi-nxaxheba kwimarike ekubekeni ixabiso kwaye iyahambelana neendlela zoqoqosho ezamkelekileyo zexabiso lezixhobo zemali. Ngamaxesha athile, iqumrhu lilinganisa ubuchule boqingqo-maxabiso kwaye luhlole ukunyaniseka kusetyenziswa amaxabiso asuka nakuphi na ukuthengiselana okwangoku okubonakalayo kwintengiso kwinto enye (okt ngaphandle kokulungiswa okanye ukuphinda ubeke kwakhona) okanye ngokusekwe kuyo nawuphi na uvimba weenkcukacha zentengiso ebonakalayo

Izinto ezifunyanwayo zexesha elifutshane kunye nezinto ezihlawulwayo aziphungulwanga apho ixesha lokuthenga ngetyala elinikiweyo okanye elifunyenweyo lihambelana nemigqaliselo esetyenziswe kwicandelo likarhulumente, nokuba kukwizenzo okanye umthetho osekiweyo.

Iinzuzo nelahleko

Inzuzo okanye ilahleko evela kutshintsho kwixabiso elifanelekileyo lwe-asethi yemali okanye ityala lemali elilinganiswa kwixabiso elifanekileyo lifakwa kwintsalela okanye kwintsilelo.

Kwii-asethi eziyimali namatyala emali alinganiswa ngexabiso okanye iindleko ezihlawulweyo, inzuzo okanye ilahleko ibonwa njengentsalela okanye intsilelo xa ii-asethi eziyimali okanye ityala eliyimali linganakanwa okanye lonakele, okanye ngenkqubo

Ukonakala nokungafumaneki kwezinto zexabiso eziyimali

Iziko lihlola ekupheleni kwexesha ngalinye lokunika ingxelo ukuba ingaba bukhona na ubungqina benjongo yokuba ii-asethi eziyimali okanye iqela lee-asethi eziyimali zonakele.

Kwizixa-mali ngenxa yequmrhu, ubunzima obubonakalayo bezemali bokufumanekayo, amathuba okuba okufumanekayo kuya kungena njengongenakonakala nokungahlawuliswa kweentlawulo zonke ezi zizalathiso eziqwalaselweyo zokonakaliswa.

Ii-asethi zemali zilinganiselwa kwindleko yomonakalo:

Ukuba kukho ubungqina obunenjongo bokuba ilahleko yokonakaliswa kwezinto zexabiso eziyimali ezilinganiswe ngexabiso le-amortised yenziwe khange kungenwe) isaphulelo kumyinge wenzala wokuqala we-asethi yemali. Ixabiso lokuphathwa kwempahla yexabiso lincitshisiwe ngokusebenzisa iakhawunti yesibonelelo. Imali yelahleko ibonwa njengentsalela okanye intsilelo.

Ukuba, kwixesha elilandelayo, inani lelahleko yokwehla liyancipha kwaye ukwehla kunokunxulunyaniswa ngokungangqalanga nesiganeko esenzeka emva kokuthotywa kwento eqatshelweyo, ilahleko yomonakalo eqatshelweyo ngaphambili ibuyiselwa umva ngokulungisa iakhawunti yesibonelelo. Ukubuyiselwa umva akubanga kwisixa-mali esihamba kwimpahla ye-asethi eyimali engaphezulu kwexabiso ebelinokuhlawulwa ngenxa yokuthotywa komonakalo. Imali ebuyiswayo ibonwa njengentsalela okanye intsilelo.

Apho ii-asethi eziyimali zonakaliswe kukusetyenziswa kweakhawunti yesibonelelo, imali yelahleko ibonwa njengentsalela okanye intsilelo kwiindleko zomsebenzi. Xa ezo asethi zemali zicinyiwe, ukucinywa kwenziwa ngokuchasene neakhawunti efanelekileyo yesibonelelo. Ukufunyanwa okulandelayo kwezixa ebezicinyiwe ngaphambili kufakwa kwiindleko zokusebenza.

Ii-asethi zemali zilinganiselwa kwixabiso:

Ukuba kukho ubungqina obunenjongo bokuba ilahleko yokonakaliswa yenzekile kutyalo-mali lwenzala eyintsalela engalinganiswanga ngexabiso elifanelekileyo kuba ixabiso layo elilungileyo alinakulinganiswa ngokuthembekileyo, imali yelahleko yomonakalo ilinganiswa njengomahluko phakathi kwemali ye-asethi eyimali kunye nexabiso langoku eliqikelelwayo lokungena nokuphuma kwemali kwisaphulelo sexabiso lemarike yangoku ye-asethi yemali efanayo. Ilahleko zokuphazamiseka azibuyiswa umva.

1.3 Izixhobo zemali (kuyaqhubeka)

Okungachazwanga

Ii-asethi zemali

Iqumrhu alizichazi ii -asethi zemali lisebenzisa ucwangciso-mali lomhla worhwebo.

Iqumrhu alizichazi ii-asethi zemali kuphela xa:
amalungelo ekhontrakthi okungena nokuphuma kwemali kwi-asethi yemali iphelile, ihlawulwe okanye irhoxisiwe;
Iqumrhu idluliselwa kwelinye iqela ngokukuko yonke imingcipheko kunye namabhaso obumnini be-asethi eyimali
; okanye
iqumrhu, nangona ligcinile umngcipheko othile kunye nemivuzo yobunini beasethi eyimali, ludlulisele ulawulo lwe-asethi kwelinye iqela kwaye elinye iqela linakho ukuthengisa i-asethi iyonke kwiqela lesithathu elingahambelaniyo, kwaye Uyakwazi ukusebenzisa obo buchule unilaterally kwaye ngaphandle kokufuna ukubeka imiqobo eyongezelelweyo

- lingazichazi ii-asethi; kwaye
- lisamkela ngokukhethekileyo nawaphi na amalungelo nezibophelelo ezidalelwe okanye egcinwe kudluliselo.

Isixa-mali se-asethi esigqithisiweyo sabiwa phakathi kwamalungelo okanye izibophelelo ezigciniweyo kunye nezo zigqithisiweyo ngokwamaxabiso amaxabiso afanelekileyo ngomhla wokudluliselwa. Amalungelo kunye nezibophelelo ezisandula ukwenziwa zilinganiswa ngokwexabiso elifanelekileyo ngaloo mhla. Nawuphi na umahluko phakathi kwengqwalaselo efunyenweyo kunye nezixa-mali eziqatshelweyo nezingachanekanga iyaqwalaselwa njengentsalela okanye intsilelo ngexesha logqithiso.

Xa kunganakanwa i-asethi eyimali iyonke, umahluko phakathi kwexabiso lokuthwala kunye nesixa-mali sokuqwalaselwa okufunyenweyo kuqatshelwa kwintsalela okanye kwintsilelo.

Amatyala emali

Iqumrhu lisusa ityala lemali (okanye inxenye yetyala eliyimali) kwingxelo yalo yobume bemali xa licinyiwe - o.k.t xa uxanduva oluchazwe kwikhontrakthi lukhutshiwe, lurhoxisiwe, luphelelwe lixesha okanye luyekile.

Unaniselwano phakathi komboleki okhoyo kunye nombolekisi wezixhobo zetyala elinamagama ahluke ngokuthe gabalala kuthathwa njengolicime ityala loqobo lwemali kwaye ityala elitsha lemali liyaqwalaselwa. Kwangokunjalo, uhlengahlengiso olukhulu lwemiqathango yetyala elikhona okanye inxenye yalo kunikwa ingxelo yokuba icime ityala eliyimali lokuqala kwaye yamkela ityala elitsha lemali.

Umahluko phakathi kwexabiso lokuthwala ityala lemali (okanye inxenye yetyala eliyimali) ucinyiwe okanye wagqithiselwa kwelinye iqela nengqwalaselo ehlawuliweyo, kubandakanywa naziphi na ii-asethi ezingezizo ezemali ezigqithisiweyo okanye amatyala athatyathiweyo, uyaqwalaselwa kwintsalela okanye kwityala. Nawaphi na amatyala arhoxisiweyo, axolelweyo okanye athatyathwa lelinye iqumrhu ngendlela engeyiyo eyokutshintshiselana ayabalwa ngokweMigangatho yeGRAP kwiRhafu yeNgeniso engeyiyo eyokuTshintshiselwano (Iirhafu noDluliselo).

Izinto ezifunyanwayo ezisemthethweni zifunyanwa ezivela kumthetho, kwimimiselo exhasayo, okanye kwiindlela ezifanayo, kwaye zifuna ukuhlawulwa lelinye iqumrhu ngemali okanye ngenye i-asethi eyimali.

Ukuphatha isixa-mali sisixa-mali apho i-asethi iqatshelweyo kwingxelo yobume bemali.

Indlela yeendleko yindlela esetyenziselwa ukuphendula izinto ezifunyanwayo ezisemthethweni ezifuna ukuba ezo zinto zifunyanwayo zilinganiswe ngokwentengiselwano yazo, kunye nayo nayiphi na inzala eqokelelweyo okanye ezinye iintlawulo (apho kufanelekileyo) kwaye, kunciphise nayiphi na ilahleko yomonakalo efumanekayo kunye naziphi na iimali

Umyinge wenzala ngumyinge wenzala kunye / okanye isiseko esichazwe kumthetho, ukuxhasa imigaqo okanye iindlela

Imali yentengiselwano (ngeenjongo zalo mgangatho) zokufunyanwa ngokwasemthethweni kuthetha imali echaziweyo, okanye ebaliweyo, ehlawuliswa okanye ehlawuliswayo ngokungqinelana nomthetho, imimiselo exhasayo, okanye iindlela ezifanayo.

1.4 Uluhlu lweempahla

Uluhlu lweempahla ekuqaleni luthelekiswa ngexabiso ngaphandle kwaxa uluhlu lweempahla lufunyenwe ngenxa yentengiselwano engengotshintshiselwano, emva koko iindleko zazo lixabiso elifanelekileyo ngomhla wokufunyanwa kwazo.

Emva koko uluhlu lweempahla luthelekiswa ngexabiso elisezantsi kunye nexabiso

Uluhlu lweempahla luthelekiswa ngexabiso elisezantsi kunye nexabiso langoku lokugcina endaweni ebekelwe lona;

1.4 Uluhlu lweempahla (kuyaqhubeka)

ukusasazwa ngaphandle kwentlawulo okanye ngentlawulo engephi; okanye
Ukusetyenziswa kwenkqubo yokuhanjiswa kwempahla ezokwabiwa ngaphandle kwentlawulo okanye

Ixabiso eliqinisekisiweyo lenzala lixabiso eliqikelelweyo lokuthengisa kwinkqubo yesiqhelo yokusebenza ngaphandle kweendleko eziqikelelweyo zokugqitywa kunye neendleko eziqikelelweyo eziyimfuneko ukwenza intengiso, ukutshintshiselana

Iindleko zoluhlu lwezinto zabelwe ukusebenzisa ifomula yexabiso eliphakathi. Ifomula enye yeendleko isetyenziselwa zonke izinto ezinoluhlobo olufanayo kunye nokusetyenziswa kwento leyo.

1.5 Amatyala anokuVela

Uqikelelo lwamatyala anokuvela lwenziwa xa iziko linoxanduva lwangoku olusemthethweni ngenxa yeziganeko ezidlulileyo, kunokwenzeka ukuba ukuphuma kwezixhobo kuya kufuneka ukuhlawula isibophelelo, kwaye uqikelelo oluthembekileyo lwesibophelelo lunokwenziwa.

Amatyala anokuvela awanakanwa. Izinto ezingachazwanga zichaziwe kwinqaku le-18.

1.6 Izibophelelo

Izinto zihlelwa njengezibophelelo xa iqumrhu lizibophelele kwitransekshini yexesha elizayo eya kuthi ikhokelele ekuphumeni kwemali.

Ukuxela kuyafuneka ngokubhekisele kwizibhambathiso ezingaziwayo.

